## Ukufunda ngoMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika (1996)

Umgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika (1996) uqulethe eyona mithetho yongameleyo yeli lizwe. Le mithetho ingaphezulu komongameli welizwe, ngaphezulu kweenkundla zamatyala nangaphezulu kukarhulumente.

Le mithetho ichaza indlela abemi beli lizwe abafanele ukuphathana ngayo, nokuba ayintoni amalungelo noxanduva lwabo omnye komnye. Umgaqo-siseko welizwe ukho ukuze usikhusele ngalo mzuzu kwaye ukhusele nabantwana bethu kwixesha elizayo.

| Masiyazi imvelaphi yethu. | Masingaphindi iimpazamo zexesha elidlulileyo. | Umgaqo-siseko wethu uyasinceda ukuze sakhe ingomso elingcono lomntu wonke. |
|---|---|---|

Thina, bantu boMzantsi Afrika,
Siyaziqonda iimeko zolwaphulo-bulungisa zamaxesha ethu adlulileyo;
Sibanika imbeko abo beva ubunzima bebulalekela ubulungisa nenkululeko elizweni lethu;
Siyabahlonela abo bathi basebenzela ukwakha nokuphuhlisa ilizwe lethu; kwaye
Sikholelwa ekubeni uMzantsi Afrika ngowethu sisonke thina sihlala kuwo, simanyene nangani siziintlobo ngeentlobo.
Thina ke ngoko, ngabameli bethu abanyulwe ngokukhululekileyo, siyawuvuma lo mGaqo-siseko ukuba ungowona mthetho wongameleyo weRiphablikhi ukuze—

Ungcibe udibanise izantlukwano zangaphambili uze wakhe uluntu olusekwe kwizithethe ezixabisekileyo zedemokhrasi, ubulungisa kwezentlalo namalungelo abantu asisiseko;


Wenze isiseko soluntu oluphila ngendlela yedemokhrasi nolwenza izinto elubala apho urhulumente asekelwe kwintando yabantu nalapho wonke ummi ekhuselwe ngokulinganayo ngumthetho;

Uphucule ixabiso lokuphila kwabo bonke abemi, uze uvumele ukusebenza kwesakhono somntu ngamnye; kanjalo

Wakhe uMzantsi Afrika omanyeneyo nonedemokhrasi onakho ukuthabatha indawo yawo efanelekileyo njengelizwe elinobunganga kusapho lwezizwe ngezizwe.

| Wabange amalungelo akho njengommi weli loMzantsi Afrika kwaye nawe uluthathele kuwe uxanduva lokukhusela amalungelo abanye. | Wazi amalungelo akho noxanduva lwakho. |
|---|---|

*Wanga uThixo angabakhusela abantu bakokwethu.*
*Nkosi Sikelel' iAfrika. Morena boloka setjhaba sa heso.*
*God seën Suid-Afrika. God bless South Africa.*
*Mudzimu fhatutshedza Afurika. Hosi katekisa Afrika.*



Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-0116-8
9 781431 501168

*Workbooks available in this series:*
- *Grade R (in all official Languages);*
- *Literacy/Home Language Grades 1 to 6 (in all 11 official Languages);*
- *Mathematics Grades 1 to 3 (in all 11 official Languages);*
- *Mathematics Grades 4 to 9 (in Afrikaans and English);*
- *Life Skills Grades 1 to 3 (in all 11 official Languages); and*
- *Grades 1 to 6 English First Additional Language.*


**ISIXHOSA HOME LANGUAGE**
**GRADE 6 – BOOK 2**
**TERMS 3 & 4**
**ISBN 978-1-4315-0116-8**
**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**
**10th Edition**

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – Ibanga lesi-6 Incwadi yesi-2

ISBN 978-1-4315-0116-8

Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS

Ibanga lesi-6



Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

Incwadi yesi-2
Ikota 3 & 4

Gr6 XHO HL B2_Cover.indd 1 2019/07/17 11:01:46



UNksk. Angie Motshekga,
uMphathiswa wemfundo
esisiSeko



UMnu. Enver Surty
uSekela Mphathiswa
wemfundo esisiSeko

*Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.*


*Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.*

*Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.*

*Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.*

*Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.*

# Inkqubo yokubhala



## Isicwangciso

**Yenza isigqibo ngesihloko sakho.
Thetha neqela lakho ukuze ufumane izimvo.
Sebenzisa isazobe sokucinga ukuze ucacise izimvo zakho malunga nesakhiwo sebali, abalinganiswa kwakunye nemontlalo.**

## Ilinge lokuqala

**Bhala ilinge lakho lokuqala.
Cinga ngabafundi bebali, ubume balo kunye nemihlathi yalo.**

## Lihlaziye

**Funda ilinge lakho lokuqala ukhangele iziphoso uze ufune iingcebiso koogxa bakho nakutitshala wakho.**

## Lihlele

**Hlela isincoko okanye ibali lakho ukhangele iimpazamo zopelo neziphumlisi.
Yenza izilungiso kwilinge lakho.**

## Lipapashe

**Bhala ilinge lakho lokugqibela elihleliweyo ngobunono.**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education

Tenth edition 2020

ISBN 978-1-4315-0116-8

**This book may not be sold.**

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

# IZIKHOKELO ZOKUSEBENZISA LE NCWADI YOKUSEBENZELA

Le ncwadi yisebenzise kunye namanye amancedo/nabanye oovimba. Funda uxwebhu lweCAPS lwesigaba Esiphakathi solwimi lwasekhaya

Siyanamkela kule Ncwadi yokusebenzela yoLwimi Lwasekhaya lwesigaba esiphakathi. Umgangatho woLwimi Lwasekhaya lwesigaba esiphakathi ujolise ekuphuhliseni izakhono zolwimi zabafundi ukuze bakwazi ukunxibelelana kwiimeko zentlalo, kananjalo nasekuphuhliseni izakhono zengqiqo zokufunda ezingundoqo ekufundeni kwikharityhulam yonke. Sinethemba lokuba uya kuyifumana iluncedo le ncwadi ekuncedeni abafundi baphucule izakhono zabo.

Le Ncwadi yokusebenzela ilungelelaniswe nemijikelo yeeveki ezimbini zikaCAPS. Isishwankathelo sokuya kufundiswa kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini ufumaneka kumaphepha 1, 35, 69 nakwele-103 kule ncwadi yokusebenzela. Umjikelo ngamnye weeveki ezi-2 uqulethe izakhono ezine zolwimi:




**1 Ukuphulaphula nokuthetha (Ezomlomo) – Iiyure ezimbini kumjikelo weeveki ezi-2**

Kufuneka abafundi bafumane rhoqo amathuba okuphuhlisa izakhono zabo zokuphulaphula nokuthetha ukuze bakwazi ukuqokelela ulwazi, ukusombulula iingxaki nokuvakalisa izimvo zabo. Ezi ncwadi zinemisebenzi eliqela yokuthetha nokuphulaphula onokuyongeza ukuze uqinisekise ukuba banamathuba okuziqhelisa ukuthetha.




**2 Ukufunda nokubukela – iiyure ezi-5 kumjikelo weeveki ezi-2**

ICAPS igunyazisa ukuba abafundi bafunde kwaye babone izicatshulwa nokunye okubhaliweyo kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Oku kuquka ukufunda: amabali amafutshane, iintsomi, amabali angamava abantu, iileta, ii-imeyile, ukubhala kwiidayari, amanqaku eemagazini, udliwano-ndlebe lukanomathotholo/lwerediyo, imibongo, izicatshulwa ezithundezayo, izibhengezo/iintengiso, imiyalelo, iinkqubo neendlela zokwenza. Ukongeza, iCAPS ikwafuna ukuba abafundi bafunde izicatshulwa zolwazi ezinemifanekiso: iimephu, iitshathi, iitheyibhile, imizobo, izazobe zokucinga, iitshathi zemozulu, iipowusta, izaziso, imifanekiso kunye neegrafu. Uya kuzifumana ziliqela ezi ntlobo zezicatshulwa kule ncwadi yokusebenzela. ICAPS ikwachaza nenkqubo yokufunda ebandakanya amanqanaba okufunda kwangaphambili, ukufunda kwanokufunda kamva. Uya kufumana inkcazelo yemifanekiso eluncedo yenkqubo yokufunda kuqweqwe lwangaphakathi lwale ncwadi.





**3 Ukubhala nokunikezela – Iiyure ezi-4 kumjikelo weeveki ezi-2**

iCAPS ifuna abafundi banikwe rhoqo amathuba okuziqhelisa ukubhala kwiimeko ezahlukeneyo. Ezi Ncwadi zokusebenzela zinika izakhelo eziliqela zokubhala eziza kuba luncedo kubafundi ekucwangciseni nasekuboniseni izicatshulwa zabo ezibhalwayo, ezibonwayo nezinye iindlela zosasazo. Uya kufumana inkcazelo yegrafu yenkqubo yokubhala kuqweqwe lwangaphakathi olungasemva lwale ncwadi.




**4 Izakhiwo zolwimi – Iyure e-1 kumjikelo weeveki ezi-2**

iCAPS inika uluhlu lwezakhiwo zolwimi nemisebenzi ekufanele ukuba yenziwe kwibanga ngalinye. Le Ncwadi iquka imisebenzi ethile kumjikelo ngamnye weeveki ezi2. Le misebenzi idla ngokuba nenqaku elichaza umsebenzi wolwimi.




Ukuze ufumane isikhokelo ngokubanzi, funda incwadana yoqeqesho yale Ncwadi yokusebenzela.

Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 2 2019/10/23 11:50:20

# Iziqulatho

## Umxholo 5: Amabali ayinyani nangeyonyani




### Iiveki 1 – 2: Ukubalisa amabali

**65 Inkwenkwana eyayifuna italente yayo** 2

Ufunda ibali.
Uphendula imibuzo esekelwe ebalini.

**66 UCharlie usakhangela** 4

Ufunda ibali.
Uphendula imibuzo esekelwe ebalini.
Ukhangela amagama anentsingiselo efanayo neyamabinzana anikiweyo.
Uchaza iimvakalelo zikaCharlie.
Ubhala inqaku ledayari elishwankathela ibali.

**67 Ndibhala ibali lam** 6

Uxoxa ngabalinganiswa, ngesimo sentlalo sencwadi nangeziganeko ezingoCharlie ebalini.
Uzalisa isazobe sokucinga ekwenzeni isicwangciso sebali ngokugxininisa kubalinganiswa, kwisimo sentlalo nakwisakhiwo sebali.
Ubhala ibali ngocoselelo.

**68 Iintlobo ezahlukeneyo zezimelabizo** 8

Ugqibezela izivakalisi ngokuzalisa izimelabizo ezichanekileyo zokwalatha nezibuzayo.
Uchaza izimelabizo zokukhomba, ezogxininiso nezoquko kunye nendlela ezisetyenziswa ngayo.
Ubalisa ibali kwakhona ngokulandelelana kweziganeko.

**69 Masenze isigxeko- ncomo sencwadi** 10

Ufunda isigxeko-ncomo sencwadi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisigxeko-ncomo sencwadi.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Ubhala Isigxeko-ncomo sencwadi abayifundileyo bayonwabela.

**70 Umdlalo wexesha langoku** 12

Udlala umdlalo webhodi wexesha langoku.

**71 UNelson Mandela uya kwisikolo samabanga aphakamileyo** 14

Ufunda isicatshulwa esisekelwe kwi-othobhayografi kaNelson Mandela.
Uxoxa ngamabinzana athile neentsingiselo zawo.
Ujonga amagama akhethiweyo kwisichazi-magama aze abhale isivakalisi ngegama ngalinye.
Uxoxa ngemibuzo esekelwe ebalini.
Uphendula imibuzo engamanqanaba ahlukeneyo ebomini bukaNelson Mandela.

**72 Masibhale ibali** 16

Usebenzisa isazobe sokucinga ekucwangciseni ibali egxininisa kubalinganiswa, kwisimo sentlalo nakwisakhiwo sebali.
Ubhala ilinge lokuqala lebali, uyalilungisa aze abhale ibali elipheleleyo ngocoselelo.

### Iiveki 3 – 4: Iintsomi

**73 UJabu kunye nengonyama** 18

Ufunda intsomi.
Uxoxa ngemibuzo esekelwe ebalini.
Wenza umdlalo abonise isiphelo sebali.
Uvavanya eminye imidlalo eboniswayo.

**74 UJabu uva umgqumo wengonyama** 20

Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo esekelwe ebalini.
Ulandelelanisa iziganeko kakuhle ngokufaka iinombolo emifanekisweni.
Uphinda abalise ibali ngokulandelelana kwalo.
Uchaza izenzi kwisicatshulwa aze azisebenzise ekwakheni izivakalisi.
Uchaza izifanokuthi zezenzi ezinikiweyo.
Uchonga imo echanekileyo yesenzi kwizivakalisi.

**75 Kwenzeka ntoni kwingonyama?** 22

Ufunda intsomi yakwaZulu ayigqibe.
Uxoxa ngebali aze achaze iimvakalelo nezimvo.

**76 Masicinge ngebali** 24

Ubhala isishwankathelo sebali achaze ukuqhubela phambili kwebali neziganeko ezahlukileyo kwinqanaba ngalinye.
Uxoxa ngabalinganiswa abasebalini.
Usebenzisa izichazi ekuchazeni abalinganiswa.
Ubhala isivakalisi ngendawo nganye eboniswa emfanekisweni.
Ukhumbula ukulandelelana okuchanekileyo kwebali ngokufakela iinombolo kwizivakalisi.

**77 Khawucinge ngabalinganiswa** 26

Ubhala izichazi zesimo sengonyama.
Ubhala umhlathi ochazayo ngengonyama.
Uxoxa ngezichazi ezichaza isimo sikaJabu.
Ubhala ngesimo somlinganiswa.
Ubhala inkcazelo yomntu wokwenyani.

**78 Sijonga ulwimi** 28

Uqikelela ibali ngokuxoxa ngemifanekiso.
Usebenzisa itheyibhile ukuchaza okwenzeka kumfanekiso ngamnye.
Ubhala isivakalisi ngento eyenzeka emifanekisweni.
Uphinda abhale izivakalisi asebenzise ixesha elizayo.
Ugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa isenzi esichanekileyo.

**79 Ukwakha izibizo** 30

Ubhala izivakalisi ezisekelwe kwitshathi.
Uchaza izikhankanyi kwizivakalisi.
Uxoxa ngendawo yekoma nokuba iyitshintsha njani intsingiselo yesivakalisi.
Wenza umfanekiso ukuze abonise intsingiselo yesivakalisi esingacacanga.

**80 Masizidibanise** 32

Usebenzisa izihlanganisi ekwakheni izivakalisi ezixandileyo.
Uchonga izenzi kunye nezibizo kwizivakalisi.






Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 1 2019/10/23 11:50:22

# Inkwenkwana eyayifuna italente yayo





Masifunde

Uza kufunda eli bali kumaphepha amabini okusebenzela

**Phambi kokufunda**

- Jonga kule mifanekiso nakwisihloko/kwizihloko uze uzame ukuqikelela ukuba siya kuba ngantoni na isicatshulwa.
- Funda iingongoma ezisephepheni ngokukhawuleza ukuze ube nofifi loko uza kufunda ngako.

**Ukufunda**

- Thelekisa uqikelelo lwakho naloo nto uyifundayo.
- Ukuba akuwuqondi kakuhle umhlathi othile wufunde kwakhona ungangxami. Funda ngokuvakalayo.

Kwakusekuqaleni kweeholide zesikolo. UCharlie, owayehlala eLimpopo, wayetyala imifuno kwisitiya sasekuhlaleni esisecaleni kwendlu yakowabo. Wathi xa ephakamisa intloko, wabona umhlobo wakhe uDingani ebaleka edlula.

"Molo Dingani. Uza kwenza ntoni ngethuba leeholide?" Wabuza watsho uCharlie.

"NdinguKapteni weqela lebhola ekhatywayo lasesikolweni, kwaye siza kube siziqeqesha yonke imihla ukulungiselela itumente enkulu", waphendula watsho uDingani.

"Nyhani, yinto entle leyo!" Waphendula watsho uCharlie.

Wathi xa uDingani ebaleka emshiya, uCharlie washiyeka embombozela, "nam ndinqwenela ukuba kwiqela lebhola ekhatywayo. Ndiza kuqalisa ndiziqhelise".

Kwiveki elandelayo, uCharlie waziqeqesha kunye neqela likaDingani lebhola ekhatywayo. Wadlala neli qela, kodwa izinto azizange zihambe kakuhle. Wayekhutyekiswa ziinyawo zakhe, waphisa ngenqaku ngokuthi akhabele ibhola ezipalini zelinye icala.

Ekupheleni komdlalo, uCharlie waqonda ukuba ibhola ekhatywayo ayimlungelanga. Wacothoza ukubheka ekhaya waze wabuyela esitiyeni.

Esazisebenzela njalo, wabona uJan edlula ngendlela. "Molo Jan!" wakhwaza watsho. "Uza kwenza ntoni ngezi holide?"
Wathi uJan, "Ndikwikwayala yasecaweni, kwaye ndiza kube ndisiya kuziqhelisa ukucula yonke imihla. Silungiselela ikonisathi enkulu."

UCharlie waphefumlela phezulu. "Akwaba bendikwazi ukucula." Wazicingela ngaphakathi. Wonke umntu wayesenza izinto ezonwabisayo, ngeli xesha yena wayechitha ihlobo esebenza esitiyeni.





Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 2 2019/10/23 11:50:23


Umhla:



**Masibhale** Phendula le mibuzo ngokuphawula ibhokisi echanekileyo.




Amagama amatsha



**Oku kukuxelela ntoni malunga neemvakalelo zikaCharlie**

| | |
|---|---|
| A | Wayefuna ukudanisa |
| B | Wayekhathazekile |
| C | Wayephakuzela |
| D | Wayefuna ukusebenza esitiyeni |



Bhala izivakalisi ezibini ezisixelela ukuba uCharlie wayenqwenela ukuba neetalente ezifanayo nezabahlobo bakhe.



**Masibhale**

Bhala izinto ezimbini ezihlekisayo ezenziwa nguCharlie xa wayezama ukudlala ibhola ekhatywayo.

Wayeza kwenza ntoni uJan ngexesha leeholide zesikolo?

UCharlie wayeziva njani ngokusebenza esitiyeni emva kokuba ethethe noJan?

Ibali lithi emva kokuba eyokuziqhelisa ibhola ekhatywayo uCharlie “wacothoza ukubheka ekhaya”



**Oku kukuxelela ntoni malunga nendlela awayeziva ngayo uCharlie**

| | |
|---|---|
| A | Wayefuna ukudanisa. |
| B | Wayekhathazekile. |
| C | Wayephakuzela. |
| D | Wayefuna ukusebenza esitiyeni. |

INTSAYINO: Gama ______ Umhla ______



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 3 2019/10/23 11:50:24

# UCharlie usakhangela





## Masifunde

Emva kweeveki ezimbalwa, uCharlie wabona iphepha elalimema abantu abatsha ukuba bazokuzibandakanya neqela lomculo. Ucinga ukuba wenza ntoni? Waya kuzama ukuze azibone ukuba unako na. Kodwa wathi ngokuya ecula, ilizwi lakhe larhoxoza lakrasa. Omnye wabagwebi wajiya ebusweni wabe sele uCharlie esazi ukuba akazukukhethwa.

UCharlie wacothoza wabuyela ekhaya waphindela esitiyeni. “Bonke abahlobo bam baneetalente ezikhethekileyo.” wacinga. “Akwaba nam bendinento enditshatshelayo kuyo.” UCharlie wachitha zonke iiholide zakhe ezama ukukhangela italente yakhe kwaye lonke ixesha wayegoduka ethokombisile aze achithe ixesha lakhe esitiyeni.

Xa zisondela ekupheleni iiholide, uCharlie waphinda wabona abahlobo bakhe uDingani noJan. “Ibinjani itumente yebhola ekhatywayo?” wabuza uCharlie.


“Siphumelele!” waphendula watsho uDingani. “Ibinjani yona ikonsathi?” UCharlie watsho ebuza uJan. “Ingomso. Ikwayala yethu isebenze ngokuzimisela, kwaye ndiza kucula isolo.”

“Ndivuyisana nani,” watsho uCharlie. “Akwaba nam bendinento endingazingca ngayo.”

“Yithi uyadlala!” watsho uJan. “Imifuno yegadi yakho ityebile! Ibukeka inencasa kwaye isempilweni! Lonke ixesha ndizama ukulima izityalo zam, ziyatsha zife. Ndinqwenela italente yakho yokulima izityalo.”

“Nyani?” waphendula watsho uCharlie. “Andizange ndikhe ndicinge ukuba ukulima yinto ekhethekileyo.” Watsho encumile. “Kutheni le nto ningezi nje ngomso sizokubhiyozela impumelelo kaDingani? Ningeza nizokutya nathi isidlo sangokuhlwa. Siza kutya imifuno emitsha esuka egadini yam, size emva koko siye kwikonsathi kaJan!”

(Ithathwe kwiSample *prePIRLS questions and scoring guides*)



## Masibhale

Wazi njani ukuba iqela lebhola ekhatywayo likaDingani liqela eliphambili?

| |
|---|
| |
| |


Phendula le mibuzo ngokuphawula impendulo echanekileyo.

**UJan umncede ngokumfundisa ntoni uCharlie ekupheleni kwebali?**

| | |
|---|---|
| A | Wayesele enento atshatsheleyo kuyo. |
| B | Wayengumdlali ophambili webhola ekhatywayo. |
| C | Akulula ukusebenza esitiyeni |
| D | Abahlobo bakhe babenetalente ngaphezulu kwakhe. |

**UCharlie wayebamemela ntoni abahlobo bakhe?**


| | |
|---|---|
| A | Ukuze bazokubhiyozela ukuphela kwehlobo. |
| B | Ukuza kubhiyozela italente yakhe nezabo. |
| C | Ukuze bazokudlala ibhola ekhatywayo. |
| D | Ukuza kubafundisa ukulima esitiyeni. |





Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 4 2019/10/23 11:50:25


Umhla:



**Masibhale** Funda ibali elithi *Inkwenkwana eyayifuna italente* yayo uze ufumane amagama athetha oku kulandelayo:

| | |
|---|---|
| wayerhuqa iinyawo zakhe (kwiphepha lokusebenza lama-65) | |
| endumzela (kwiphepha lokusebenzela lama-66) | |
| Ukucula wedwa (kwiphepha lokusebenzela lama-66) | |
| impumelelo enkulu (kwiphepha lokusebenzela lama-66) | |
| Isiphiwo esikhethekileyo (kwiphepha lokusebenzela lama-66) | |
| | |

**Masibhale** Zeziphi izinto azama ukuzenza uCharlie?



**Masithethe** Waziva njani uCharlie emva kokuba engakhange aphumelele ekwenzeni ezi zinto zahlukeneyo?

Ingaba wena wakhe waziva njalo?

Waziva njani uCharlie akuba efumanise ukuba naye unetalente yokuba ngumlimi?

**Masibhale** Bhala kwidayari isishwankathelo sokuba uye waziva njani ekugqibeleni akuba efumanise ukuba naye unayo italente.

Dayari ethandekayo Umhla



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 5 2019/10/23 11:50:28

# 67 Ndibhala ibali lam




Fundani ibali likaCharlie neetalente zakhe kwakhona nize nixoxe ngale mibuzo:

- ❖ Ngoobani abalinganiswa abaphambili?
- ❖ Yintoni ingxaki?
- ❖ Eli bali liqhubeka phi? Chaza ukuba kwenzeka ntoni.
- ❖ Zeziphi iziganeko ezenzekayo?

- Sebenzisa isazobe sokucinga ekucwangciseni oza kukubhala.
- Bhala ilinge lokuqala.
- Cela umhlobo wakho alihlele.
- Fundisisa okubhalileyo kwakhona uze wenze izilungiso ezifanelekileyo.
- Bhala ngocoselelo kwisithuba esikwiphepha elingaphesheya.




Yenza isicwangciso sokubhala ibali lakho.

**Ngoobani abalinganiswa abasebalini?**

______________________

______________________

______________________

**Ingaba ibali lakho lenzeka phi?**

______________________

______________________

______________________

**Limalunga nantoni ibali lakho? (Ithini imeko okanye yintoni ingxaki?)**

______________________

______________________

______________________

**Zeziphi iziganeko eziqhubekayo?**

______________________

______________________

______________________

**Liphela njani? Ingaba sikhona isisombululo sengxaki?**

______________________

______________________

______________________

# Iintlobo ezahlukeneyo zezimelabizo






Fakela isimelabizo sokwalatha esichanekileyo.

| le | eziya | ezi | laa |
|---|---|---|---|

Xa sijonga izimelabizo zokwalatha uza kukhumbula ukuba u-le kunye no-ezi bakhomba apha, ngeli xesha u-laa kunye no-eziya bekhomba phaya

______________ nkwenkwezi ibhekise eMazantsi.

______________ yincwadi yam.


______________ nqanawe zikude zithwele imithwalo.

UThandi walima ______________ ntyatyambo kule bhedi kulo nyaka uphelileyo.

______________ yiselula yam entsha.

______________ khrayoni ndizisebenzisayo.

## Izimelabizo zogxininiso




Sijonga izimelabizo zogxininiso

**Izimelabizo zogxininiso** zisetyenziswa xa kugxininiswa. Imizekelo yezimelabizo zogxininiso: **oyena, owona, abona, ezona**.

Fakela izimelabizo zogxininiso ezichanekileyo kwezi zivakalisi.

| | |
|---|---|
| Ngubani..............................mntu uneepeni ezininzi? | .............................. mhlaba utyebileyo ngowaselalini yam. |
| .............................. mzi mhle ngowasekhaya? | USiphokazi undiphe .............................. sipho sihle? |
| Masithengise .............................. zityebileyo? | Le nkosi .............................. inamandla? |
| .............................. babaleke kakhulu ngaba. | Kwezi ncwadi yeyiphi .............................. emnandi? |





Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 8 2019/10/23 11:50:31

Umhla: ____________

# Izimelabizo zoquko



**Sijonga izimelabizo zoquko**

**Izimelabizo zoquko** zizimelabizo eziquka izinto ezininzi. Umzekelo: wezimelabizo zoquko: sonke, bonke, wonke, yonke.

Krwelela ngaphantsi zonke izimelabizo zoquko kwezi zivakalisi wakugqiba uxele ukuba zimele **bani** okanye **ntoni**.

| | Zimele |
|---|---|
| <u>Bonke</u> baziphumelele izifundo zabo eklasini yam. | Abafundi |
| Ndifike kweliya gumbi yonke into iphantsi naphezulu. | |
| Bonke abantu bebemenyiwe emtshatweni. | |
| Kuze umntu wonke kwitheko lam. | |
| Sonke besikukhangela. | |
| Bendinikhumbula kakhulu nonke izolo. | |
| Bathi akufanelanga uzitye zonke. | |




Balisa kwakhona ibali likaCharlie iziganeko zilandelelane kakuhle. Sebenzisa la magama, **okokuqala, kwaze, emva koko, kamva** kunye **no-ekugqibeleni**.

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________


______________________________________________



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 9 2019/10/23 11:50:36

# Isigxeko-ncomo sencwadi






**Isihloko: UZizikazi neenyosi**

**Umbhali: Lizelle Claassens**

**Umguquli: Koliswa Moropa**

Ishicilelwe ngowe-1995

Abapapashi ngabakwa-Eulitz Productions

Inamakhasi angama-30 inoqweqwe oluqinileyo

**Abalinganiswa:** UZizikazi noNyophoza Nyosi

**Indawo eliqhubeka kuyo ibali:** Kwisitiya sezityalo sikawonke-wonke

**Isishwankathelo sebali**

UZizikazi yintombazana ethanda ukuzihlalela phantsi komthi ibuke indalo. Njengesiqhelo ungqengqe phantsi komthi ukude ngeengcinga. Uhanjelwa yinyosi enkulu ngendlela angazange wayibona, ethi imthathe ihambe naye imbonise imfihlo yokwenza ubusi imxelela nangobomi beenyosi. Uvuswa ngunina elila kanti uyaphupha.

Funda isishwankathelo sale ncwadi uze uphendule le mibuzo ilandelayo.

Ngubani ocinga ukuba unokufunda le ncwadi. Ungaphawula iimpendulo ezininzi.

| | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| amakhwenkwe | | amantombazana | | abasafikisayo | | abadala | | abantwana abanale minyaka 9-13 | |

Ngokolwazi olunikwe kwisishwankathelo sale ncwadi, bhala izivakalisi ezithathu uchaze uMatilda.

..................................................................................................................................................

..................................................................................................................................................

Ucinga ukuba le ncwadi iza kuba malunga nantoni?

..................................................................................................................................................

..................................................................................................................................................

..................................................................................................................................................

..................................................................................................................................................

Krwela umgca utshatise la magama neentsingiselo ezichanekileyo.


| | | |
|---|---|---|
| ekrelekrele | | eyonwabisayo |
| enomdla | | umntu ogezayo |
| ohluphayo | | umlingo |
| ubugqi | | ehlakaniphe kakhulu |

Umhla:



Masibhale

Bhala Isigxeko-ncomo sencwadi okanye ibali olifundileyo. Wakugqiba ukusibhala isishwankathelo, khuthaza abahlobo bakho ukuba bafunde le ncwadi.



| | |
|---|---|
| Isihloko sencwadi | |
| Umbhali | |
| Isakhiwo sebali<br>Kwenzeka ntoni ebalini? | |
| Isimo sentlalo<br>Liqhubeka phi kwaye nini ibali? | |
| Abalinganiswa<br>Ngoobani abantu abasebalini? | |
| Ingaba le ncwadi yinyani okanye libali eliqwetyiweyo | |
| Umxholo<br>Limalunga nantoni ibali?<br>Ithini imfundiso yeli bali? | |
| Endikuthandileyo<br>Yeyiphi eyona ndawo uyithandileyo kweli bali? | |
| Izincomo<br>Sesiphi isizathu esingakwenza ukhuthaze umhlobo wakho ukuba afunde eli bali? | |





Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 11 2019/10/23 11:50:40


# Umdlalo wexesha langoku






## IMITHETHO

Dlala umdlalo obonisa ixesha langoku. Phosa idayisi phezu kwebhokisi. Biyela impendulo echanekileyo ngesangqa. Ukuba ubiyele impendulo engeyiyo, uza kuphoswa ngumjikelo olandelayo. Ukuba uye wafika kuma-35 kwaye awuzibiyelanga zonke iibloko kufuneka uqhubeke ukusuka ekuqaleni komdlalo de ubiyele zonke iimpendulo ezichanekileyo. Umntu ozibiyele kuqala zonke iimpendulo ezichanekileyo nguye ophumelelelayo kulo mdlalo.






Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 12 2019/10/23 11:50:42

# UNelson Mandela uya kwisikolo samabanga aphakamileyo





Masifunde




Eli bali lisekelwe kwibali elingobomi bukaNelson Mandela alibhale ngokwakhe. Eli bali silishunqulele salenza kwalula ukuba ulifunde.




Ngabusuku buthile xa ndandineminyaka elithoba, ndeva ingxwabangxwaba endlwini. Ndafumana utata egumbini lakhe elele ngomqolo phantsi ekwimeko embi, ngathi wayekhohlela into engapheliyo. Wayegula ephethwe luhlobo oluthile lwesifo semiphunga.

Kamsinya emva koko wasweleka utata baze ubomi bam batshintsha ngeyona ndlela. Kwafuneka ndihambe ndiyokuhlala nobawokazi wam owayeza kundikhulisa andikhathalele andifundise. Ndapakisha izinto ezimbalwa ndaze ndahamba nomama ukuya kwelo khaya lam litsha.



Kwakubuhlungu ukuyishiya iQunu. Ndabheka ngemva ndaqwalasela ikhaya lam kunye nolonwabo endandilushiya ngasemva. Ndajonga ooronta kunye nabantu bezenzela imisetyenzana yabo. Ndajonga nomlambo endandihlamba kuwo nendandidlala kuwo namanye amakhwenkwe. Amehlo am azinza kooronta abathathu ekhaya. Ndemka – kodwa ndandingenakulicingela ikamva lam.

Ndaya kuhlala noBawokazi uJongi eMqhekezweni, kwilali ekufuphi. Wayengumhlobo omkhulu katata. Ndandikhumbula eQunu kunye nezizalwane zam ezazilapho, nangona ubomi bam kunye noBawokazi uJongi babuzele lulonwabo. Ndandidlala nonyana wakhe uJustice kunjalonje sasisonwaba kakhulu. UBawokazi wayendiphethe okomntwana wakhe. Ndandifunda kwisikolo esikufuphi esigumbi linye ndifunda isiNgesi, isiXhosa, ezembali kunye nezentlalo (jiyografi). Ndandiqhuba kakuhle esikolweni kuba ndandizimisela kwaye udadobawo wayewukhangela umsebenzi wam wasekhaya rhoqo ebusuku.



Ndathi xa ndineminyaka eli-16 uBawokazi uJongi wandithumela kwisikolo saseClarkebury. Njengotata, uBawokazi uJongi wayekholelwa ukuba imfundo ibaluleke kakhulu.

IClarkebury yayiyodlula lee iMqhekezweni ngokuba ntle nokuphucuka. Esi sikolo sasinezakhiwo ezindaweninye ezingamashumi amabini anesine, ukuya apho, zohlobo lwesilungu.

Ngosuku lokuqala lokuya eziklasini ndanxiba iibhutsi zam ezintsha. Ndathi njengokuba ndingena eklasini, **amaquza** am engxola kuloo mgangatho wamaplanga, ndaqaphela **amagqiyazana** amabini awayehleli ngaphambili endibukele endihleka. Ndade ndawaqhela ndawazi laze elinye laloo magqiyazana laba ngumhlobo wam omkhulu eClarkebury.

Kungekudala ndayiqhela intlalo yaseClarkebury. Ndathatha inxaxheba kwezemidlalo kangangoko ndinako kodwa kwakungekho nto ndandibalasele kuyo, ndandingumndilili nje. Uninzi lwabo

Umhla:



ndandifunda nabo babendodlula emabaleni nasezifundweni. Kwakufuneka ndibaleqile kakhulu.

Emva kokunzinyelwa kwizifundo zam ndakwazi ukuqhela ndaza ndakhawuleza ukuya phambili kunjalonje ndaligqiba ibanga le “Junor Certificate” (Ibanga le-10) ngeminyaka emibini endaweni yemithathu. Ndaziwa **ngokuhlakanipha** kanti ke kwakungenjalo, yayikukuzimisela nje kuphela emsebenzini wam. Ndathi xa ndineminyaka engama-21 ndaya kufunda kwaNokholeji eFort Hare. Kodwa ke ngamabali okubaliswa ngelinye ixesha lawo.






Ingaba la mabinzana abhalwe ngamagama angqindilili athetha ukuthini? Jonga amagama anzima kwisichazi magama uze wakhe isivakalisi ngegama ngalinye ukuveza intsingiselo yegama. Bhala ezi zivakalisi apha.




- ❖ Chaza ubuntwana bukaNelson Mandela phambi kokusweleka kukatata wakhe.
- ❖ Batshintsha njani ubomi bakhe emva kokusweleka kukatata wakhe?
- ❖ Wazi ntoni ngezikolo ezithathu ezikhankanywa kweli bali?




Gqibezela itheyibhile engezantsi ngokudwelisa iziganeko eziphambili ebomini bukaNelson Mandela kumanqanaba ahlukeneyo obomi bakhe.

| Inqanaba okanye isigaba ebomini bakhe | Zeziphi iziganeko eziphambili ezikhankanyiweyo? |
|---|---|
| | |
| | |
| | |
| | |
| | |



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 15 2019/10/23 11:50:48

# Masibhale ibali






Yenza isicwangciso sokubhala elakho ibali. Gqiba ukuba uza kubhala ibali elingantoni. Gcwalisa isazobe sokucinga esingezantsi ukuze ukwazi ukunika ibali lakho isiqalo, umxholo kunye nesiphelo.



- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni oza kukubhala.
- Bhala ilinge lokuqala.
- Cela umhlobo wakho alihlele.
- Fundisisa okubhalileyo kwakhona uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Emva koko bhala. ngocoselelo encwadini yakho.

**Ibali lam**

**Isiqalo**
Qala ngokubhala okwenzekileyo ekuqaleni.

______________________________

______________________________

______________________________

**Embindini**
Yitsho okwenzekileyo embindini webali.

______________________________

______________________________

______________________________

**Okulandelayo**
Xela okuye kwalandela.

______________________________

______________________________

______________________________

**Isiphelo**
Liphele kanjani ibali?

______________________________

______________________________

______________________________

Gqibezela esi sazobe sokucinga silandelayo.

**Uza kubhala ngantoni?**

Ngoobani abalinganiswa?

______________________________

______________________________

______________________________

Ithini imeko yebali?
Lenzeka phi bali?

______________________________

______________________________

______________________________

Kwenzeka ntoni ebalini?

______________________________

______________________________

______________________________

Liphela kanjani?
Yintoni ebinomdla ngeli bali?

______________________________

______________________________

______________________________



Sebenzisa isazobe sokucinga ubhale ilinge lakho lokuqala. Cela umhlobo wakho ukuba ahlele okubhalileyo. Yenza izilungiso uze ubhale ibali lakho kwiphepha elilandelayo.





Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 16 2019/10/23 11:50:51

# UJabu kunye nengonyama



- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni oza kukubhala.
- Bhala ilinge lokuqala.
- Cela umhlobo wakho alihlele.
- Fundisisa okubhalileyo kwakhona uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Emva koko bhala kakuhle. ngocoselelo encwadini yakho.




## Masifunde

Namhlanje uza kufunda intsomi yesiZulu. Iintsomi ngamabali adluliselwa kwizizukulwana ngezizukulwana ngomlomo. Abantu babalisela abantwana kunye nabazukulwana babo la mabali – abawabhali phantsi. Iintsomi zikholisa ukuba nemfundiso okanye zonwabise. Zikwamanya nabantu. Abantwana benkcubeko ethile babaliselwa iintsomi ezifanayo kwaye oku kwenza ukuba bazive bebanye. Iintsomi zesiZulu zisixelela indlela uThixo awazidala ngayo izinto nokuba kutheni izinto zingale ndlela ziyiyo.

Kwiintsomi ezininzi sifumana izilwanyana ezithethayo.

UJabu wayeyinkwenkwe engumalusi eneminyaka eli-14. Wayezingca kakhulu ngendlela awayewukhathalele ngayo umhlambi omkhulu weenkomo zikayise. Ngamini ithile yasekwindla eyayifudumele, uJabu ezihlalele endulini esalusa ezi zilwanyana kweza umhlobo wakhe uSipho ebaleka.

"UBhubesi, ubonwe apha phezolo. Ubulele inkomo. Amadoda sele eqalisile ukumbekela imigibe. Qokelela iinkomo zakho uzifake ebuhlanti ze sihambe siyokubukela amadoda ebeka imigibe!"



Wothuka kakhulu uJabu. "Andinakuvalela iinkomo ebuhlanti Sipho," watsho. "Kusekusasa kakhulu ukuba ndenze loo nto. Kufuneka zitye zigqibe kuqala ze emva koko ndizise emlanjeni ziyokusela phambi kokuba zibuyele ekhaya."

Wadana uSipho akuva oku, kodwa wayesazi ukuba akuzukumnceda nganto ukuxoxisana noJabu. "Kulungile," watsho. "Ndakubona kamva, mhlawumbi ngasemlilweni ngokuhlwa. Ndiza kubukela amadoda." Watsho esimka ebaleka.


UJabu waqala waqokelela iinkomo waze waziqhubela emlanjeni ziyokusela. Ngeli lixa ziselayo yena wahlala phantsi wafaka iinyawo zakhe emanzini.

Kusenjalo uJabu weva isandi esamshukumisayo. "Gra-gra-a-a!" kwatsho umgqumo omkhulu. Iinkomo zema bhuxe kukoyika. YayinguBhubesi, kwaye wayekufuphi kakhulu! UJabu walaqaza ngobuchule. Amadolo ayegevezela kukoyika, wazitsalela ndaweninye iinkomo zenza isangqa. "Kodwa lo mgqumo awuthi, 'ndiza kukutya,'" wacinga njalo. "Ingathi uBhubesi usengxakini. Ndicinga ukuba laa mgqumo ngowokucela uncedo." UJabu waqala wasondela ngakwingonyama.

UBhubesi wayebanjwe ngomnye wemigibe eyayibekwe ngamadoda. Intloko yakhe yayibambiseke kuloo mgibe, kunjalo nje uthi xa eshukuma ezama ukuzikhulula kube kukhona uqinayo umgibe. UJabu wema apho



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 18 2019/10/23 11:50:59



ethe nkamalala. Zange wayibonela kufuphi kangaka ikumkani yezilwanyana ngaphambili. Ngenene yayisisilwanyana esinobungangamsha. Wathi njengokuba uJabu embukele uBhubesi ezama ukusindisa ubomi bakhe, wasuka wamsizela. Ingonyama yayibona le nkwenkwe yaza yathetha nayo.

**Bhubesi:** He-e! Mfana! Ndicela undincede. Andikwazi ukuzikhulula. Ndincede, ndiyakucela, akunakuza ususe le ntsimbi icinezele intloko yam? Ndiyacela torhwana!

UJabu wamjonga emehlweni uBhubesi. Wayesiva ngelizwi layo ingonyama ukuba iphelelwe lithemba.

**Bhubesi:** Ndincede mfana! Ndiyakucenga! Bengekafiki abaya bazingeli bazokundibulala. Nceda undikhulule!

**Jabu:** Ndiyafuna ukukukhulula, Bhubesi. Kodwa ndoyika ukuba unditye ndakugqiba ukukukhulula.

**Bhubesi:** Soze, mfana, andinakuyenza into yokutya umntu ondikhululeyo! Ndiyathembisa andisoze ndiphathe nonwele lwakho. Inene ndiyakuthembisa!




Xoxa ngale mibuzo neqabane lakho.

- ❖ Ngoobani abalinganiswa abaphambili kweli bali?
- ❖ Yintoni eyabangela uSipho abe nemincili ngeli lixa wayesiya ebaleka kuJabu?
- ❖ Wayephi uJabu ngeli lixa afunyanwa nguSipho?
- ❖ Jonga umfanekiso uze uchaze indawo eliqhubeka kuyo ibali.
- ❖ Ingaba le ndawo yahlukile kwindawo ohlala kuyo? Njani?
- ❖ Ucinga ukuba uJabu wayengumntu othembekileyo othathela kuye uxanduva? Ngoba kutheni?




Ucinga ukuba eli bali liza kuphela njani?

Ucinga ukuba uJabu uza kumkhulula uBhubesi?


- ❖ Kwiqela lakho, cingani ngesiphelo seli bali. Nakugqiba nidlale iindima ezikweli bali nibonise iklasi. Kuza kufuneka abantu abaza kudlala indawo kaJabu, uSipho kunye noBhubesi, ingonyama. Kuza kufuneka ube nazo neenkomo ezimbalwa.
- ❖ Khethani ukuba leliphi iqela elize nesiphelo esimnandi.



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 19 2019/10/23 11:51:04

# UJabu uva umgqumo wengonyama





Masibhale Funda ibali kwakhona wandule ukuphendula imibuzo.

**1. UJabu zange afune ukuhamba ayokubukela ukubekwa kwemigibe kuba**

| | |
|---|---|
| A | Kwakukude ukuba angaya ngeenyawo. |
| B | Wayedinwe kakhulu. |
| C | Wayefuna ukuya kuseza iinkomo. |
| D | Wayesazi ukuba imigibe ikhangeleka njani. |

**2. Uthetha ukuthini umbalisi xa esithi "Iinkomo zema bhuxe"?**

| | |
|---|---|
| A | Zazigodola. |
| B | Zazisoyika ngoko zema zangashukumi. |
| C | Zazingafuni ukuya emlanjeni. |
| D | Zajika zangumkhenkce. |

**3. Yayiyintoni eyayibangela ukuba amadolo kaJabu ayegevezela?**

| | |
|---|---|
| A | Wayegodola. |
| B | Wayesoyika ingonyama. |
| C | Wayengakwazi ukuziqokelelela iinkomo ndaweninye. |
| D | Wayonzakele emadolweni. |

**4. Siyazi ukuba uJabu yayingumntu onenkathalo kuba**

| | |
|---|---|
| A | Wayesolusa iinkomo. |
| B | Wayengafuni ukushiya iinkomo zingenamntu uzolusayo. |
| C | Wayehleli kwikopi. |
| D | Wathetha nengonyama. |



Masenze Faka iinombolo kule mifanekiso ngokulandelelana kweziganeko zebali.















Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 20 2019/10/23 11:51:10

Umhla:




Bhala isivakalisi uchaze ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye kwiphepha elingaphambili.

| | |
|---|---|
| **1** | |
| **2** | |
| **3** | |
| **4** | |



Funda lo mqolo kwakhona uze ukwrelele izenzi ozifumanayo kangangoko unako ukuzifumana. Khetha ezintlanu uze uzisebenzise ekwakheni izivakalisi ezibini.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |

Tshatisa la magama nezifanokuthi ezingezantsi.

thiyisela · ukuzingca · bongoza · ishushu · bhaqa · emangalisiwe · bheka-bheka · nyenyisa

Bhala izifanokuthi zezi zenzi kwizithuba ozinikiweyo.

| khulula | cenga | ethe nkamalala | bekela |
|---|---|---|---|
| | | | |
| laqaza | ifudumele | fumana | ukuzidla |
| *bheka-bheka* | | | |

Biyela isenzi esifanelekileyo kwezi zivakalisi.

| |
|---|
| UJabu **wacinga**/**ucinga** icebo lokumelana nengonyama. |
| Sigqibela **singasazi**/**bengasazi** esona simo sengonyama. |
| Ingonyama **yasenza**/**yenza** isithembiso kodwa **yasophula**/**iyasophula**. |
| Umama kaJabu **upheka**/**wapheka** isidlo sangokuhlwa sosapho lonke baze **batya**/**bayatya** bonke. |
| Ngobuya busuku indoda **yahlala**/**ihleli** emlilweni kwaye **ithetha**/**yathetha** ngokwenzekileyo. |



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 21 2019/10/23 11:51:12

# Kwenzeka ntoni kwingonyama?





**Masifunde** Masive ukuba uJabu wagqiba kwelokuba athini ngengonyama.

UBhubesi wacenga edomboza ngosizi kangangokuba uJabu wagqiba kwelokuba amthembe kwaye amkhulule kulo mgibe. Wayiphakamisa intsimbi esemgibeni eyayicinezele intloko yengonyama. Ingonyama yatsiba ukuphuma kuloo mgibe yaze yavuthulula isingci sayo.



**Bhubesi:** Owu ndiyabulela, mfana! Ndiyakutyala ngenene. Intamo yam ibiqalisa ukuqina kulaa mgibe kwaye bendisoyika ukuba abazingeli baza kundibulala. Andisenxanwe ngoku, mfana – ungandinceda undibonise ukuba uphi na umlambo?

**Jabu:** Ungezantsi phaya. Yiza ndikuse.

**Bhubesi:** Kwokhu, ukudlala ngesidlo esimnandi kangaka!

**Jabu:** Hayi bo! Ndakugqiba ukukusindisa kubazingeli, kwaye ubuthembisile ukuba akuzokunditya.

**Bhubesi:** Ewe, unyanisile. Bendisenzile eso sithembiso. Kodwa ngoku njengokuba ndikhululekile nje, akusabalulekanga ukugcina eso sithembiso. Ndilambe gqitha!

**Jabu:** Wenza impazamo enkulu. Akufuneki usaphule isithembiso.

**Bhubesi:** Suka! Yimfitshimfitshi ke leyo! Ndiza kukutya ngoku mfanandini. Nale ncoko indenza ndilambe ngakumbi.

**Jabu:** Kodwa ubuthembisile, kwaye ukuba uyasaphula isithembiso, siza kubuyela kuwe sikohlwaye.

Isilumko esingudyakalashe ebesimamele seza ngokukhawuleza safuna ukuqonda ngesi sithembiso.

**Dyakalashe:** Sisithembiso santoni eso? Bekutheni ukuze wenze isithembiso, Nkosi?


**Jabu:** Ndikhulule ingonyama kumgibe ebibanjiselwe kuwo yaze yathembisa ukuba ayisayi kunditya, ngoku ifuna ukunditya.

**Dyakalashe:** Hayi suka, yintsomi leyo. Uthetha ukuba iNkosi yam, ikumkani yazo zonke izilwanyana ibibanjiselwe emgibeni owenziwe ngabantu? Soze yenzeke into enjalo! Andikholelwa tu.



**Bhubesi:** Ewe kunjalo, ibingumgibe owomeleleyo nombi kakhulu!

**Dyakalashe:** Andikholwa ukuba kukho into enokomelela ukodlula ikumkani yam. Ndifuna ukuwubona lo mgibe. Khawuncede, phambi kokuba wonwabele isidlo sakho, khawundibonise lo





Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 22 2019/10/23 11:51:16


mgibe uthetha ngawo. Emva koko ungasonwabela ke isidlo sakho! Ingonyama, udyakalashe kunye noJabu babuyela emgibeni.

**Dyakalashe:** Undixelela ukuba le nto incinci kangaka ingabamba intloko yakho! Sukudlal' apha! Andikwazi nokuyicingela loo nto. Nkosi, ungakhathazeka ukuba unokufaka intloko yakho apha ndizokubona ukuba ubunjani ngeli lixa ufunyanwa yile nkwenkwe?

**Bhubesi:** Hayi suka. Uyandidina ngale mibuzo yakho. Yeyokugqibela ke le endiza kwenzela yona, uhambe ke emva koko undishiye mna ndizokutya isidlo sam ndisonwabele.

Waza ke uBhubesi wafaka intloko yakhe phakathi kweentsimbi kanye ngalaa ndlela uJabu ebeyifumene ingayo. Ngokukhawuleza okudlula nokombane, udyakalashe wagibisela intsimbi yangaphezulu endaweni yayo. UBhubesi wabanjiselwa kwakhona!

**Dyakalashe:** Ndiyabona ke ngoku indlela obubanjiselwe ngayo. Kulusizi ukuba uphinde ubanjiselwe ngolu hlobo kwakhona. Kodwa inkwenkwe inyanisile, Nkosi. Izithembiso ezaphulwayo ziyakujikela!




UBhubesi wagquma evutha ngumsindo, kodwa umgibe owomeleleyo wambamba akakwazi ukushukuma. UJabu wambulela udyakalashe.Wabaleka ukuya ezinkomeni zakhe waze wazikhaphela wazigodusa waze wazifaka ebuhlanti. Enje yona imini!

USipho wambona waze wakhwaza, "Jabu, Jabu! Ibanjiselwe ingonyama kumgibe ongasemlanjeni! Uphoswe sisenzo sobutshantliziyo!" Wancuma uJabu, wazithethela eyedwa, "Ndanele, asikho isenzo sobutshantliziyo esinjengesi ndisifumene namhlanje."

USipho wabuyela kubazingeli ukuze ave ibali lokubanjwa kwengonyama enamandla ngumgibe, waze uJabu wagoduka. Wabulisa umama wakhe waze waya kuhlala phantsi, watsho ngesingqala. Ngobo busuku ecaleni komlilo uJabu wamamela amadoda encokola ebalisa ngendlela abayibambisela ngayo ingonyama, indlela ebekunzima ngayo kwanendlela enobuchule abayibambe ngayo.




Ngoku uyazi ukuba ibali liphele kanjani.
Cinga ngale mibuzo ilandelayo:



- Ingaba eli bali liphele ngendlela obulindele ukuba liphele ngayo?
- Uzive njani ngengonyama eyaphula isithembiso sayo?
- Lifundisa ntoni eli bali?
- Ucinga ukuba udyakalashe uhlakaniphile? Kutheni usitsho nje?
- USipho waxelela uJabu ukuba uphoswe seso senzo sobutshantliziyo. Ingaba uyavumelana naye? Kutheni usitsho nje?


Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 23 2019/10/23 11:51:23

# Masicinge ngebali






Khawucinge ngebali lilonke uze uchaze iziganeko. Cacisa indlela esikhule ngayo isakhiwo sebali. Kuza kufuneka ucinge ngeziganeko kwibakala ngalinye.

| | |
|---|---|
| Bhala ukuba ibali liqale kanjani. | |
| | |
| | |
| | |
| Kwenzeke ntoni phakathi ebalini? | |
| | |
| | |
| | |
| Chaza indlela ibali eliphele ngayo. | |
| | |
| | |
| | |




Ncokola ngomlinganiswa ngamnye. Yenza isigqibo malunga nokuba ngawaphi amagama kula angezantsi achaza ngokuchanekileyo umlinganiswa ngamnye. Wabhale kwizikhewu ezifanelekileyo.

unamaqhinga, unenkathalo, akanyanisekanga, ulumkile, unesibindi, uselula, akoyiki, uthembekile, zomelele, ukrelekrele, unyolukile, ulungile


| Jabu | uBhubesi | uDyakalashe |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |


Umhla:

Isichazi-magama sam

Amagama amatsha

**Masibhale** Jongisisa le mifanekiso:





Bhala izivakalisi ngokubonayo kumfanekiso ngamnye.

| |
|---|
| 1 |
| |
| 2 |
| |

**Masibhale** Funda ezi zivakalisi zingezantsi uze ucime ezingahambelaniyo nesihloko. Faka iinombolo kwizivakalisi ezishiyekileyo ukuze ubonise ukulandelelana okuchanekileyo kweziganeko zebali.

| | |
|---|---|
| | UJabu wayengumntu othembeke kakhulu. |
| | Wayesalusa iinkomo zikayise xa uSipho wayemxelela ngohlaselo lwengonyama. |
| | Imithi yayinamasebe amade. |
| | UJabu zange ahambe noSipho kuba kwakufuneka ayokuseza iinkomo emlanjeni. |
| | Iinkomo zazidiniwe. |
| | UJabu wayesazi ukuba kufuneka azinike inkathalelo engaphezulu iinkomo zakhe. |



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 25 2019/10/23 11:51:32


# Khawucinge ngabalinganiswa



Siyazi ukuba abalinganiswa bebali banjani ngezinto abazithethayo okanye abazenzayo kungenjalo ngezinto esizixelelwa ngabanye ngabo.




Fakela iziphawuli ezithandathu ezichaza ingonyama.



Sebenzisa ezi ziphawuli ubhale umhlathi ochaza ngengonyama. Bhala ilinge lokuqala. Cela umhlobo wakho ahlele okubhalileyo uze ubhale inkcazelo elungisiweyo kwisithuba osinikiweyo.




Khawucinge ngomlinganiswa onguJabu. Cinga ngamagama achaza indlela akhangeleka ngayo nendlela aziphatha ngayo. Thetha nabahlobo bakho ukuze nifumane amagama amaninzi kangangoko okumchaza. Nakugqiba fakelani amagama achaza ubunjani bakhe \kwizithuba ezingezantsi.

- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni oza kukubhala.
- Bhala ilinge lokuqala.
- Cela umhlobo wakho alihlele.
- Fundisisa okubhalileyo kwakhona uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Emva koko bhala ngocoselelo encwadini yakho.

Sebenzisa iziphawuli zakho uchaze uJabu. Bhala kwiphepha elisecaleni. Cela umhlobo wakho ahlele okubhalileyo. Wakugqiba bhala inkcazelo yomlinganiswa kakuhle kwisithuba osinikiweyo.

Igama: Ubudala:

Inkangeleko:

# Sijonga ulwimi



**Ixesha langoku elikuhlobo lokuqondisa**

Ixesha langoku kuhlobo lokuqondisa lisetyenziswa ukwalatha ngokuthe ngqo isenzo okanye imeko.

**Masithethe** Jonga imifanekiso. Xelela iqabane lakho okwenzekayo kumfanekiso ngamnye.



Sebenzisa le theyibhile uchaze okwenzekayo kumfanekiso ngamnye.

| | | |
|---|---|---|
| Umfana u- | i- | **ya + isenzi**: danisa, emba, bhaka, hlamba, xhuma, qubha, funda, hamba, khwela, fika, thetha, pheka, tya, lala, wola, nceda, dlala |
| Intombazana i- | | |
| Yona i- | | |
| Bona ba- | ba- | |

**Masibhale** Bhala isivakalisi ngento eyenzekayo kwimifanekiso emithathu engasentla.

Sebenzisa le theyibhile ubhale ezi zivakalisi ngokungathi ezi zinto ziseza kwenzeka kwixesha elizayo.

| | | |
|---|---|---|
| Umfana u- | za | **Isenzi**: danisa, emba, bhaka, hlamba, xhuma, qubha, funda, hamba, khwela, fika, thetha, pheka, tya, lala, wola, nceda, dlala |
| Intombazana i- | | |
| Yona i- | | |
| Bona ba- | | |



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 28 2019/10/23 11:52:09

Umhla: ____________

# Ukusebenza ngezenzi

Masibhale

Fakela isenzi esichanekileyo. Biyela ngesangqa Izenzi ezinezakhi zexesha elizayo u-za okanye u-ya.

| | |
|---|---|
| ngxaki | 1. Ingaba Uza kubanengxaki **yokundinceda**? |
| nceda | 2. Ndiyakuthembisa **ndiza kukunceda** ngomso. |
| zisa | 3. Ingaba__________________ incwadi yam. |
| hamba | 4. Ingaba_________________ nathi? |
| yonwabela | 5. ___________________ ukutya isidlo sasemini kunye nomhlobo wakhe. |
| funda | 6. ______________ isiXhosa. |
| linda | 7. Andithandi u _______ ixesha elide. |
| khwela | 8. Andikukhuthazi_______________ ibhasi ecothayo. |
| hamba | 9. _________________ ngobusuku obulandelayo. |
| hamba | 10. _________ kusasa ngomso. |
| pheka | 11. Umama_______________ isidlo esimnandi. |
| xela | 12. ___________ idilesi yam. |
| dlala | 13. ___________ ibhola ekhatywayo. |
| fika | 14. Ingaba ________________ kunye nawe? |
| zisa | 15. Uvumile ukuba _____________ iilekese |
| bamba | 16. _________ isutikheyisi. |
| thetha | 17. _______________ eklasini. |
| chitha | 18. Bazimisele ___________ iiholide zabo kude. |
| xoxa | 19. Si_________ ngokuthatha uhambo oluya eKapa. |
| ndwendwela | 20. _____________ abahlobo bethu eKapa. |







Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 29 2019/10/23 11:52:16

# Ukwakha izibizo












Jongisisa kakuhle le tshathi. Wakugqiba uxelele iqabane lakho ukuba umntwana ngamnye yintoni ayithandayo nangayithandiyo.

| | ukucula | ukupeyinta | ukubaleka | ukulala | ukusefa | ukupheka | ukufunda |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| UAnn | ✔ | ✔ | ✗ | ✗ | ✗ | ✔ | ✔ |
| UJabu | ✗ | ✗ | ✔ | ✗ | ✔ | ✔ | ✗ |
| UPeter | ✗ | ✔ | ✗ | ✔ | ✗ | ✗ | ✔ |
| UNomsa | ✗ | ✔ | ✔ | ✔ | ✗ | ✗ | ✔ |
| UEnver | ✗ | ✗ | ✔ | ✗ | ✔ | ✗ | ✔ |

| | |
|---|---|
| UAnn | *U-Ann uthanda ukucula, ukupeyinta, ukupheka, ukufunda. Akakuthandi ukubaleka, ukulala, nokusefa* |
| UJabu | .................................................................... |
| UPeter | .................................................................... |
| UNomsa | .................................................................... |
| UEnver | .................................................................... |

Sisebenzise isiphumlisi phakathi kwezinto ezikuluhlu lwethu.

Funda ezi zivakalisi ngocoselelo. Wakugqiba krwelela umngca izibizo eziqala ngesimaphambili esingu-uku.


| | |
|---|---|
| 1. | Andikuthandi ukuzingela izilwanyana. |
| 2. | Asikuthandi ukudutyulwa kweemvubu kweli loMzantsi Afrika. |
| 3. | Ukubulawa kwemikhombe ngokungenalusini kubothusile bonke abantu. |
| 4. | Ukuhleka kwamantombazana kuye kwamcaphukisa utitshala. |
| 5. | Ukukhonkotha kundihlalise ubusuku bonke. |
| 6. | Ukuqhuba ngokungenankathalo kuhola wendlela u-M1 kubangele ingozi. |
| 7. | Ukubaleka kundibilisile ngoko ndiza kuhlamba. |

Izibizo ezakhiwe ngezenzi ngokufakela isimaphambili u-uku.



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 30 2019/10/23 11:52:25

| | |
|---|---|
| 8. | Ukulala ndiza kukonwabela emva kokuphunga ikofu. |
| 9. | Ukuvula itepu yamanzi kuza kucoca idreyini. |
| 10. | Ukuhlala ithuba elide kundiqaqambisela ngomqolo. |



## Ukusebenzisa ikoma



### Khawujonge iikoma

Xa kukho uluhlu lwamagama kwisivakalisi igama ngalinye lohlulwa ngekoma kwelilandelayo.

Isiphumlisi singayitshintsha intsingiselo yesivakalisi ukuba sisetyenziswe ngendlela engalunganga.




Jonga ezi zivakalisi zibini uze uthethe malunga nokuba isiphumlisi siyitshintsha njani na intsingiselo xa sitshintshe indawo esikuyo.

| | |
|---|---|
| Umvubo, ngamasi nomphokoqo. | |
| Umvubo ngamasi, nomphokoqo. | |

Ngoku fakela iikoma kwezi zivakalisi.

Kuza kufuneka isando izikhonkwane kunye nesarha.

Sithenge ama-apile iiorenji iibhanana kunye namapere.

Wema bhuxe wamthi ntsho waze wabaleka.

Elo rhamncwa lalilikhulu lityebile kwaye lisoyikeka.





Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 31 2019/10/23 11:52:38

# Masizidibanise



Sisebenzisa amagama azizihlanganisi ukudibanisa izivakalisi. Izihlanganisi zibalulekile ekudibaniseni izivakalisi.
Ngaphandle kwazo intetho ayinako ukuvakala kakuhle *Jonga lo mzekelo.*
UJim wajika wajonga emva. UJim wangqubeka ekhabhathini.

UJim yintloko yazo zozibini ezi zivakalisi ngoko unako ukumsusa uJim wesibini xa uzidibanisa ezi zivakalisi.

Unako nokusebenzisa igama elithi "kodwa" ukudibanisa izivakalisi. Ubonisa ukuphikisana phakathi kwezivakalisi ezibini. Khumbula: Isivakalisi esilula sinentloko enye kunye nesenzi esinye. Kodwa isivakalisi esimbaxa sinako ukuba nezenzi okanye iintloko ezininzi.



Masibhale

Dibanisa ezi zivakalisi zibini zilula ngokusebenzisa esinye sezi zihlanganisi.

Wakugqiba krwela umgca phantsi kwesenzi kwisivakalisi ngasinye kwezihlanganisiweyo.

noxa | ukuba | nokuba | kodwa | kuba | ngoko | ukuze

| |
|---|
| Sifuna ukudlala ibhola ekhatywayo. Imvula izimoshile izicwangciso zethu. |
| |
| UAnn undicelile ukuba ndimncede ngomsebenzi wesikolo. Ndiye ndamnceda. |
| |
| Ndifike emva kwexesha esikolweni. Ndishiywe yibhasi. |
| |
| Bathe ibhulorho sele ilungisiwe. Isonakele. |
| |
| Uyintshatsheli kwizibalo. Akayichani kakuhle ijiyografi. |
| |
| Ndiyazithanda iziqhamo. Andiyithandi imifuno. |
| |
| Sasebenzisa izambrela zethu. Lalisina. |
| |



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 32 2019/10/23 11:52:49

| |
|---|
| Inqununu yayibukhali. Inqununu yayinobubele. |
| |
| Wayegula. Ugqirha wamnika amayeza. |
| |
| Uyayithanda ikofu. UAnn uyayithanda iti. |
| |
| Waya evenkileni. Wathenga itshokholethi. |
| |
| Ndaba nako ukumbona uMessi. Kwakunyakazela. |
| |
| Amakhwenkwe adlala ibhola ekhatywayo. Bona badlala iqakamba. |
| |
| Ndiyayithanda imvula. Andisithandi isichotho. |
| |
| Bendonwabile kwamalume wam. Bendikhumbula umama. |
| |
| Ndiyasithanda isikolo sam esitsha. Kuye kwafuneka ndisebenze nzima ukuze ndileqe abanye. |
| |
| Ndinqwenela ukwazi. Amaza olwandle abangwa yintoni. |
| |
| Masibakhulule. Bahambe. |
| |



Kwisivakalisi ngasinye kwezi zingezantsi krwela umgca phantsi kwezibizo (amagama ezinto) uze ubiyele ngesangqa izenzi (amagama axela izenzo).

| | |
|---|---|
| UJabu uyazithanda izinja ezincinci. | |
| UMary uhamba ngenyawo ukuya eGood Hill Primary School. | UJabu wakhwela ibhayisekile yakhe. |
| USipho udlalela iqela lebhola ekhatywayo ekuthiwa yiLittle Chiefs. | UAnn wasoloko ethetha eklasini. |



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 33 2019/10/23 11:52:51

| Ndiyakwazi | 🙂 | ☹️ |
|---|---|---|
| ukufunda isicatshulwa | | |
| ukuphendula imibuzo emalunga nesicatshulwa | | |
| ukutshatisa amagama kunye neentsingiselo zawo | | |
| ukubona intsingiselo yamagama | | |
| ukwenza isicwangciso ndize ndibhale isishwankathelo | | |
| ukugqibezela izivakalisi ndisebenzisa izenzi ezikwixesha elidlulileyo | | |
| ukutshintsha izivakalisi kwixesha eladlulayo ndizise kwixesha langoku | | |
| ukubhala isishwankathelo sebali | | |
| ukuthetha ngomfanekiso | | |
| ukuchaza izibizo | | |
| ukusebenzisa izimaphambili nezimamva | | |
| ukufakela iziphumlisi | | |
| ukwenza intetho | | |
| ukubhala umdlalo ndize ndibonise ngawo | | |
| ukuchaza isihloko kunye nezivakalisi ezihambelana naso | | |
| ukuchaza izithetha-ntonye | | |
| ukwenza uluhlu | | |
| ukuthetha ngemifanekiso | | |
| ukufunda igrafu | | |
| ukusebenzisa izihlanganisi | | |
| ukubhala umahluko kwitheyibhile | | |
| ukuchaza iinyani | | |
| ukusebenzisa isinye nesininzi sesenzi | | |
| ukusebenzisa izenzi | | |
| ukuchonga kwaye ndikwazi ukusebenzisa izikweko kunye nezimntwiso | | |
| ukusebenzisa izaci | | |
| ukukwazi ukutshatisa amaqhalo neentsingiselo zawo | | |
| ukwenza isicwangciso nokubhala isincoko | | |
| ukuchaza Isimo- sentlalo sebali | | |
| ukubhala umhlathi ochazayo ngomlinganiswa | | |
| ukubhala ngesimo somlinganiswa | | |
| ukubhala izivakalisi zibe kwixesha elizayo | | |
| ukutolika itshathi | | |
| ukuchaza izikhankanyi kwizivakalisi | | |
| ukusebenzisa iziphumlisi ezifana neekoma | | |
| ukudibanisa izivakalisi ngezihlanganisi | | |
| ukuchonga izenzi nezibizo kwizivakalisi | | |



Xhosa HomeL Gr6 B2 TH5.indd 34 2019/10/23 11:53:06

Iziqulatho

# Umxholo 6: Iindlela zokubonisa isicatshulwa

Ikota 3: Iiveki 5 - 10


## Iiveki 5 – 6: Amabali neeleta

**81 Umvundla ulumkisa ngenyikima** 36

Ufunda ibali.

**82 Masiqinge ngebali** 38

Uphendula imibuzo esekelwe kwibali loMvundla.
Usebenzisa iziphawuli nezibaluli ukuchaza abalinganiswa abaphambili ebalini.

**83 Ukubhala ibali** 40

Wenza isazobe sokucinga ukuze abalise ibali lomvundla.
Ubhala ibali lomvundla ngocoselelo.

**84 Ileta yeholide** 42

Ufunda ileta.
Ufumana isicwangciso sohambo lukaJohn ngokusekelwe eleteni.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Ukhangela amagama kwisichazi-magama aze abhale iintsingiselo zawo.
Uphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo esekelwe kwisicatshulwa.

**85 Ukubhala ileta** 44

Usebenzisa isazobe sokucinga ukuze enze isicwangciso seleta.
Ubhala ileta eya kumhlobo abalise iindaba zasekhaya nezasesikolweni.

**86 I-imeyile evela kumhlobo** 46

Ufunda i-imeyile.
Uphendula imibuzo esekelwe kwi-imeyile.
Ucaphula ulwazi oluthile eleteni ukuze azalise ikhadi leenkcukacha ezingomlinganiswa.
Ubhala ileta asebenzise izikhokelo azinikiweyo.

**87 Okunye ngolwimi** 48

Uchaza izibizo nezichazi ezikwizivakalisi.
Ubhala izivakalisi asebenzise iziphawuli nezibaluli.
Utshatisa amagama nezichasi kunye nezifanokuthi zawo.
Usebenzisa izihlanganisi akhe izivakalisi ezixandileyo.

**88 Malunga nexesha elidlulileyo nelizayo** 50

Usebenzisa ixesha elidlulileyo.
Ugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa izenzi ezikwixesha elidlulileyo.
Ubhala izivakalisi asebenzise ixesha eliseza kudlula.

## Iiveki 7 – 8: Iikhathuni ziyonwabisa

**89 Kuza kwaziwana** 52

Ufunda ibali lekhathuni.
Uxoxa ngenkcazelo yeziqendu nangolwimi oluthethwa ngabalinganiswa kwikhathuni.

**90 Ukubhala ngebali 'Kuza kwaziwana'** 54

Uxoxa ngesakhelo ngasinye sekhathuni.
Ubhala izivakalisi achaze ibali elibonisiwa kwisakhelo ngasinye.
Ubhala izivakalisi zibe kwintetho-ngqo.
Uxoxa ngezibhengezo zikamabonakude aze avakalise olwakhe uluvo.

**91 Masibhale isibhengezo** 56

Wenza isicwangciso sesibhengezo sikamabonakude ngokwenza imifanekiso nokubhala umbhalo-ngqangi waso.
Uchaza Isimo sentlalo, abalinganiswa kunye nomxholo wesibhengezo.
Usebenzisa isicwangciso ukuze alungise isicatshulwa.
Wenza umboniso wesibhengezo njengomdlalo.

**92 Zidibanise** 58

Uxoxa ngokuhlomela izimaphambili nezimamva kwingcambu yegama.
Uchonga izimaphambili, izimamva neengcambu.
Ugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa isixando sokwenziwa.

## Iiveki 9 – 10: Ixesha lokudlala

**93 UDan intshatsheli yebhola ekhatywayo!** 60

Wenza umdlalo ongoDan asebenzise abalinganiswa nombalisi.
Uphendula imibuzo esekelwe emdlalweni.

**94 Ipowusta yomdlalo weqonga** 62

Ufunda ipowusta ebhengeza umdlalo weqonga.
Uphendula imibuzo esekelwe kwipowusta.
Uyila ipowusta yomdlalo weqonga.


**95 Bhala owakho umdlalo** 64

Usebenzisa isicwangciso ukulungiselela umdlalo.
Ubhala ilinge lokuqala lomdlalo, alihlole aze abhale ilinge lokugqibela ngocoselelo.

**96 Okunye ngezihlomelo nezichazi** 66

Uchonga izihlomelo nezenzi.
Uchaza uhlobo lwesihlomelo: esobunjani, esexesha, esendawo, esobuninzi nesobungakanani.
Uchaza izichazi azihlele.
Uchaza izibizo nezimelabizo ezichazwa zizichazi.
Uchaza iindidi zezichazi: izimnini, nezimelabizo zoquko, ezokukhomba okanye izalathisi.



# 81 Umvundla ulumkisa ngenyikima

- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni ibali lakho.
- Bhala ilinge lokuqala.
- Cela umhlobo wakho alihlele.
- Lihlaziye wenze izilungiso eziyimfuneko.
- Wakugqiba libhale ngocoselelo encwadini yakho.



## Masifunde

Kwakukho umvundla owawusoloko ukhathazekile. "Awu bantu," wambombozela imini yonke, "kwokhu bantu, ndiza kuthini?"

Elona xhala wayenalo lelokuba kwakusenokubakho inyikima. "Ukuba ibikhona," watsho ezithethela, "bekuya kuthini ngam?"




Ngantsasa ithile esaxhalabe njalo, kwawa ngesiquphe isiqhamo emthini okufuphi – MBA! kwashukuma umhlaba wonke.

"Inyikima!" wothuka wakhwaza

Kwangoko wathi ngqee ukuya kulumkisa abaza bakhe.

"Inyikima! Balekani nisindise ubomi benu!"

Yabaleka yonke imivundla yalishiya elo dlelo yamlandela, ibaleka ngokungekho zingqondweni. Yaphaphatheka inqumla amasimi, amahlathi kunye nemilambo yaya kutsho ezindulini ilumkisa abaza bayo abaninzi njengoko igqitha.




Kanye ngaloo mzuzu, kwadlula indlovu. "Inyikima! Baleka!" wakhwaza.

Indlovu yaleqeka emva kwemivundla, ishukumisa umhlaba ngaloo manqina ayo anzima.

Babaleka bagqitha kwiqela leendlulamthi. "Inyikima! Balekani!" wakhwaza umvundla.

Iindlulamthi zalandela indlovu eyayilandela imivundla.

Zathi xa zifika ezintabeni kwabe iyimivundla engamawaka alishumi, indlovu kunye neendlulamthi eziliqela zibaleka ngathi ziphambene, kwakungathi kuyaduduma ezintabeni. Umvundla wokuqala wajonga ngasemva ekhangela ukuba iyasondela na inyikima, suka wabona intlaninge yezilwanyana ezigqotsileyo.




Kwathi zisamile njalo zikhefuzela, gqi ingonyama.

"Kwenzeka ntoni?" yabuza ingonyama.

"Inyikima, inyikima!" wakhwaza umvundla.


"Inyikima?" yabuza ingonyama. "Ngubani oyibonileyo? Ngubani oyivileyo?"

"Asindim," yatsho indlovu.

"Ayisithi," yatsho indlulamthi.

"Buza kuye, mbuze!" yatsho yonke imivundla, isalatha kulaa mvundla wokuqala.

Ingonyama yajika yajonga kumvundla.




"Nceda Mhlekazi," watsho umvundla buntlonirha, "bendizihlalele ekhaya kuthe cwaka kwaza kwatsho isithonga esikhulu esishukumise umhlaba ndaze ndazi ukuba inokuba yinyikima, Mhlekazi. Ngoko ke ndabaleka kangangoko ndinakho ukuze ndilumkise nabanye basindise ubomi babo."

"Mntakwethu, unganesibindi ngokwaneleyo sokuba undibonise apho yenzeke khona le ntlekele?" yabuza ingonyama.

"Hayi yhoo, andinakubuyela apho kwakhona!" watsho umvundla.

"Tsibela apha kum emhlana ndiza kusa. Ndiza kujonga ndikukhathalele," yatsho ingonyama.

Ngokundweba umvundla watsibela emhlana kwingonyana bemka benyuka iinduli neentaba, banqumla imilambo, amathafa, amahlathi namasimi, bade ngelingeni bafika ekhayeni lomvundla.

"Ndiyive apha ke, Mhlekazi. Kunjalonje nam ndiyivile. Kushukume umhlaba." Ingonyama yabhekabheka – kungekudala yabona ikhokhonathi enkulu ewe ngengxolokazi emthini. Yabona nenkawana izihlelele apho emthini. Ingonyama yayichola ikhokhonathi, yakhwela phezu kwelitye yaze yayiwisa kwakhona emhlabeni. MBA! Watsiba umvundla kangangemitha. "Inyikima! Khawuleza – baleka – iphindile kwakhona!"

Waze wabona ukuba ingonyama iyamhleka kwaye wabona nekhokhonathi iqhekekile ezinyaweni zakhe. "Owu!," wasebeza. "Kuthe kanti ibingeyonyikima, anditsho?"

"Hayi," yatsho ingonyama, "ibingeyiyo, kwaye bekungekho sizathu sokuba woyike."

"Ukuba sisidenge kangako!"




Yancuma ingonyama ngobubele. "Ungakhathazeki wena mntakwethu. Sonke sinjalo – nditsho nam lo – ngamanye amaxesha soyika izinto esingakwaziyo ukuziqonda."

Watsho wakhwela emhlana kwingonyama babuyela kula mivundla ingamawaka alishumi, indlovu kunye neendlulamthi ezazisalinde phezu kwentaba, ukuze bazixelele ukuba zingabuyela emakhaya ngokukhuselekileyo.

Ithathwe kwincwadi ethi *Rabbit heralds the earthquake* ebhalwe nguRosalind Kerven kwiPIRLS Reader.

*The Natural World. Main Survey 2001. IEA.*



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 37 2019/10/23 11:50:40

# 82 Masicinge ngebali




Phendula le mibuzo ingomvundla kunye nenyikima. Ukuba akuqinisekanga ngeempendulo, phinda ulifunde ibali.

Yintoni eyayimkhathaza kakhulu umvundla?

| | |
|---|---|
| A | Yingonyama |
| B | Isithonga |
| C | Yinyikima |
| D | Umthi owayo |

Yintoni eyenza kushukume umhlaba wonke?

| | |
|---|---|
| A | Yinyikima |
| B | Yikhokhonathi enkulu |
| C | Yimivundla ebalekayo |
| D | Ngumthi owayo |

Ingonyama yayifuna umvundla uyise phi?

______________________________

Kwakutheni ukuze ingonyama iyiwise emhlabeni ikhokhonathi?

| | |
|---|---|
| A | Ukwenza umvundla ubalake |
| B | Ukunceda umvundla ufumane isiqhamo |
| C | Ukubonisa umvundla okwenzekayo |
| D | Ukwenza umvundla uhleke |

Waziva njani umvundla emva kokuba ingonyama iwise ikhokhonathi?

| | |
|---|---|
| A | Waba nomsindo |
| B | Wadana |
| C | Waziva usisidenge |
| D | Waba nexhala |

Uthini umyalezo ophambili weli bali?

| | |
|---|---|
| A | Baleka uyishiye inkathazo. |
| B | Qiniseka ngenyani phambi kokuxhalaba. |
| C | Imivundla ziimbaleki ezinamendu amakhulu. |

Izinto zenzeka ngokukhawuleza emva kokuba umvundla ukhwaze "Inyikima!" Bhala amagama amabini asebalini abonisa oku.

______________________________

______________________________

Yenza ntoni ingonyama ukuze umvundla uzive ngcono ekupheleni kwebali? Bhala izinto zibe mbini eyazenzayo.

1 ______________________________

______________________________


2 ______________________________

______________________________



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 38 2019/10/23 11:50:41

# 84 Ileta yeholide



Masifunde



27 Apple Road
New Town
0301
20 KweyoMsintsi 2015

Dan endimthandayo

Heyi! Ndibe nethamsanqa lokuba ndikwazi ukuya eKapa nabaza bam ngethuba leeholide zikaJulayi. Sahamba ngomhla we-12 kuJulayi saze safika ngosuku olulandelayo. Kwakumnandi ukuhamba ngololiwe. Salala ekharejini ndaze mna ndalala kwibhanka ephezulu!

Sathi sakufika eKapa, into yokuqala endayibonayo yiNtab' eTafile egqunywe ngamafu **angqindilli** amhlophe. Le ntaba yayintle ngaphezu kokuba ndandilindele.

Jonga zonke ezo foto ndizithumeleyo.











Ngosuku lwethu lwesibini saya kwisiqithi iRobben Island. Saya ngesikhephe kweso siqithi. Sakufika apho sabona isisele sikaNelson Mandela – apho wayehleli khona iminyaka eli-18! Sabona intlaninge yoonombombiya kunye namatye amakhulu apho.

Ngosuku lwesithathu sabona oonombombiya kwakhona. Kweli tyeli kulwandle olubizwa ngokuba yiBoulder's Beach. Apho sabona neentini zodidi lweCape Fur. EKapa kukho iprojekthi ejongene nokukhusela iintini kuba sekumbovu ukuba ziphele nya, zingabikho. Le projekthi ikwakhathalela noonombombiya.

Ngosuku lwesine sema kwincam yeAfrika iCape Point apho kudibana khona iilwandlekazi ezimbini. Apha kulapho amanzi abandayo oLwandlekazi lweAtlantika adibana khona nemisinga efudumeleyo yoLwandlekazi lweIndiya.

Ngosuku lwam lwesihlanu, usuku lokugqibela, saya kubona izidalwa zaselwandle kwiTwo Oceans Aquarium. Kwakungasemnandi, andizange ndisondele kangako kukrebe ngaphambili! Sasahlulwe yiglasi yefesitile kuphela, kwaye babengenazo iintloni zokusibonisa ukuba banemiqolo emingaphi yamazinyo. Sabona zonke iindidi zeentlanzi ezingathi ziinkwenkwezi – ezinye zineengalo ezifikelela kumashumi amahlanu! Ukuba kuyenzeka iphulukane nenye ingalo, kuphinda kukhule enye endaweni yaleyo!

Ngomso siza kubuyela ekhaya. Ingathi andisafiki ndizokunibona nonke xa sibuyela esikolweni.

Umhlobo wakho

John



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 42 2019/10/23 11:50:51

Umhla:

**Masenze** Ileta kaJabu ichaza iintsuku ezisixhenxe. Khawuzame ukufumana iintsuku zotyelelo lukaJabu uze ufakele izinto awazenzayo ngezo ntsuku.



| Umhla | Wenza ntoni |
|---|---|
| 12 KweyeKhala | *Waya eKapa* |
| 13 KweyeKhala | |
| 14 KweyeKhala | |
| 15 KweyeKhala | |
| 16 KweyeKhala | |
| 17 KweyeKhala | |
| 18 KweyeKhala | |
| 19 KweyeKhala | |

**Masibhale** Bhala ke ngoku iimpendulo zale mibuzo.




| Khuphela isivakalisi esikwileta esibonisa ukuba uJabu kunye noDan bangabahlobo bokwenene. |
|---|
| |
| Nika umzekelo wesivakalisi esibonisa ukuba uJabu ubhalela umntu olingana naye ngeminyaka. |
| |
| |
| Nika umzekelo ube mnye wesivakalisi esibonisa ukuba uJabu akazange aye eKapa ngaphambili. |
| |

| Jonga la magama kwisichazi-magama uze uwasebenzise kwizivakalisi ubonise intsingiselo yawo. | |
|---|---|
| angqindilili | |
| sekumbovu | |



**Masibhale**





Kutheni le nto uJabu ebhalela uDan le leta?

| | |
|---|---|
| A | Ukuze ambalisele ngookrebe. |
| B | Ukuze ambalisele ngeholide yakhe ebimnandi. |
| C | Ukuze amxelele ukuba uza kubuyela esikolweni kamsinya. |
| D | Ukuze ambalisele ngololiwe |

Uthetha ukuthini xa esithi ookrebe babengenazintloni zokubonisa imiqolo yamazinyo abo?

| | |
|---|---|
| A | Ookrebe babenobuhlobo. |
| B | Ookrebe babebonwabisa. |
| C | Ookrebe babesoloko bevula imilomo yabo. |
| D | Ookrebe babesitya ezinye iintlanzi. |



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 43 2019/10/23 11:50:55

# 85 Ukubhala ileta



Masibhale

Bhalela umhlobo wakho ileta. Mbalisele iindaba malunga nento obuyenza ekhaya nasesikolweni, okanye nangantoni na enomdla oyenzileyo.

Sikunike iingcebiso ngomhlathi ngamnye. Bhala ilinge lokuqala lale leta uze unike umhlobo wakho alijonge. Wakugqiba yibhale ngononophelo.

Mbulele umhlobo wakho ngeleta yakhe.

Mxelele iindaba zokuqala.



Ileta iya ku

______________

______________

Bhala iindaba zesibini.

Qukumbela ileta yakho ngento eza kwenzeka kwixesha elizayo.

# I-imeyile evela kumhlobo



I-imeyile yindlela yokunxibelelana nabahlobo usebenzisa uthungelwano lwekhompiyutha. Amaxesha amaninzi sisebenzisa ii-imeyile njengeeleta zokwabelana ngeendaba nabahlobo bethu. Ukuba unqwenela ukuthumela umhlobo wakho ileta ye-imeyile kufuneka nibe nedilesi ye-imeyile nobabini kwaye nibe nekhompiyutha.



Masifunde

Iya ku: ann@school.co; dan@school.com

Ivela ku: kin@library.com 13 KweyoKwindla 2011 11:56

Ann noDan endibathandayo

Ndicinga ukuba nizifundile iindaba ezimalunga nenyikima enkulu yaseJapan. Ndiza kuhlala nabaza bam kwiJapan eseMazantsi kwaye ndiza kuhlala de imeko iphucuke emva ekhaya eTokyo. Nangona bendikuvuyela ukumka ndibe kude nombindi wenyikima, ndilukhumbula kakhulu usapho lwam kunye nabahlobo bam endifunda nabo eInternational Primary School.

Noko kunjalo, ndonwabile kunye nomza wam apha. Uyintanga yam. Naye uneminyaka eli-10 kwaye sobabini sikwibanga lesi-6. Ngethamsanqa umza wam uhlala kufuphi nepaka, apho singadlala khona oojingi noonojikeleza. Ukuba nje bekungabandi ngolu hlobo!


Xa ndingadlaliyo, ixesha lam ndilichitha ngokwenza izinto endizithandayo; – ukufunda kunye nokudlala imidlalo ekhompiyutheni. Ndifunda incwadi ethi *Jungle Book* kwaye ndinqwenela ukuthi kanti bendinokuhlala eAfrika. Sendibufika embindini wayo le ncwadi.

Umhlobo wako

Kin Hosh

Thumela





Masibhale

| | |
|---|---|
| Utyelele bani uKin? | |
| Kutheni eye apho nje? | |
| Wayibhala ngowuphi umhla le imeyile? | |



Masibhale

Funda le leta phezulu ukhangele iinkcukacha ezingoKin uze umzalisele le fomu.

| | |
|---|---|
| Igama | |
| Iminyaka | |
| Ibanga | |
| Isikolo | |
| Izinto azithandayo | |



# Okunye ngolwimi







Jongisisa ezi zibini zezivakalisi. Krwela umgca phantsi kwesibizo uze ubiyele isichazi esisichazayo.


| | |
|---|---|
| Intle le nja. | Inja entle ndiyayithanda. |
| Iyabaleka le moto. | Imoto ebalekayo yingozi. |
| Zimbi iindlela zalapha. | Iindlela ezimbi zihambisa kakubi. |
| Lutyebile olu sana. | Usana olutyebileyo luyabukeka. |
| Sihle esi sitya. | Isitya esihle asidleli. |
| Mdala lo mntwana. | Umntwana omdala akafuneki. |

Bhala ke ngoku izivakalisi usebenzise ezi zibizo nezichazi. Bhala isivakalisi kuqala uze ubiyele isichazi.


| | |
|---|---|
| de<br>inkwenkwe | Inkwenkwe ende idlala ivolibholi.<br>Inde le nkwenkwe. |
| egezayo<br>ikati | |
| elambileyo<br>ingonyama | |
| hle<br>intombazana | |
| thathu<br>abantwana | |
| fuphi<br>isikolo | |











**Okunye ngezichazi**


Siyazi ukuba izichazi zisichazela ngakumbi ngezibizo (abantu, iindawo okanye izinto). Isichazi siyakwazi ukwandulela okanye ukulandela isibizo esisichazayo. Jonga le mizekelo:



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 48 2019/10/23 11:51:19

Masibhale Tshatisa la magama nezifanokuthi zawo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ekhethwayo | enkulu | eqhaqhazelisayo | esiqwini | iba ngcono |
| ebanzi | iyaphucuka | embindini | ethandwayo | ebandayo |



Tshatisa la magama nezichasi zawo.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ngokungxolayo | enkulu | ngokukhawuleza | imbi | iyabanda |
| encinci | ngokuzolileyo | intle | ishushu | ngokucotha |





Masibhale Hlanganisa ezi zivakalisi usebenzise izihlanganisi ezikwizibiyeli.

| |
|---|
| Ndiza kuhlala apha. Izinto zibe ngcono ekhaya. (de) |
| |
| Ndonwabile apha. Ndikhumbula isikolo sam. (nangona) |
| |
| Ndamxelela ukuba ahlale kuloo ndawo akuyo. Amanzi aye esiba nzulu ngokuba nzulu. (kuba) |
| |
| Ndajonga macala omabini. Ndawela indlela. (phambi kokuba) |
| |
| Ndamxelela ukuba angafiki emva kwexesha. Wafika emva kwexesha kwakhona. (noko kunjalo) |
| |
| Kufuneka unxibe ijezi.Uyagodola (ukuba) |
| |



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 49 2019/10/23 11:51:29

# Malunga nexesha elidlulileyo nelizayo



## Ixesha elidlulileyo



**Masiqwalasele ixesha elidlulileyo**

Xa sifuna ukuthetha ngesenzo esisandul' ukwenzeka, sisebenzisa ixesha elidlulileyo. Ixesha elidlulileyo lineemo ezimbini **ende nemfutshane**. Imo ende siyibona ngesimamva u-**ile** ze imo emfutshane siyibone ngo-**e**. Ezi zivakalisi **zikwixesha elidlulileyo**.

Sithe sifika yabe **seyimkile** ibhasi.

Ndifike ekhaya sele **egqibe** yonke into.

| |
|---|
| Ndisebenzile izolo. |
| Ndisebenze kakhulu izolo. |
| Ndityile sukuzikhathaza. |
| Nditye ukutya okumnandi namhlanje. |

| |
|---|
| Abantwana basele amanzi amdaka. |
| Yena ubalekile. |
| Bona babaleke nesijungqe. |



Masibhale Bhala isenzi esibiyelweyo sibe kwixesha **elidlulileyo**.

| |
|---|
| Umhlobo wam (undipha) i-apile. |
| Abahlobo bam.(hamba) |
| (Ndifunda) ibali elingobomi bukaMandela izolo. |
| UZozo (ndimbona) ukuba uyafeketha. |
| Siphume apho (sithokombisa) yaye (simatsheka). |
| Ithe yakubetha intsimbi ndakhumbula kwangoko ukuba (ndilibala) incwadi yezibalo. |
| Utitshala (ubuza) ukuba ndizimisele na ukufunda. |
| UBongi (undixelela) ukuba uSipoti (utsiba) ebhasini waleqa iinkomo. |
| Esi siganeko (ndisiva) ukutshona kwelanga izolo. |
| (Ndimbulisa) ngobubele kodwa wasuka wabanda walicongco. |



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 50 2019/10/23 11:51:31

Umhla:

# Ixesha elizayo




**Masiqwalasele ixesha elizayo**

Ixesha elizayo lisetyenziselwa ukwalatha isenzeko esizeza kuqhubeka. Eli xesha lakhiwa ngokusebenzisa intsiza senzi u-**ya** okanye u-**za** ze isenzi sifakelwe u-**ku** ngaphambili. Umz. Umama **uza ku**hamba kusasa. Sinalo nexesha eliya kube lidlule. Umz. **Ndakube sendiyigqibile** le ncwadi ngomso. Eli xesha lakhiwa ngokusebenzisa intsiza senzi u-**be + isenzi esikwixesha** elidlulileyo.

**Ndakube sendiyisebenzise** yonke imali yam ngeli xesha kulo nyaka uzayo.

**Ndakube sendidlale** imidlalo emithandathu yebhola ekhatywayo ukuphela konyaka.



Masibhale

Cinga ngento oya kube sowuyenzile ukugqiba kwakho ukufunda kwesi sikolo. Bhala izivakalisi ezihlanu usebenzise amagama afana nala:
**ndakube sendi** + **isenzi**



Ukugqiba kwam ukufunda kwesi sikolo

ndakube sendifunde iincwadi ezingama-50.

________________________________________

________________________________________

________________________________________

________________________________________

________________________________________


________________________________________





Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi ubhale isenzi esibiyelweyo ngendlela echanekileyo usebenzise u- **ndakube** + **isenzi** esikwixesha elidlulileyo.



Ngeli xesha kule veki izayo uya kube ________ (sebenza) kule projekthi iintsuku ezingmashumi amabini.

Ngeli xesha kulo nyaka uzayo ndiya kube ________ (funda) kwesi sikolo iminyaka emithandathu eneenyanga ezilithoba.

Ngeli xesha ngomso ndiza kube ________ (gqiba) umsebenzi wam wasekhaya.

Ngeli xesha kule nyanga izayo ndiza kube ________ (baleka) kugqatso lwemigama emide.

NgeKrisimesi ndiya ________ (tyelela) eKruger National Park.

INTSAYINO: Gama ________ Umhla ________



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 51 2019/10/23 11:51:34

# Kuza kwaziwana





Masibhale

Funda la maphepha mabini alandelayo athathwe kwibali lemifanekiso elithi Kuza kwaziwana. Inombolo ye-100. Jongisisa okwenzekayo kwisakhelo ngasinye. Qaphela iindidi ezahlukeneyo zamaqamza entetho asetyenzisiweyo kule khathuni. Jonga amaqamza abonisa intetho yabasasazi kwizakhelo 4, 5, 6, 7 neses-8. Qaphela izandi zamagama nendlela abhalwa ngayo.

**Ikhathuni njengoncwadi**

Ukuza kuthi ga ngoku kulo nyaka ufunde iindidi ezahlukeneyo zezicatshulwa: iintsomi, imibongo, izibhengezo, iingxelo, iingxoxo, izicatshulwa ezinika ulwazi neziyalelayo. Ibali lemifanekiso okanye ikhathuni lolunye uhlobo lwesicatshulwa. Amabali emifanekiso anamagama ambalwa nemifanekiso emininzi ukuze ukwazi ukubona abalinganiswa. Ibali libaliswa ngezakhelo ezilandelelanayo eziliqela – ezinye ziba namagama ezinye azibi nawo.






XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 52 2019/10/23 11:51:39


# Ukubhala ngebali 'Kuza kwaziwana'






Xoxa nomhlobo wakho ngebali lemifanekiso elithi Kuza kwaziwana. Nakugqiba bhala isivakalisi uchaze okwenzeka kwisakhelo ngasinye.

1
2
3
4
5
6
7
8
9
10
11
12
13
14




Funda ibali lemifanekiso kwakhona uze uphendule imibuzo elandelayo:

1. Yintoni ethanda ukwenziwa ngumkhuseli weSupa Strika kangangoko ethanda ukudlala ibhola ekhatywayo?
2. Iqela iSupa Strika lidlala neliphi iqela?
3. Impempe kasompempe yenza esiphi isandi? Kutheni ebetha impempe yakhe kwisakhelo sesi-4 nje?
4. Athini amanqaku? (Ingcebiso: jonga kwisakhelo sesi- 4 nesesi-8)
5. Yenza uluhlu lwamagama ezandi akweli bali.
6. Zeziphi izibhengezo ozibonayo kweli bali?
7. Zijoliswe kubani ezi izibhengezo?

# Iikhathuni zesibhengezo




- Sesiphi isibhengezo sikamabonakude okanye sikanomathotholo osithandayo?
- Kutheni usithanda nje?
- Ungayithenga imveliso ebhengezwayo?
- Ucinga ukuba kutheni becinga ukuba ungafuna ukuyithenga le mveliso?
- Ingaba esi sibhengezo sisebenzisa intetho etsalayo ngale mveliso?







Jonga izibhengezo ezikwiphepha lokusebenzela elingaphambili uze uphendule le mibuzo.

| |
|---|
| Ingaba isibhengezo ngasinye sikucenga ukuba wenze ntoni? |
| |
| Ingaba esi sibhengezo siyabaxa okanye kukho into esikuthembisa yona? Chaza kutheni usitsho nje. |
| |
| Zeziphi izandi ezisetyenziswe kwesi sibhengezo? |
| |
| Sijoliswe kubani esi sibhengezo? Ingaba sijoliswe ebantwini abadala okanye kwabancinci, emakhwenkweni okanye emantombazaneni? |
| |



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 55 2019/10/23 11:52:07

## Yintoni isimaphambili?

Isimaphambili asilogama lipheleleyo. Siyinxalenye yegama elifakelwa ekuqaleni kwegama (ingcambu). Isimaphambili ngasinye sakhiwa liceba kunye nesisekelo kwaye sinentsingiselo yaso. Xa ufakele isimaphambili kwingcambu yegama, iyatshintsha intsingiselo yengcambu leyo.




Jonga umzekelo. Kwenzeka ntoni xa uhlomela isimaphambili kwingcambu yegama? Lithetha ntoni igama elitsha olakhileyo?

| Isimaphambili | + | Ingcambu |
|---|---|---|
| ili- | | zwe |



Biyela isimaphambili segama ngalinye kula. Krwela umgca kwingcambu yegama.

umntu, uluntu, ubuthi, uluthi
isitya, ukutya, isiko
iziko, isintu, ubuntu
isizwe, ilizwe, ubuzwe
umphathi, abaphathi, izizwe

Bhala igama uze ukrwele umgca phantsi kwesimaphambili segama ngalinye. Wakugqiba bhala iceba nesisekelo seso simaphambili.
Umz. ilizwe ismph: ili = i- + -li-?

| Isimphambili | Iceba | + isisekelo |
|---|---|---|
| ili- | i- | + -li- |
| ama- | a- | + -ma- |
| um- | u- | + -m- |

## Isixando sokwenziwa




Bhala ezi zivakalisi zibe kwisixando sokwenziwa. Sesikuqalele.

Isivakalisi **esikwisixando sokwenziwa** sisibona ngo-**wa** ohlonyelwa kwisenzi sesivakalisi. Oku kwenzelwa ukwalatha ukuba intloko yesivakalisi yiyo umenzi wesenzo. Futhi siqaphela ukuba intloko yesivakalisi nenjongosezi zitshintsha indawo ezima kuyo. Umzekelo: **Inja** itya inyama. Isenziwa: **Inyama ityiwa** yinja.



Ifesitile yaphulwe yinkwenkwe.



Ibhere li ______________________

Umhla: ____________

# Yintoni isimamva?

**Izimamva** ziyafana nezimaphambili, ngaphandle kokuba zona zihlonyelwa **emva** kwengcambu yegama. Nazo ziyayitshintsha intsingiselo yegama. Umz. isimamva u-'ana' walatha "isinciphiso". Igama elithi injana lithetha inja encinci.




Zithetha ntoni ezi zimamva? Biyela isimamva kwigama ngalinye uze ukrwele umgca phantsi kwengcambu.

| Ingcambu | + | Isimamva |
|---|---|---|
| hamb- | | ile |



Biyela ngesangqa isimamva kwigama ngalinye. Wakugqiba krwela umgca phantsi kwengcambu.

inkosikazi, indodakazi, indodana, ithokazi, ihambile

ayihambanga, iyafundeka, indlukazi

umakazi, ixhegokazi, umntwana

isisukazi, fundisa, ugqibile, phatheka

phathela, phathisa, bonela, umgqomokazi

intokazi, umfana, ugqwesile, akahambanga

Zithetha ntoni ezi zimamva

| Isimamva | Intsingiselo |
|---|---|
| -ana | isinciphiso |
| -kazi | isandiso |
| -kazi | isikhomokazi |
| -ile | ixesha elidlulileyo |

| Isimamva | Intsingiselo |
|---|---|
| -anga | isilanduli |
| -ela | isixando sokwenzela |
| -eka | isixando sokwenzeka |
| -isa | isixando sokwenzisa |



Intombazana ____________________



Ibhola ____________________



Inkwenkwe ____________________



Unoposi ____________________



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 59 2019/10/23 11:52:30

# UDan intshatsheli yebhola ekhatywayo!





Masifunde


Yenzani lo mdlalo. Kuza kufuneka kubekho umama, utata, unyana kunye nombalisi oza kufunda iindawo eziphakathi kwengxoxo (le nto ithethwa ngabalinganiswa).

**Isiqendu**: Kusegumbini lokuhlala kuloDan. UDan ungqengqe esofeni ubukele umdlalo webhola ekhatywayo kumabonakude. Unina noyise bakhangeleka ngathi bakhathazekile kuba engawenzi umsebenzi wakhe wesikolo.

Imiyalelo yeqonga neyesiqendu ibhalwe kwizibiyeli ezisikwere.

MAMA: Dan, sowuwenzile umsebenzi wakho wesikolo?

DAN: Ee … ha … ewe, olo hlotyana. Ee … andinamsebenzi ungako Mama. Kuza kufuneka ndibhale ibali elinamagama angama-300. Ndisafuna ukukhawuleza ndibukele lo mdlalo ulapha kumabonakude kuqala.



MAMA: Daniel Shabalala, ingathi ngowuthatha incwadi zakho wenze umsebenzi wakho ngoku, uyandiva!

[Uthatha ubhaka wakhe phantsi awubeke phezu kwetafile.]

DAN: Kwowu, Mama! Utsho njani utitshala ukuba masibhale ibali elinamagama angama-300? AndingoWilliam Shakespeare nje mna! Amakhulu amathathu amagama! Ndakuyigqiba nini loo nto? Khona, ndiza kubhala ngantoni? Andinakubukela iPirates neChiefs kuqala? Ndakubhala ngoko nangoko ukuphela komdlalo. Ndiyathembisa!

[Ukhupha incwadi kubhaka ayivule.]

Amagama abalinganiswa siwabhala ngoonobumba abakhulu. Sibhala ikholon (:) emva kwegama. Asizisebenzisi iimpawu zocaphulo ukubonisa into abayithethayo.

TATA: Mhlawumbi oku kuya kukunceda. Jonga esi sazobe sokucinga sisencwadini yakho yokusebenzela. Sithi ubhala isihloko embindini uze ubhale izimvo ezine eziphambili ezibhokisini. Ilula nje loo nto! Ungayenza loo nto nyana.

DAN: Kodwa Tata, ndingabhala ngantoni? Ndiza kuqala ngegama lam nefani yam. Loo nto indinika amagama amabini ... kuya kushiyeka angama-298! Akwaba bendinokubukela nje oku kwesiphelo somdlalo. Kulungile ke. Ndiza kucinga. Ndibhale ngantoni? Mmm.

[UDan ulala ngentloko phezu kweencwadi.]

UMBALISI: Okukhona azama ukucinga uDan, kokukhona ozelayo. Uyazamla, kungekudala ubuso bakhe buwa phezu kweencwadi. Ulala yoyi. Uphupha ngalo mdlalo ebefuna ukuwubukela. Ukwibala lebhola ekhatywayo iFNB Stadium uhleli kumqolo wokuqala wezitulo ngaphambili emva kweepali zeeChiefs. Ubukele ngobuphakuphaku. Iqela

Umbalisi uthetha le ndawo ingaboniswayo ngabalinganiswa.



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 60 2019/10/23 11:52:49

lakhe liyabethwa kwaye sekusele imizuzu emihlanu uphele umdlalo. Umdlali wangaphambili othenjwe ngokukhaba uyaqhwalela kwaye nomnye wasesiswini owonzakeleyo uye wathwalwa wakhutshelwa ngaphandle ebaleni. Nanko uDan engena phakathi ebaleni ekhaba ibhola eyisa phambili. Unamendu kwaye uyagqadaza kunabaceli mngeni bakhe.

Ngokuzimisela nangawo onke amandla akhe, uDan ufaka inqaku eliphumelelayo kanye xa kukhala impempe yokuphela komdlalo. Nabo ubuso bukaDan obutsho ngolukablankethe bugqibe umabonakude. Abasasazi bayakhwaza, "UDan Shabalala ufake inqaku eliphumelelayo! Mzantsi Afrika ngoku sinentshatsheli entsha efaka amanqaku!"



[UMama uvusa uDan.]

MAMA: Dan, vuka … vuka! Tyhini le, uza kuwenza nini umsebenzi wakho!

DAN: Hmmm? Ma? Ubusithini?

TATA: Hee Dan! Ucinga ukuba wenzani? Uza kugqiba nini ukubhala umsebenzi wakho?

MAMA: Mhlawumbi njengokuba uvukile nje uza kuba namandla okugqibezela ibali lakho. Akufuni ndikuncedise ekucingeni ngesihloko sebali?

DAN: [Uyancuma.] O hayi Mama sukuzikhathaza. Ndiyazi kakuhle into endiza kubhala ngayo!





Masibhale

| |
|---|
| Ucinga ukuba uDan uza kubhala ngantoni? |
| |
| Ebethetha ukuthini xa ebesithi "AndingoWilliam Shakespeare"? |
| |
| |
| Chaza Isimo- sentlalo yeli bali (lidlalela phi eli bali). |
| |
| Zeziphi izenzeko ezithathu ekubhekiselelwe kuzo kulo mdlalo? |
| 1 |
| 2 |
| 3 |




XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 61 2019/10/23 11:52:57

# Ipowusta yomdlalo weqonga



EMzantsi Afrika …

## Hleka ude uqikileke ngomqolo




### Ubuyile ngenxa yokubizwa!

IThiyetha yeSizwe yaBantwana iyazidla ngokwazisa ngo***Pippi Longstocking***, umdlalo weqonga wabantwana ohlekisayo. Le mveliso yeqonga iza kudlala ngexesha leholide yePasika ukususela ngomhla we-7 kweyoKwindla.

UPippi yintwazana eyonwabisayo ehlala yodwa kwindlwana yayo ***engaqhelekanga*** kunye nehashe nenkawu esisilo-qabane. Amaqhinga kaPippi anentlonti ayahlekisa kodwa akwamfaka enkathazweni! Abantwana bakonwabela kakhulu ukubukela ***amacebo*** akhe.




Ungumlinganiswa othandekayo, kwaye bonke abantwana abambukelayo bafuna ukuba nguPippi. Emva komboniso abantwana baya bephephetheka kwithala leencwadi beyokufuna incwadi ethi ***Pippi Longstocking***. Ngamazwi avakalayo, uPippi unomtsalane.

***UPippi Longstocking*** uza kudlala kwiThiyetha yeSizwe yaBantwana ukususela ngowe-7 kweyoKwindla ukuya kowe-16 kwekaTshazimpuzi kule dilesi: 3 Junction Avenue, Parktown, Johannesburg. Ngexesha lesikolo phakathi evekini uza kudlala ngeye-09:00 nangeye-10:30. Ngexesha leholide uza kudlala ukususela ngoMvulo ukuya ngoMgqibelo ngeye-10:30 nangeye-14:30.

Izikolo zingakwazi **ukubhukishela amaqela** kwaye zifumane namaxabiso aphantsi.





Masibhale Funda imibuzo uze ubhale iimpendulo zakho.




Lithini igama lalo mdlalo weqonga?

Sazi njani ukuba ngumdlalo ohlekisayo?

Ngoobani abalinganiswa? Krwela umgca phantsi komlinganiswa oyintloko.

Ngoobani ababukeli ekujoliswe kubo? Bhala iinkcukacha ezikuxelela oku.

Ucinga ukuba kutheni kusetyenziswe imibala eqaqambileyo nje kule powusta?



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 62 2019/10/23 11:53:06

Umhla:

# Yila ipowusta yomdlalo weqonga




Yila ipowusta yesaziso somdlalo weqonga. Ungabhala uthi "UJabu nengonyama okanye UDan intshatsheli yebhola ekhatywayo!" Cinga nzulu ngalo mdlalo uza kuwubhengeza kuba kwiintsuku ezizayo uza kubhala ngaso. Kufuneka uquke oku:

- Igama lomdlalo libhalwa ngoonobumba abakhulu abanemibala (nika umdlalo wakho igama)
- Ngoobani abalinganiswa kulo mdlalo
- Uza kudlalelwa phi
- Umhla namaxesha emiboniso
- Inkcazo emfutshane yokuba umdlalo ungantoni
- Iinkcukacha malunga nokufumana indawo

Iingcebiso zokuyila ipowusta
- Sebenzisa ulwimi olucacileyo.
- Bhala amagama, amabinzana nezivakalisi ngoonobumba abangalinganiyo abahlukeneyo.
- Sebenzisa imibala eqaqambileyo eza kutsala umdla.
- Zoba okanye ncamathelisa imifanekiso enika abantu ulwazi oluthe vetshe ngomdlalo.

Jonga iipowusta eziyilwe ngabahlobo bakho uze ukhethe eyona igqwesileyo. Kwiphepha lomsebenzi elilandelayo uza kubhala umbhalo-ngqangi wakho womdlalo.

INTSAYINO: Gama ____ Umhla ____



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 63 2019/10/23 11:53:08

# Okunye ngezihlomelo nezichazi



Isihlomelo ligama elicacisa isenzeko okanye isichazi. Siphendula umbuzo othi **Njani? Nini? Phi?** okanye **Ngoba?** Sichaza:

- **Ubunjani** okanye **indlela** eyenzeka ngayo into: kakuhle, ngokukhawuleza, ngokucotha, kamnandi
- **Indawo** okanye **apho** yenzeka khona into: apha, apho, ngaphakathi, ecaleni, ngasemva.
- **Ubuninzi bokwenzeka** okanye yenzeka **kaninzi kangakanani**: rhoqo, nakanye, maxa wambi, kaninzi.
- **Ubungakanani** okanye **iqondo** elenzeka ngayo into: phantse, ngokungaphelelanga, ngqongqo.
- **Ingqiniseko** okanye **uqiniseke kangakanani** ukuba into inokwenzeka: ngokuqinisekileyo, mhlawumbi, kulindelekile, kufanele.




Krwela umgca phantsi kwezihlomelo kwezi zivakalisi uze ubiyele isenzi. Chaza ukuba luhlobo luni lwesihlomelo, sesexesha, sobunjani, sendawo, sobuninzi, seqondo okanye sesengqiniseko.



| | Uhlobo lwesihlomelo |
|---|---|
| Ikonisathi (yaqala) <u>emva kwexesha</u>. | Ixesha |
| Inkwenkwe yatya ngokukhawuleza. | |
| Bafika ebusuku sesilele. | |
| UDan uyithanda kakhulu ibhola ekhatywayo. | |
| Waphantse akasibhala isincoko sakhe. | |
| Iza kuna ngokuqinisekileyo namhlanje. | |
| Uhambe ngololiwe ukuya eKapa. | |
| Udla ngokuya edolophini ukuphuma kwesikolo. | |
| Unqena ngokugqithisileyo uMabhayi. | |
| UJabu uziqhelisa ukukhaba rhoqo. | |



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 66 2019/10/23 11:54:08

Umhla:

# Okunye ngezichazi

Ubusebenzisa iziphawuli okanye izibaluli ukuchaza abalinganiswa abasemabalini akho. Ezi zichazi ziphendula umbuzo othi "Injani?"




Funda ezi zivakalisi uze ufakele amagama azizichazi.

| |
|---|
| Isela lalinxibe ibhatyi enkulu, umnqwazi wewulu kunye nemasiki emnyama egqume ubuso bayo. |
| Umdlali webhola ekhatywayo wayenxibe ijezi ebomvu, iikawusi ezinde neebhutsi ezimthubi. |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | |
| ibhatyi | umnqwazi | iimaski | ijezi | iikawusi | iibhutsi |

## Iindidi ezahlukeneyo zezichazi

***Izimnini:*** 

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| zam | yethu | sakhe | yabo | walo |

***izichazi zoquko:***

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| lonke | zodwa | zozibini | zoshumi | sonke | bobathathu |

***Izichazi zokwalatha:***

| | | | |
|---|---|---|---|
| leyo | ezi | ezo | la |

***Izichazi ezibuzayo:***

| | | | |
|---|---|---|---|
| ntoni | yiphi | ngoba | nini |




Jonga **izichazi** ezikrwelwe umgca ngaphantsi kwezi zivakalisi uze ubiyele **isibizo** okanye **isimelabizo** ezibhekisele kuzo. Kwikholamu yokugqibela chaza ukuba luhlobo luni na lwesichazi: Esibuzayo, isimnini, esoquko okanye sokwalatha.



| | Udidi lwesichazi |
|---|---|
| UBen wakhangeleka esoyika. | |
| Yeyiphi incwadi oyithandayo? | |
| Wabamema bobahlanu abahlobo bakhe kwitheko lakhe. | |
| La ntombazana yaluphumelela ugqatso. | |
| Wahlamba iinwele zakhe waze wazibopha. | |
| Saxwaya iibhegi zethu salahleka kwangoko. | |
| Ndizifuna zonke iilekese zam ebendizibeke apha. | |

INTSAYINO: Gama ______ Umhla ______



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 67 2019/10/23 11:54:10

| Ndiyakwazi | 🙂 | 🙁 |
| --- | --- | --- |
| ukufunda ibali | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe ebalini | | |
| ukusebenzisa izichazi ekuchazeni abalinganiswa bebali | | |
| ukwenza isazobe sokucinga ukuze ndibalise ibali | | |
| ukubhala ibali ngokusebenzisa isazobe sokucinga | | |
| ukufunda ileta yobuhlobo | | |
| ukufumana izicwangciso zohambo eleteni | | |
| ukukhangela iintsingiselo zamagama kwisichazi-magama ze ndizibhale | | |
| ukuphendula imibuzo eneempendulo ezikhethisayo esekelwe ebalini | | |
| ukubhala ileta yobuhlobo | | |
| ukwenza isazobe sokucinga esilungiselela ukubhalwa kweleta | | |
| ukufunda i-imeyile | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kwi-imeyile | | |
| ukuchaza izibizo nezichazi kwizivakalisi | | |
| ukusebenzisa izichazi phambi nasemva kwezibizo | | |
| ukutshatisa amagama nezifanokuthi zawo | | |
| ukutshatisa amagama nezichasi zawo | | |
| ukusebenzisa izihlanganisi | | |
| ukusebenzisa izenzi ezikwixesha elidlulileyo | | |
| ukusebenzisa ixesha elidlulileyo nelisaya kudlula | | |
| ukufunda ibali lemifanekiso | | |
| ukuxoxa ngesakhelo ngasinye sekhathuni | | |
| ukuchaza isakhelo ngasinye sekhathuni | | |
| ukubhala izivakalisi zibe kwintetho-ngqo | | |
| ukuvakalisa izimvo malunga nesibhengezo | | |
| ukwenza isicwangciso sesibhengezo sikamabonakude nokubhala umbhalo-ngqangi waso | | |
| ukuchaza Isimo sentlalo, abalinganiswa nomxholo wesibhengezo | | |
| ukubhala ibali elinemifanekiso | | |
| ukuhlomela izimaphambili nezimamva kwiingcambu zamagama | | |
| ukusebenzisa isixando sokwenziwa | | |
| ukufunda umdlalo weqonga | | |
| ukudlala umdlalo weqonga | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kumdlalo | | |
| ukufunda ipowusta ebhengeza umdlalo | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kwipowusta | | |
| ukuyila ipowusta yomdlalo weqonga | | |
| ukubhala umdlalo weqonga | | |
| ukuchaza izihlomelo zobunjani, ezexesha, ezendawo, ezobungakanani ngokobuninzi, ezeqondo okanye ezengqiniseko | | |
| ukuchaza izibizo nezimelabizo ezichazwa zizichazi | | |
| ukuchaza iindidi zezichazi: izimnini, ezoquko, ezokwalatha okanye ezichazayo | | |



XHO HL Gr6 B2 TH6.indd 68
2019/10/23 11:54:27

# Iziqulatho

## Umxholo 7: Kwenziwa njani

Ikota 4: Iiveki 1 – 4

### Iiveki 1 – 2: Landela imiyalelo


97 Indlela yokudlala uSPUD 70

Ufunda imiyalelo ebhaliweyo yokudlala umdlalo obizwa ngokuba nguSPUD.
Uphendula imibuzo esekelwe kwimiyalelo ebhaliweyo.

98 Indlela yokwenza iFrentshi Thowusti 72

Ufunda iresiphi yokwenza iFrentshi Thowusti.
Ulandelelanisa imifanekiso aze anombole imiyalelo ngokokulandelana kwayo.
Uphendula imibuzo esekelwe kwiresiphi.
Uthelekisa imiyalelo yeresiphi nemiyalelo yomdlalo uSPUD.
Uxoxa nomhlobo ngamabinzana asetyenziswe kwiselula.
Ubhala imiyalelo.

99 Ukubhala imiyalelo nemithetho 74

Ubhala imiyalelo okanye imithetho yokusebenzisa isixhobo sombane okanye uqonda imiyalelo yomdlalo.
Uxela izenzi ezikwizivakalisi.
Wahlula izivakalisi ezimbaxa zibe zizivakalisi ezibini.

100 Izihlomelo zexesha, zobunjani kunye nezendawo 76

Uxela izihlomelo aze axele uhlobo lwazo.
Uxela izihlomelo kunye nezenzi ezichazwa zezo zihlomelo.
Ubhala inkcazelo engangomhlathi.

101 Yintoni oyikhumbulayo? 77

102 Ukuhamba emajukujukwini 78

Uxoxa aze acingele okwenzekayo ngokujonga imifanekiso.
Ufunda imiyalelo.

103 Masiqonde 80

Uphendula imibuzo esekelwe kwimiyalelo.
Ubhala umhlathi malunga nokuba ngusomajukujuku.
Ubhala ikhadi leposi achaze ngohambo lokuya emajukujukwini.

104 Imibuzo yodliwano-ndlebe 82

Usebenzisa le mibuzo ukwenza uvavanyo.
Ubhala akufumeneyo kuvavanyo kwitheyibhile.
Ubhala ingxelo malunga nakufumeneyo.


### Iiveki 3 – 4: Ukufundela ulwazi


105 Sonke sihlala kwiplanethi yomhlaba 84

Ufunda isicatshulwa esinolwazi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Ukhupha ulwazi kwisicatshulwa.

106 Amazwekazi asixhenxe 86

Ufakela amagama amazwekazi asixhenxe kunye neelwandle ezinkulu.
Uphawula imephu asebenzise iinkcukacha ezikhoyo.

107 Imibuzo yemephu yehlabathi 88

Udlala umdlalo wemibuzo emalunga nemephu yehlabathi.

108 Iinkcubeko ezininzi 90

Wenza udliwano-ndlebe aze abhale phantsi iimpendulo.
Ufunda ngelinye ilizwe aze afumane iimpendulo zemibuzo.
Ugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa izihlomelo zobungakanani.

109 Ukufumana uSediba 92

Ufunda inqaku lephephandaba.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinqaku lephephandaba.
Ubhala kwidayari malunga nenqaku lephephandaba.

110 UNksk. Ples noNyawana 94

Ufunda iwebhusayithi emalunga neendawo zenkcubeko ezingamagugu.

111 Igugu lethu 96

Uphendula imibuzo esekelwe kulwazi olukwikhasi le-intanethi.
Uyila ipowusta yokubhengeza indawo eligugu iCradle of Humankind.
Wakha izivakalisi esebenzisa izihlomelo zobungakanani/nezexesha.
Uzoba imifanekiso abonise iintsingiselo ezimbini ezithethwa zizivakalisi.

112 Ukuceba incwadana 98

Yila incwadana yokubhengeza iCradle of Humankind.








XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 69 2019/10/23 11:50:58

# 97 Indlela yokudlala uSPUD

## Yintoni umyalelo?

Kwiiveki ezimbini ezizayo siza kujonga imiyalelo. Injongo yale miyalelo kukuxelela umfundi indlela yokwenza into. Inkcazelo iyahlulwahlulwa, ibe ngamanyathelo alandelelanayo. Owona mzekelo uqhelekileyo wemiyalelo ziiresiphi. Omnye umzekelo oqhelekileyo yimiyalelo yokusebenzisa iselula okanye ikhompiyutha, nemithetho yemidlalo.



Masifunde

Lo myalelo umalunga nomdlalo obizwa ngokuba nguSpud. Khangela imiyalelo yendlela odlalwa ngayo.

**Kufuneka**

Ibhola yerabha encinane.

Abadlali abahlanu nangaphezulu.

Indawo evulekileyo ngaphandle.

**Kudlalelwa phi**

Indawo elithafa evulekileyo ngaphandle kude neefestile nasendleleni.





**Injongo yomdlalo**

Ukuba ngumdlali wokugqibela: abadlali abanikwe oonobumba bayaphuma emdlalweni xa aba nobumba bepela igama elithi S-P-U-D.





XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 70 2019/10/23 11:51:06

Umhla:

# Imithetho yomdlalo

1. Umdlali ngamnye umele athathe inombolo eza kuba yimfihlo ebhokisini. Okanye, kumele kubekho otshoyo ukuba ngubani odlulisela inombolo, umzekelo: “Utitshala uza kunika umdlali inombolo eyimfihlo.”
2. Khetha umdlali oza kuqala umdlalo. Umele athathe ibhola. Umdlali ophethe ibhola kuthiwa ngu-**Ithi**.
3. U-**Ithi** ujula ibhola emoyeni aze abize inombolo. Umdlali onale nombolo ujika abe ngu-Ithi kwaye kufuneka abambe ibhola. Bonke abanye abadlali kufuneka babaleke.
4. U-**Ithi** ukhwaza athi SPUD. Bonke abadlali bamele ukuma bangashukumi.
5. U-**Ithi** uthatha amanyathelo amakhulu amathathu esiya komnye umdlali aze ajule ibhola ezinyaweni zaloo mdlali. Abanye abadlali akufuneki bashukume.
6. Ukuba u-**Ithi** uchane omnye umdlali okanye uye washukuma loo mdlali uyajika abe ngu-**Ithi** naye aze afumane unobumba ongu-**S** (kaSPUD). Ukuba kwixa elizayo kuchanwa kwa lo mdlali, ufumana unobumba **P** aze xa echanwa kwakhona afumane **U** ekugqibeleni afumane **D**.
7. Xa umdlali efumana oonobumba abane abaligama elithi SPUD uyaphuma emdlalweni, uze umdlalo uqhubeke ngaphandle kwakhe.

*Zama ukudlala lo mdlalo uze uvavanye imithetho.*


Masibhale

Ngoku ke khawuphendule imibuzo malunga nemithetho kaSpud.

Ubuncinane bangaphi abadlali abafunekayo ukudlala lo mdlalo? ____________

Umele ukwenza ntoni umdlali xa u-Ithi ebiza “SPUD”?

____________

Zeziphi iindawo ongadlalelwa kuzo lo mdlalo?

____________

Nguwuphi umfanekiso ohambisana noMthetho wesi-5?









XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 71 2019/10/23 11:51:10

# Indlela yokwenza iFrentshi Thowusti






Khangela imifanekiso uze ufunde imiyalelo.

Landela imifanekiso ngokulandelelana kwayo uze unombole imiyalelo ngokuchanekileyo.



## IResiphi yeFrentshi Thowusti


### Izithako

- 2 amaqanda
- 4 izilayi ezikhulu zesonka
- amatisipuni amabini ejem
- $\frac{1}{4}$ ikota yobisi
- Intwana yetyuwa

### Indlela yokuyenza

☐ Qhotsa izilayi zesonka, uze uziguqule xa zimdaka ngebala.
☐ Ziphake nejem.
☐ Galela intwana yamafutha kwipani engatshisiyo.
☐ Qhuqha amaqanda nobisi.
☐ Faka amacala omabini esonka kumxube wobisi.











XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 72 2019/10/23 11:51:19

Umhla:




Fumanisa ukuba kuza kufuneka eziphi izixhobo xa usenza iFrentshi thowusti. Zibhale.

Ngoku thelekisa imiyalelo yeresiphi nemiyalelo (okanye imithetho) yokudlala uSPUD.


Ifana njani le miyalelo?

Yahluka njani le miyalelo?

Xa kufuneka sidlulise imiyalelo kufuneka sisebenzise isigama esikhethekileyo. Khangela kula magama amalunga neselula uze ucacisele umhlobo wakho ukuba athetha ukuthini.

| | | | |
|---|---|---|---|
| iwotshi yealam | | imenyu | |
| ibhetri iphantsi | | uphose umnxeba | |
| ikhalenda | | abaqhagamshelwa | |
| ixesha lokufowuna | | SMS | |
| faka iPIN khowudi | | vula | |
| umyalezo oshiyiweyo | | bhala umyalezo | |

Bhala imiyalelo uchazele uRoni Robhothi indlela yokuthumela umyalezo we-sms okanye indlela yokumamela umyalezo welizwi.



Umhla:

# Izivakalisi ezimbaxa




Izivakalisi ezimbaxa zinezenzi ezininzi.




Krwelela isenzi kwesi sivakalisi. Emva koko yahlula isivakalisi esimbaxa ngasinye sibe zizivakalisi ezibini.

| | |
|---|---|
| Umfana uyaqhwalela kuba wenzakele emlenzeni. | |
| Umfana uyaqhwalela. | Umfana wenzakele emlenzeni. |



| | |
|---|---|
| UNomhle watya iikeyiki ezintlanu kuba yintombazana ebawayo. | |
| | |

| | |
|---|---|
| Utitshala wanceda umtwana obengaqondi. | |
| | |



| | |
|---|---|
| Inja yakhonkotha kuba iva ingxolo. | |
| | |

| | |
|---|---|
| Ndincedisa umama ukupheka ngoko ndibeka izitya etafileni. | |
| | |

| | |
|---|---|
| Ndenza umsebenzi wasekhaya wesikolo ngaphambi kokuba ndibukele iTV. | |
| | |










XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 75 2019/10/23 11:51:34

# Izihlomelo zexesha, zobunjani kunye nezendawo



## Ziziphi iintlobo zezihlomelo?

Njengokuba ubonile kumsebenzi ongaphambili, izihlomelo ezininzi zisixelela ngobunjani, ngayiphi indlela, nini nokuba phi xa bekusenzeka into. Ngamanye amazwi, zichaza indlela, indawo okanye ixesha lesenzo.

**Ukukhangela izihlomelo**

Izihlomelo zinokwakhiwa kwiziphawuli ngokufakela u-*ka* okanye u-*kaku* xa isiphawuli silungu linye.

**Isiphawuli**


| Isiphawuli | Isihlomelo |
|---|---|
| ninzi | kaninzi |
| ngaphi | kangaphi |

| Isiphawuli | Isihlomelo |
|---|---|
| bi | kakubi |
| hle | kakuhle |

## Ukulandelelana kwezihlomelo

Izihlomelo ziphendula imibuzo ethi, njani, phi, nini, njani kwinto eyenzekayo.

| Isenzi | Indlela | Indawo | Uphindaphindo | Ixesha | Injongo |
|---|---|---|---|---|---|
| UNomsa uyaqubha | ngochulumanco | equleni | rhoqo kusasa | ngaphambi kokuvela kwelanga | ukugcina ukumila kakuhle. |
| Utata uyahamba | ngokukhawuleza | evenkileni | rhoqo ngorhatya | emva kwemini | ukufumana iphephandaba. |
| Uyaqhuba | ngokungxama | emsebenzini | rhoqo kusasa | emva kwesidlo sakusasa | ukufika ngexesha. |



Masibhale

Krwelela isihlomelo kwisivakalisi ngasinye uchaze ukuba sicacisa **ubunjani**, **indawo** okanye **ixesha** lesenzo.

| | Uhlobo lwesihlomelo |
|---|---|
| Uthetha ezolile. | |
| Sihlala apha. | |
| Siza kuya eThekwini ngomso. | |
| Usoloko ewenza umsebenzi wakhe wesikolo. | |
| Ucula kamnandi nekwayala. | |
| Baza kwenza iFrentshi thowusti ngomso kusasa. | |
| Andisoze ndiyitye inyama nanini na. | |
| Abantwana badlala ngolonwabo epakini. | |
| Beze ngebhasi ekhaya. | |
| Ndiyatya ngoku. | |
| Izolo ndiye edolophini. | |
| Wayesoyika ethetha ngokukhawuleza. | |
| Ucotha kakhulu kuba uzenzakalise emlenzeni. | |

# Yintoni oyikhumbulayo?






Krwelela zonke izihlomelo azisebenzisayo uJabu xa ethetha. Wakugqiba biyela ngesangqa izenzi ezizichazayo.

Ndidlale umdlalo webhola ekhatywayo ommangalisayo phezolo. Ndibaleke okombane, ndihlasela ngokungenalusini ndaze ndafaka amanqaku amathathu lula nje. Ndiphantse ndafaka nelesine. Ndidlale kakuhle kakhulu wade wathi umqeqeshi wethu ukuba ndiziqeqesha rhoqo ndiyintshatsheli yeBafana Bafana ngenye imini. Ababukeli bebekhwaza bevuya ngexesha ngalinye ndifaka inqaku.

Ndiya kuba ngumdlali webhola ekhatywayo ohlawulelwayo ngenye imini, kanti ndinganguye nokapteni weBafana Bafana.






Ngoku krwela umgca phantsi kweziphawuli azisebenzisileyo uAnn kwintetho yakhe.



Uyazi ukuba ndinasiphi na isilo-qabane? Ndinesigcawu esincinane esimangalisayo. Sisilo-qabane esihle! Sinobuhlobo kunjalonje. Umntakwethu wayefuna ikatana emnyama. Ookatana bahle kodwa ndicinga ukuba isigcawu sesona sonwabisayo. Akusebenzisi mali ininzi ukusondla kwaye sincinane kuba ungasiphatha nokuba uyaphi imini yonke! Abanye abahlobo bam bayazoyika izigcawu kodwa azinabungozi. Isigcawu sam sibangela umdla kunezilo-qabane abanye abanazo abanye ezidikayo! Xa ndimdala ndifuna ukufunda iNzululwazi ngezilo. Ndicinga ukuba izidalwa ezinemilenze emithandathu ziyamangalisa.




Ngoku bhala inkcazelo ngomdlalo owudlalileyo okanye ngesilo-qabane onaso. Sebenzisa iziphawuli ezichazayo nezihlomelo ezahlukeneyo.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |
| |
| |

# Ukuhamba emajukujukwini





**Masithethe** Jonga imifanekiso ekweli phepha uze uxoxe ngoko ucinga ukuba kuthethwa sisicatshulwa. Xoxa ngemibuzo kunye neqabane lakho.

- ❖ Abantu baya njani emajukujukwini?
- ❖ Kuthiwa ngoobani aba bantu?
- ❖ Yintoni enxitywa ngoosomajukujuku xa behamba emajukujukwini?
- ❖ Ucinga ukuba kutheni kufuneka benxibe iimpahla ezikhethekileyo nje?




**Masifunde** Funda imiyalelo yokunxiba isuti yasemajukujukwini.



**1** Okokuqala oosomajukujuku bafaka izinto ezingathi ziimpahla zangaphantsi ezinde. Zenziwe ngelasitiki netyhubhu yerabha ethungelwe kuzo. Amanzi ahamba kwiityhubhu ezifakelweyo ukuze oosomajukujuku bahlale bepholile njengoko ubushushu bomzimba bungaphumi xa bevalelwe kwiisuti zabo.



**2** Okulandelayo oosomjukujuku bafaka umzantsi wesuti, owenziwe waba yinto enye – iibhutsi ezinkulu eziqinileyo ezidityaniswe nebhulukhwe enkulu, ethambileyo nevaliweyo. Emhlabeni oosomajukujuku kungafuneka balale phantsi ukuze bangene kwezi bhulukhwe. Xa besemajukujukwini bangena nje lula kuba babhabha emoyeni.



**3** Oosomajukujuku babhabha emoyeni kwisuti evalwe ngci baze baze banxibe umntla wale suti ngokukhawuleza. Umntla wale suti uneendawo eziqinileyo kodwa uthambile ezingalweni. Intloko kasomajukujuku iphumela kwiringi yentsimbi esentanyeni, apho isigcina-ntloko siza kufakelwa khona, zize iingalo ziphumele kwiringi apho iiglavu ziza kufakelwa khona. Le indawo yesuti inzima xa usemhlabeni. Idlulisela ioksijini, amanzi, iifeni neebhetri.



**4** Xa umntu ohamba emajukujukwini neqabane lakhe bephakathi kwiisuti zabo, omnye usomajukujuku (usala ngaphakathi) ancede ngokudibanisa isuti iyonke. Ngaphambi kokufaka izigcina-ntloko, oosomajukujuku babeka iminqwazi eneredíyo phakathi kwizikhuseli zeendlebe baze bafake isandisi-sandi ngaphambi kwemilomo yabo ukuze bakwazi ukuncokola omnye nomnye kunye nabanye abasebenza nabo.



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 78 2019/10/23 11:51:56

Umhla:



**5** Konke oku kuthatha iiyure eziliqela. Kodwa ekugqibeleni bayakulungela ukufaka izigcina-ntloko neeglavu ezingaqhelekanga ezinkulu. Balungisa iminqwazi baze bonwaye iimpumlo zabo okokugqibela. Abasoze baphinde bakwazi ukuzonwaya de umsebenzi wasemajukujukwini uphele.

**6** Usomajukujuku obencedisa uyaphuma aze avale ukuze kungangeni umoya. Kwiisuti ezinkulu, oosomajukujuku ababini phantse bagqiba indawo. Balinda bodwa kule ndawo ivaliweyo imizuzu eliqela ngexa umoya umpontshelwa ngaphandle. Beva iingxolo ezindlebeni zabo ngeli xa belindele igeji yomoya ibonise ukuba umoya uphumile.





**7** Ekugqibeleni bavula ucango baze baye emajukujukwini. Ngaphambi kokuba baphaphazele kwindawo evalelwe umoya, kufuneka baqhagamshele iintambo ezincinane phakathi kwesuti neshatile. Ezi ntambo zigcina oosomajukujuku bangaphaphatheki bemke kwishatile.

**8** Ukuphaphazela emajukujukwini, kwenza oosomajukujuku babe ziisathelayithi ezingabantu.
Bajikeleza umhlaba! Ayifuneki nganto ishatile yasemajukujukwini okwexeshana kuba iisuti zabo ezinomoya neebhetri zibagcina bephila malunga neeyure ezisixhenxe. Kukho noluthi lokutya nesingxobo samanzi phakathi kwisigcina-ntloko. Bahamba kwizibuko leshatile lemithwalo.
Le ndawo kulapho bagcina khona izixhobo xa befuna ukusebenza emajukujukwini, kwibhokisi enkulu yezixhobo. Basusa izixhobo abazifunayo baze bazibophelele esihlahleni okanye esinqeni. Ukusebenza emajukujukwini akukho lula. Iminwe, izandla neengalo ziyadinwa kuba intshukumo nganye abayenzayo ithetha ukuba batyhala iisuti zabo ngaphakathi. Xa ilixesha lokudibana nabanye abasebenzi phakathi kwishatile emva kweeyure bengaphandle, oosomajukujuku bayaphaphazela ukubuyela emoyeni oxabileyo. Kodwa naxa bediniwe, bayema bajonge inkangeleko yomhlaba nesibhakabhaka ngaphambi kokuba bavale iingcango.



(Umthombo wolwazi: PIRLS 2006 Umsebenzi wokuhlola neNgcaciso- inqaku likaRisem, S & Okie, S. 1991.)



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 79 2019/10/23 11:52:09

# Masiqonde



**1. Lithetha ngantoni eli nqaku?**

| | |
|---|---|
| A | Kutheni oosomajukujuku besebenza ngababini. |
| B | Ikhangeleka njani ishatile. |
| C | Kutheni oosomajukujuku bethatha inxaxheba kwiphulo leshatile. |
| D | Kunjani ukusebenza emajukujukwini. |

**2. Kutheni oosomajukujuku bephuma kwishatile?**

| | |
|---|---|
| A | Bayalungisa. |
| B | Ukuze bawubone kakuhle umhlaba. |
| C | Ukuhlala bepholile. |
| D | Ukuba ngamadela-kufa. |

**3. Kutheni kufuneka oosomajukujuku besoloko bephuma phandle xa belungisa?**

| | |
|---|---|
| A | Ukuze bancedane. |
| B | Ukuze bahlale ngaphandle ixesha elide. |
| C | Ukuze bangaphaphazeli. |
| D | Ukuze bazonwabise. |

**4. Iityhubhu zerabha zibanceda njani xa benxibe iisuti zabo?**

| | |
|---|---|
| A | Zibanceda bakwazi ukunkcokola nabanye abasebenzi. |
| B | Zibanika ioksijini. |
| C | Zibabophelela kwishatile. |
| D | Zibagcina bepholile. |

**5. Yintoni egcina usomajukujuku ekuphaphazeleni xa bengaphandle kwishatile?**

| | |
|---|---|
| A | Ziipakethi zebhetri. |
| B | Ziibhutsi zasemajukujukwini. |
| C | Yintambo encinane. |
| D | Kukubambelela ngezandla. |

**6. Chaza ngokulandelelana impahla ayinxibayo usomajukujuku xa ehamba emajukujukwini. Yilandelelanise uqale ku-1 uye kwisi-4.**

| | |
|---|---|
| | Umntla weSuti. |
| | Isigcina-ntloko. |
| | Umzantsi wesuti. |
| | Impahla yangaphantsi yelasitiki. |

| Ngokutsho kweli nqaku, yintoni umahluko omkhulu phakathi kweshatile nomhlaba? |
|---|
| |
| |

| Kutheni oosomajukujuku kufuneka benxibe iisuti zasemajukujukwini xa bengaphandle kwishatile? Chaza izizathu ezibini ezikweli nqaku. |
|---|
| |
| |
| |
| |

| Kutheni kuthatha iiyure nje ukuze usomajukujuku alungele ukuya kwishatile? |
|---|
| |
| |



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 80 2019/10/23 11:52:09

# 104 Imibuzo yodliwano-ndlebe




Sifumanisa njani ukuba abantu bayathanda okanye abamthandi umntu okanye into? Singanodliwano-ndlebe nabo uze ubabuze oko bakucingayo ngomntu okanye into. Udliwano-ndlebe kufuneka lulungiselelwe kuba kaloku sinokuyilibala imibuzo, okanye sibuze imibuzo engachanekanga. Ngoko sibhala imibuzo, esiyibuza kudliwano-ndlebe. Sebenzisa imibuzo engezantsi ukuze ufumanise ukuba bacinga ntoni abahlobo bakho ngesikolo kwaye yintoni abafuna ukuyitshintsha. Umbuzo wokugqibela uthi “Okunye”. Apha unokufaka eminye imibuzo ongathanda ukuyibuza, ukuba nje inento yokwenza nale nto sithetha ngayo. Buza abahlobo abalishumi ukuze baphendule **ewe** okanye **hayi** kule mibuzo.

**Uphando malunga nokutshintsha inkqubo yesikolo.**

Bhala inani leempawu

| Faka uphawu ku-**ewe** okanye ku-**hayi** kwiikholamu ezisecaleni kwemibuzo. | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 | 6 | 7 | 8 | 9 | 10 | Inani loo-ewe | Inani loo-hayi |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 1. Sifanele sikwazi ukunxiba nantoni na esiyithandayo xa sisesikolweni, kungekuphela nje iyunifomu. | | | | | | | | | | | | |
| 2. Sifanele ukuba sibe nemidlalo ngaphambi kokungena kwesikolo kuba kupholile, kunokuba ibekho emva kwemini. | | | | | | | | | | | | |
| 3. Ixesha lesikolo limele ukwandiswa ukuze kungabikho mfuneko yokwenza umsebenzi wasekhaya. | | | | | | | | | | | | |
| 4. Izikolo ezahluwe ngokwesini zibhetele kunezikolo ezidibanisa amakhwenkwe namantombazana. | | | | | | | | | | | | |
| 5. Abantwana kufuneka babuzwe nabo ngemithetho yesikolo. | | | | | | | | | | | | |
| 6. Okunye. | | | | | | | | | | | | |

Fakela oko ukufumanisileyo kudliwano-ndlebe kule theyibhile.



***Itheyibhile 1:* Okufumanisileyo malunga notshintsho lwenkqubo yesikolo**

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Fakela inani labahlobo abavumelana nebinzana ngalinye. | | | | | | |
| | Maziyekwe iiyunifomu | Imidlalo yakusasa | Ukwandiswa kwexesha lesikolo | Izikolo zesini esinye | Uthethwano ngemithetho | Okunye |



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 82 2019/10/23 11:52:22


Umhla:

Masibhale

Bhala ke ngoku ingxelo malunga nokufumanisileyo. Kufuneka ubhale ebuncinaneni izivakalisi ezibini ngombuzo ngamnye.



**Umbuzo 1:** Ingaba abahlobo bakho bayavuma ukuba abafundi bavunyelwe ukuba banxibe nantoni na abayifunayo esikolweni?



**Umbuzo 2:** Bacinga ntoni abahlobo bakho malunga nokudlala imidlalo ngaphambi kokungena kwesikolo?

**Umbuzo 3:** Ingaba abahlobo bakho bayavuma ukuba kwandiswe ixesha lesikolo ukuze bangabinawo umsebenzi wesekhaya?

**Umbuzo 4:** Ingaba abahlobo bakho bafuna ukuxubana (bafunde kunye) amakhwenkwe namantombazana esikolweni okanye bakhetha isikolo sesini esinye?

**Umbuzo 5:** Ingaba abahlobo bakho bayaluxhasa uluvo lokuba abafundi kufuneka babuzwe ngemithetho yesikolo?

**Umbuzo 6:** Yiyiphi "eminye" imibuzo oyibuzileyo?

Bacinga ntoni abahlobo bakho ngombuzo owubuzileyo apha ngentla?

Njengokuba ngoku uzifumene izimvo zabantu ngezi zinto, loluphi utshintsho ocinga ukuba lumele ukwenziwa kwinkqubo yesikolo?





XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 83 2019/10/23 11:52:27

# 105 Sonke sihlala kwiplanethi yomhlaba



Masifunde



Sonke singabantu basemhlabeni. Sihlala kuzo zonke iindawo, kwizixeko ezixineneyo nakwiidolophana ezincinane. Sihlala kwiindawo ezinomkhenkce nezithe tyaba okanye kumahlathi ashinyeneyo ashushu. Sihlala entlango, ezintabeni, nakwiziqithi eziselwandle.

Siyimibala ngemibala. Abanye bethu bafudumele, abanye ulusu lwabo lufuna ilanga esantini. Abanye bethu banolusu oluntsundu ngokungathi yitshokolethi. Abanye banolusu olupinki ngokungathi kukuvela kokusa. Abanye bethu banolusu olubomvu. Amehlo ethu neenwele zethu ziyimibala engafaniyo. Sinamehlo abhulowu, amehlo amdaka ngebala, amehlo angwevu, okanye amehlo aluhlaza. Iinwele zigwangqa okanye zimdaka ngebala okanye zibomvu okanye zimnyama. Zinokoluka okanye ziphothane.

Asifani ngeziqu nokumila. Abanye bade abanye bafutshane. Abanye banciphile kanti abanye bathe futhu. Asifani ngendlela yokuphila, ngeenkolo nangamasiko ethu. Sithanda ukutya okungafaniyo. Sakha izindlu ezingafaniyo. Sivela kwiintsapho ezahlukeneyo, singamaqela, izizwe, neentlanga ezingafaniyo.

Kodwa siyafana ngezinto ezininzi. Sonke sifuna ukutya. Sifuna ukukhuseleka, ukuhlala ngokukhululeka nokonwaba. Sonke sifuna uthando nobuhlobo. Sonke sifuna izinto ezintle.

Sonke siyinxalenye yosapho olukhulu usapho lwabantu abamalunga neebhiliyoni ezisi-7. Sonke sinookhokho abafanayo. Ewe, sonke singabantu abakwiplanethi yoMhlaba, kwaye sonke siphuma apha eMzantsi Afrika.

(Umthombo wolwazi: *World book: Childcraft*, vol 8:7)





Masibhale

Umbhali uchaza izinto ezahlukeneyo ezisixhenxe zeendawo abantu abahlala kuzo. Yenza uludwe lwezi zinto.

Chaza iindlela ezine apho umbhali athi abantu bahluke ngazo.

Sifana njani sonke?



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 84 2019/10/23 11:52:30



## Masifunde

Bonke abantu banentswelo yokutya, impahla nendawo yokuhlala. Kodwa sonke sitya ukutya okungafaniyo. Asinxibi iimpahla ezifanayo. Asihlali kwizindlu ezifanayo. Kwaye neentsapho zethu azifani.

UChloe yiEskimo. Uneminyaka eli-12 ubudala. Uhlala eCanada. Yena nosapho lwakhe bahlala kweyona ndawo ibandayo ehlabathini kwaye banxiba iimpahla ezenziwe ngeemfele zezilwanyana ukuzigcina befudumele. Batya amafutha omnenga kunye nawebhere kwaye nenyama yentini yolwandle. Amafutha atyebileyo kwezi zidlo anceda ukugcina imizimba yabo umele. Ngaphambili, amaEskimo ayehlala koongquphantsi abenziwe ngekhephu okanye kwiintente ezenziwe ngesikhumba sezilwanyana. Namhlanje bahlala kwizindlu ezifudumeleyo.






UJohn uhlala eNgilani. Naye uneminyaka eli-13 ubudala. Uqale ukuya esikolweni eneminyaka emi-3. Uthanda ukutya intlanzi neetshiphusi. Uthanda ukunxiba iyunifomu yesikolo ahambe akhwele ibhayisekile xa esiya esikolweni ehlotyeni. Uyithanda egazini ibhola ekhatywayo.

URuth ngumSirayeli uhlala kwikhibhutsi efana nefama. URuth uneminyaka eli-11 ubudala. Kule khibhutsi, abazali bakhe nomntwana wakowabo abahlali kunye. Abazali bakhe bahlala endlwini yabantu abadala baze abantwana bahlale endlwini yabantwana. URuth uya esikolweni sasefama atye isidlo sasemini esikolweni.





UAdil uneminyaka elishumi elinesithathu uhlala kwilali yaseMalaysia. Ilali inendlu enye. Ibizwa ngokuba yindlu ende kwaye ilungiselelwe ukuba ihlale iintsapho ezingama-50. Iintsapho zikhetha umntu oza kuba yintloko yekhaya labo.

UKwi uneminyaka esi-7. Uhlala kwintlango yaseBotswana. NguMthwa. Utata wakhe uyazingela izilwanyana ukuze batye. UKwi uza kuya esikolweni esinendawo yokuhlala akuba mdala. Ngoku ufunda ngembali esebenzisa iingoma namabali afundiswa kowabo.





UKofi uneminyaka elishumi elinanye uhlala kwilali yaseGhana. Uhlala kwindlu yeAshanti kunye nomama wakhe nomama kamama wakhe. Kule ndlu uKofi ubiza bonke abasetyhini ngokuba “ngoomama”, kwaye bonke abantwana ngoobhuti noosisi.



## Masibhale

Gcwalisa le theyibhile, usebenzise inkcazelo oyifumene kule nkcazelo ugqiba kuyifunda.

| Igama kunye neminyaka | Ilizwe | Malunga nenkcubeko yakhe |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 85 2019/10/23 11:52:47

# Amazwekazi asixhenxe






Khangela kwimephu ngasemva kule ncwadi yokusebenzela uze ufakele amagama amazwekazi asixhenxe kunye neelwandlekazi.




Imigca yelathityhudi nelongityhudi eboniswe emephini yimigca ecingelwayo esetyenziswa ukufumana iindawo emhlabeni. Le migca yelathityhudi iqala empuma iye entshona (okanye ekhohlo iye ekunene), kwaye imigca yelongityhudi iqala emantla ukuya emazantsi (phezulu ukuya ezantsi). Ngoko ikhwela phezu kweminye.







XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 86 2019/10/23 11:52:53

# Iinkcubeko ezininzi






Ngoku uza kwenza uphando ngokwakho.





EMzantsi Afrika sineenkcubeko neenkolo ezahlukeneyo. Khawudlan' indlebe nomntu onqula kwinkolo eyahlukileyo kweyakho. Buza imibuzo ekwitheyibhile engezantsi, uze ufakele iimpendulo kwicala elingasekunene.



| | |
|---|---|
| Ninqula bani kwinkolo yenu? | |
| Ninqulela phi? | |
| Abantu banqula kangaphi? | |
| Zeziphi iinkonzo zonqulo, imithendeleko okanye iinkonzo ebazenzayo? | |
| Abantu banxiba njani kwezi nkonzo? | |
| Ingaba amadoda nabasetyhini anqula kunye? | |

Khetha ilizwe uze ufunde banzi ngalo ngokufuna iimpendulo uze ubuze nemibuzo.



| | |
|---|---|
| Liphi eli lizwe- likweliphi ilizwekazi? Liphawule ilizwe kwimephu yakho. | |
| Zeziphi izithethe zalo? | |
| Yeyiphi enye inkcazelo oyifumeneyo enika umdla? | |



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 90 2019/10/23 11:53:13

# Izihlomelo zobunjani



Masibhale



Jim



Jabu



Ajay

Zalisa ezi zivakalisi ngezihlomelo zobunjani

UJim usindwa kancinci.

Ujabu uziphethe iintyatyambo ______.

UAjay usindwa ______.

Ibhulukhwe kaJabu inde kunekaJim inde.

UAjay usebenza ______.

Ibhulukhwe ka-Ajay ithungwe ______.



Bongi



Pam



Devi

UDevi mde kunoBongi.

UPam ______ kunoDevi.

UDevi ufunda ______.

UPam unencwadi enkulu kuno Bongi.

UBongi ufunda ______.

UPam ufunda ______.

Uhamba kancinci.

Ucula ______.

Usebenza ______.

Ubhala ngokukhawuleza.

Uhambe ______.

Ndimbone ______.

| Ezi zizihlomelo zobunjani onokuzikhumbula. | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| kaninzi | imbana kuna- | kabuhlungu | ngomsindo | intlana kuna- | kabini | |
| kamnandi | incinanana kuna- | kabuhlungu | kanye | mdadlana kuna- | ngenkani | |



Masifunde

# IINDABA ZABANTWANA

## Umfana wesikolo (9) ugagana nomntu wokuqala

15 Agasti 2008

Kwi-CRADLE OF HUMANKIND, eMzantsi Afrika—uMatthew Berger oneminyaka elithoba ubudala wayeleqa inja yakhe, uTau, phakathi kwengca ende yaseMaropeng ngantsasa ithile enelanga. Wakhubeka kwisigodo somthi waze wawela kwinto eyaba lubhaqo olubalulekileyo kwizifundo zeakhiyoloji. "Tata, ndifumene ithambo!" UMatthew wabiza uyise, uGqr. Lee Berger, obekade efuna amathambo abantu abangookhokho bakudala ngaphezu kweminyaka engama-20.

UMatthew omncinane ubamba amathambo enkwenkwe ebude buziimitha 1,27, omele ukuba wayemdadlana apha kuMatthew ngexesha lokubhubha kwakhe. Xa uGqr. Berger efumanisa ukuba uMatthew umbizela ntoni, wothuka akubona unyana ebambe ithambo lengqosha yomntu.

"Zange ndiyikholelwe! Ndandingakwazi ukuzibamba," watsho kamva uGqr. Berger. "Ndaphants' ukufa [ngumothuko]."


Sisebenzisa izibiyeli ezisikwere [ngolu hlobo] xa sifakela amagama ukugqibezela okuthethwa ngabantu

UGqr. Berger nabaphandi bakhe abakwiYunivesithi yaseWitwatersrand eRhawutini sele befumene amathambo amaninzi alo mfana, kuquka nokhakhayi lwakhe. Babecinga ukuba olu sapho lwalufuna amanzi nokuba izilwanyana ezazibazingela zabatyhalela ekupheleni kongqameko, apho bawela khona basutywa kukufa kuloo mgodi uziimitha ezingama-30 ukuya kwezingama-45 ubunzulu.



UGqr. Berger neqela leenzululwazi zakhe bathi la mathambo abonisa ukuba inkwenkwe yayineempawu zobuntu. Oko kuthetha ukuba yayinookhokho abangabantu okanye izizalwane ezisondele ebantwini.

Iinzululwazi zathiya la mathambo ngokuba nguSediba (igama lesiSuthu elithetha umthombo wamanzi). La mathambo sisidalwa esasihamba nkqo ngemilenze kodwa sikhwela imithi. Sinamazinyo amancinane afana nomtu wanamhlanje, kodwa iinyawo zezakudala nobuchopho buncinane. Iinzululwazi zifunde ukuba uSediba wayephila kwiminyaka eyadlulayo enokuba phakathi kwezigidi ezi-1,78 ukuya kwezi-1,95.





XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 92 2019/10/23 11:53:43

Umhla:



Masibhale

| Yintoni eyafunyanwa yinkwenkwe nenja yayo? |
| --- |
| |
| **Sazi njani ukuba uyise wayemangalisiwe? Kutheni emangalisiwe?** |
| |
| |
| **Yintoni amathambo?** |
| |
| **Yintoni iSediba? Ucinga kutheni bebize amathambo ngeSediba?** |
| |
| |
| **Afana njani nabantu amathambo eSediba?** |
| |
| |
| **Ahluke njani abantwini amathambo eSediba?** |
| |
| |

Cinga ngathi uneminyaka elithoba unguMatthew Berger. Bhala idayari yokwenzeka ngaloo mini.



*Dayari ethandekayo* *Umhla:*

*Namhlanje bendihamba nenja yam uTau*

Sihlala kwiplanethi esoloko itshintsha. Ngamanye amaxesha itshintsha ngenxa yamandla emvelo, afana neenyikima nokushukuma kolwandle. Kodwa omnye umonakalo wenziwa ngabantu, ngokungcolisa imilambo neelwandle nangokutshabalalisa amahlathi.

Lonke olu tshintsho lwenza ukuba kulahleke okuthile abantwana bakho abangasayi kuze bakubone, okufana namahlathi okanye izilwanyana ezinkulu ezifana neNgwe yaseBengal, esele iza kutshabalala. Kufuneka sikhusele izinto eziligugu sisenzela isizukulwana esizayo, abantwana nezizukulwana zethu.

http://en.workbookpedia.org.work.sterkfontein

Yahoo! Google Maps YouTube Wikipedia News (585) Popular

Ifowuni: +1-615-668-5422 Imeyila

workbookpedia

Amakhonkco akhawulezayo | Yintoni indawo eligugu | Ezinye iindawo ezingamagugu | Abantu bokuqala eMzantsi Afrika | IRobben Island yindawo eligugu



## Yintoni indawo yegugu

Umbutho weNzululwazi neMfundo weZizwe Ezimanyeneyo (UNESCO) ucela amazwe ukuba achaze iindawo kumazwe awo ezibalulekileyo nezimele ukukhuselwa. IUNESCO iyazihlola ezi ndawo ukuze ukuba indawo ibaluleke ngokwanelisayo, iyichaze njengendawo eligugu yehlabathi. UMzantsi Afrika uneendawo ezisibhozo eziligugu lehlabathi. IRobben Island yenye yazo. Enye yiCradle of Humankind, apho izazinzulu zithi kulapho abantu bavela khona.

## Kutheni indawo ibalulekile?



Amathambo afunyanwa kumqolomba akumda weGauteng noMntla Ntshona, kufuphi nesixeko saseKrugersdorp. Kukholelwa kwelokuba la mathambo ngawomntu wokuqala owakhe waphila emhlabeni.

## Afunyanwa njani la mathambo?

Izazinzulu ziqala ngokugrumba imizimba yembali malunga nowe-1890, xa abembi bemigodi babekhangela igolide bafumana amathambo ngaphantsi komhlaba. Izazinzulu zafumana amathambo kufuphi nendawo abantu ababehlala kuyo kwiminyaka ezizigidi ezisibhozo eyadlulayo.



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 94 2019/10/23 11:53:53

Umhla:






Iingxelo ezintsha

google

**Yintoni indawo eligugu?**

Funa





Ngowe-1947, uGqr. Robert Broom wafumana ukhakhayi lowasetyhini, kufuphi nendawo eyayihlala abantu ebizwa ngokuba *yiPlesianthropus transvaalensis* kwimiqolomba yaseSterkfontein. Abantu bakufumanisa kunzima ukukhumbula eli gama, baze olu khakhayi balubiza ngokuba: Nksk. Ples.

### Wayephila nini?

UNksk. Ples wayephila kwizigidi zeminyaka eyadlulayo, ngaphambi kokuba kubekho umlilo okanye iintsimbi zibekho. Izazinzulu zikholelwa kwelokuba izinto ezibumnturha zazingookhokho babantu banamhlanje kwaye abantu babesuka kule ndawo. Yile nto kusithiwa yiCradle of Humankind.

### Bobuphi obunye ubungqina bokuba abantu bokuqala babehlala eAfrika?



Ngowe-1995, isazinzulu, uRonald Clarke, wafumanisa iintsalela zomntu kwindawo efanayo. La mathambo abizwa ngokuba nguNyawana (Little Foot), ngenxa yokuba izazinzulu zagrumba de zafumana amathambo omntu, la mathambo onyawo ayengamalungu okuqala abawafumanayo.

Ngenxa yokuba kubalulekile ukufunyanwa kwawo, iUNESCO yabhengeza le ndawo njengemiqolomba eligugu kwihlabathi ngowe-2000.

# 111 Igugu lethu






Xoxa ngale mibuzo nomhlobo wakho uze ubhale iimpendulo kwindawo elungisiweyo.

| Yintoni indawo eligugu? |
| --- |
| |
| Kutheni **iCradle of Humankind** ibalulekile nje kubemi boMzantsi Afrika? |
| |
| |




Funda inqaku lephephandaba malunga noMatthew Berger nengxelo yeintanethi malunga neCradle of Humankind, uze wenze ipowusta yokubhengeza **iCradle of Humankind eyindawo eligugu kwihlabathi lonke**.

Yenza ipowusta. Ipowusta yakho kufuneka yenze abantu babe nomdla wokutyelela iCradle of Humankind.



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 96 2019/10/23 11:54:09

Umhla:

# Okunye ngolwimi...




Thetha ngezihlomelo zobungakanani/zexesha kunye neqabane lakho. Chaza ukuba izinto zenziwa kangakanani / nini. Yenza izivakalisi ubonise oko kuthethwa ngomnye. Uze ubhale izivakalisi kwitheyibhile engezantsi.

emva kwemini    ngorhatya    rhoqo

0    2    4    6    8    10

ngamandla    ekuseni    kaninzi

| Emva kwemini | Ufike emva kwemini |
|---|---|
| kaninzi | |
| rhoqo | |
| ngamandla | |
| ekuseni | |
| ngorhatya | |
| Emini emaqanda | |




Bhala isivakalisi uchaze izenzo usebenzise isihlomelo sobungakanani/sexesha.

| |
|---|
| Kusasa |
| Ehlotyeni |
| Ngeempela-veki |
| Ebusuku |
| Kancinci |
| Kakhulu |
| NgeMigqibelo |
| Ngexesha lasebusika |

**Ukuntsonkotha** Sebenzisa la magama ukwenza izivakalisi ezi-2 ezineentsingiselo ezahlukileyo

| Intloko. | |
|---|---|
| | |

| Ithanga. | |
|---|---|
| | |



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 97    2019/10/23 11:54:10

# Ukuceba incwadana






Krazula iphepha eli uze ulisonge ukuze lime libe yincwadana enguZ.
Yila incwadana eza kubhengeza iCradle of Humankind.

Kuza kufuneka ufunde iphepha le webhu ukuze ufumane inkcazelo. Iphepha lakho langaphambili limele ukubonisa apho ikhoyo le ndawo kwaye kubekho nesilogeni okanye isaci esitsala umdla. Iphepha ngalinye malibe nomfanekiso ozotyiweyo uze ubhale uchaze oko baya kukubona.
Khumbula ukuquka:

- idilesi yendawo,
- imali yokungena, kunye
- namaxesha okuvula.

**1** Yila umphandle.

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

**2** Bhala inkcazelo efanelekileyo.

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

**3** Bhala inkcazelo efanelekileyo.

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

**4** Bhala inkcazelo efanelekileyo.

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

**5** Bhala inkcazelo efanelekileyo.

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________

**6** Nika inkcazelo yoqhagamshelwano nedilesi.

______________________________

______________________________

______________________________

______________________________



XHO HL Gr6 B2 TH7.indd 98 2019/10/23 11:54:12

Iziqulatho

# Umxholo 8: Ubuhlobo nokukhathalela abanye

Ikota 4: Iiveki 5 - 8


## Iiveki 5 - 6: Ixesha lamabali

**113 Irhamncwa lakwithala leencwadi** 102
Ufunda ibali.
Uxoxa ngemibuzo esekelwe kwisicatshulwa.

**114 Ngubani otya iincwadi zethu** 104
Ufunda ibali.
Uxoxa ngeziphelo ezahlukileyo zebali.
Wenza umdlalo weqonga ngesiphelo sebali aze asilinganise.
Ubhala isiphelo esigqwesileyo sebali.

**115 Iveki yeeNcwadi** 106
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa seveki yeencwadi
Ubhala idayari echaza ibali.
Ubhala izivakalisi ezilandulayo esebenzisa imo eshunqulelweyo.

**116 Bhala ibali lakho** 108
Wenza isazobe sokucinga ecwangcisela ukubhala ibali egxininisa kubalinganiswa, isakhiwo sebali, Isimo sentlalo neziganeko.

**117 Abantwana bathatha uhambo** 110
Ufunda ibali.
Uchaza izifanokuthi ezikwisicatshulwa.

**118 Ukumisa intente endle** 112
Uphendula imibuzo esekelwe kwibali elikwiphepha lomsebenzi langaphambili.
Utshatisa izivakalisi abonise isizathu nesiphumo.
Udibanisa izivakalisi esebenzisa izihlanganisi.
Ubhala umhlathi ochazayo ngamava okuya endle.

**119 Ukungaboni akukhange kundinqande** 114
Ufunda ibhayografi.
Ulandelelanisa iziganeko ezichazwe kwinkcazo ngobomi.
Ubhala igama lakhe ngebreyile esebenzisa itshathi ye-alfabethi yebreyile.

**120 Masiqwalasele ulwimi** 116
Utshatisa izenzi nemifanekiso echanekileyo.
Uchaza izenzi, izihlomelo nezalathandawo kwizivakalisi.
Uxoxa ngeentsingiselo ezimbini zokudlala ngamagama.

## Iiveki 7 - 8: Imibongo yabantwana

**121 Ikati yakowethu** 118
Ufunda umbongo.
Ulinganisa umbongo.
Uqaphela amagama anemfano-zandi kumbongo.
Ujonga amagama kwisichazi-magama aze abhale iintsingiselo.

**122 Ukucinga ngekati emangalisayo** 120
Ufunda umbongo akhwaze.
Uchaza ikati.
Uphendula imibuzo esekelwe kumbongo.
Ubhala umbongo wakhe ngesilwanyana esikrele-krele

**123 UQhiyan' ebomvu neNgcuka** 122
Ufunda umbongo.
Uphendula imibuzo esekelwe kumbongo.
Wenza umdlalo weqonga ngombongo.

**124 Iilimerikhi** 124
UFunda iilimerikhi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwiilimerikhi.
Ubhala iilimerikhi zakhe.

**125 Ukonwabela imibongo** 126
Ukunika imizekelo yezifaniso, izafobe, imfano-zandi, ukufana kwezikhamiso, isifanadumo nesibaxo.

**126 NguNyaka oMtsha** 128
Ufunda umbongo.
Uphendula imibuzo esekelwe kumbongo.
Uchaza izinto abazifundileyo baza baphumelela apha enyakeni.
Uchaza izicwangciso zabo zonyaka ozayo.








# Irhamncwa lakwithala leencwadi





Masifunde

**Phambi kokufunda**

- Jonga kule mifanekiso nakwisihloko/kwizihloko uze uzame ukuqikelela ukuba siya kuba ngantoni na isicatshulwa.
- Funda iingongoma ezisephepheni ngokukhawuleza ukuze ube nofifi loko uza kufunda ngako.

**uKufunda**

- Thelekisa uqikelelo lwakho naloo nto uyifundayo.
- Ukuba akuwuqondi kakuhle umhlathi othile wufunde kwakhona ungangxami. Funda ngokuvakalayo.

"Iza kuba yiveki yeeNcwadi kungekudala!" Utshilo u-Nksk. Maharaj. UTumi neklasi iyonke bathi qwa, bevuya. Ukuthi iveki yeeNcwadi kuthetha iinkuphiswano neehambo eziya kwithala leencwadi edolophini namabali amaninzi.

"Kulo nyaka umxholo weVeki yeeNcwadi uthi indalo yasendle," utshilo uNksk. Maharaj. "Ngoko ke siza kuzoba iipowusta size sibhale amabali ngezilwanyana **ezisemngciphekweni** wokuba **ziphele nya**. Unokukhumbula ukuba sithethile ngazo kwiveki ephelileyo." Walathe kweminye imifanekiso encanyathiselwe edongeni.




"Ezinye izilwanyana zisemngciphekweni kuba abantu bayazizingela kuba befuna izikhumba zazo. "Ngamanye amaxesha ziyafa kuba zingafumani ukutya okuzifaneleyo."

"Unyanisile, Tumi," utshilo uNksk. Maharaj. "Ngoko ke, bantwana," wagqitha watsho, "qalani ngokucinga ngeepowusta zenu namabali angezi ndidi zezilwanyana."

Abanye eklasini bazoba iiphanda namabhere. Abanye bazoba imikhombe neengwenkala. Abanye bazoba iidodo namaqwarha aseMzantsi Afrika. Kodwa abaninzi kubo - kubandakanywa noTumi – babhala ngedayinaso. Yayingasiyiyo idayinaso endala nje kuphela, koko iyidayinaso ekhethekileyo kakhulu. Babhala ngedayinaso eyi-igwanadon, ababefunde ngayo kwiveki engaphambili.

UTumi wayesawukhumbula kakuhle umfanekiso weli rhamncwa. Lalinemilenze emibini emifutshane yangaphambili nomsila otyebileyo omfutshane. Kwiinyawo zalo kwakukho iinzwane ezimfutshane ezityebileyo. Lalineminwe emihlanu kwisandla ngasinye nobhontsi obukhali obuphondorha. I-igwanadon yayisitya izityalo – nantoni na eyenziwe ngezityalo.

Zonke izikolo zasekuhlaleni zathatha inxaxheba kwiVeki yeThala leeNcwadiledolophu. Kwezinye iiveki ezingaphambili, abantwana babexakekile bezoba bepeyinta iipowusta ezaziza kuthunyelwa kwithala leencwadi.





XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 102 2019/10/23 11:51:16

Umhla: ______________




Amagama amatsha

Kwathi kwakufika usuku lwepowusta namabali aza kuboniswa kwithala leencwadi, iklasi kaTumi yangena ebhasini yesikolo yenjenjeya ukuya edolophini. Yayiyimini ebandayo yasebusika yaye inomoya ovuthuzayo. Bathi bakufika abantwana, baqala ngokukhangela iipowusta zabo.

"Nantsi eyam!" watsho uTumi. Yayibonisa idayinaso encumileyo enentyatyambo ejinga emlonyeni wayo ebonisa ukuba iludidi lwedayinaso etya izityalo.

"Nali ibali lam ngebhere emhlophe!" watsho u-Anna.

"Jonga mna ndibhale ngomkhombe!" watsho uTumi ngokuzingca.

Bathi bakufika bonke abantwana, uNksk. Motha, oyintloko yethala leencwadi, wathi, "Qashi-qashi! Ndinigcinele ntoni?"

Ngoko ke abantwana bahlala phantsi, baza bafuna ukwazi ukuba yintoni na le imangalisayo abaphathele yona.

Kusenjalo lwavuleka ucango, kwangena ibhere emhlophe inxibe indulubhatyi eneepetshi entle, lilandelwa yingonyama nebhere eliyiphanda. "Zizo ngokwenene!" wakhwaza watsho omnye umntwana. "Hayi, akunjalo," watsho omnye. "Ngabantu abanxibileyo. Ngabantu nje abanxibe oku kwazo."

Ibhere emhlophe yenza umdaniso omncinci, latsiba-tsiba ukusuka ngapha liye ngaphaya. Emva koko laphuma libamba izandla zabo bonke abantwana.






❖ Ikhe ibekhona iVeki yeeNcwadi kwisikolo sakho okanye kwidolophu yakho? Iba njani?

❖ UTumi unika izizathu ezibini zokuba kutheni izilwanyana zisifa nje. Zeziphi ezo zizathu?


❖ Ingaba intaka eyidodo neqwarha zaphela tu okanye zithathwa njengezilwanyana eziza kuphela elizweni? Uyazi ukuba zikhangeleka njani na?

❖ Wathanda ntoni uTumi ngeVeki yeeNcwadi?

❖ Lalisithini igama ledayinaso eyayisaziwa ngabantwana?

❖ Ingaba ingonyama isemngciphekweni wokuphela nya? Kutheni usitsho nje?

❖ La magama abhalwe ngqindilili athetha ntoni? Xoxa nomhlobo wakho.




INTSAYINO: Gama ______ Umhla ______



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 103 2019/10/23 11:51:24

# Ngubani otya iincwadi zethu





Masifunde



Kwathi kanye xa uNksk. Motha aza kuqalisa ukufunda ibali, kwavuleka ucango kwaza kwangena esinye isilo esasigeqezisa intloko yaso enamaxolo ngapha nangapha.

"Ayisentle nje, uyayibona?" watsho omnye wootitshala. "Le yikhosityum ezigqitha zonke!"

"Hee, jonga!" batsho abantwana bemangalisiwe. " Yi-igwanodon."

"Shehe!" utshilo uNksk Motha. "Idayinaso!" Wayemangalisiwe nje kancinci kuba wayengakhumbuli eodole ikhosityum yedayinaso.

Idayinaso yatsiba-tsiba phezu kwabantwana njengoko yayikhangela umntwana othile. Yema yabona uTumi ngasemva. Yatsiba phezu kwakhe yambulisa ngesandla. "Molo!" watsho uTumi.

Bonke abantwana babefuna ukuxhawula isandla sedayinaso, yaza yahamba-hamba ibabulisa bonke ngezo ntupha zayo zinamaxolo. Idayinaso yahlala phantsi ecaleni kukaTumi. Yazamla, yabeka intloko yayo kwintupha zayo yozela yalala. UTumi wazama ukuxelela uNksk. Motha ngedayinaso, kodwa wayefuna alinde de abe ulifundile ibali lebhere emhlophe.

I-igwanodon yayiphila kwiminyaka ezizigidi ezili-130 eyadlulayo, isitya izityalo, inobunzima obungama-2 000 kg, yayimalunga ne-3 iimitha ubude xa imile ukusuka enyongeni yaye iziimitha ezi-6 - 10 ubude. Yalifumana igama layo kwinto yokuba inamazinyo afana nawecikilishe elikhulu i-igwana.

UTumi zange akwazi ukumamela ibali kuba kwaqala ukuvakala kwesandi esingaqhelekanga esivela kwisilo esisecaleni kwakhe. Idayinaso yayirhona. Wonke umntu wajika wajonga ngemva.

"Sanukumhoya," watsho uNksk. Motha.

Ibali laphela yaye ke yona idayinaso yayisalele. Bonke abantwana baphakama baza baqalisa ukujonga ezincwadini.



UNksk. Motha wayebonisa abanye abantwana incwadi engeentaka, waze weva ilizwi emva kwakhe. Yayiyinqununu yesikolo.

"Uxolo," yatsho inqununu. "Bendiba ndiza kufika kwangexesha. Ingaba yonke into isahamba kakuhle? Ndibone iikhosityum zifika." "Kodwa," watsho uNksk. Motha, ejongeka ebhidekile, "ukuba ayinguwe lo ukwidayinaso ngubani ke?"



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 104 2019/10/23 11:51:28

Umhla:

"Ndizamile ukukuxelela," watsho uTumi. "Bendisazi ukuba ibingengomntu lo onxibe okwesilwanyana."

"Nantso!" watsho omnye umntu, esalatha kwicandelo leeshelufu zeencwadi. Idayinaso yayihamba isitya endleleni yayo incwadi ethi *Great Oceans and Rivers of the World.*

UTumi wazama ukucacisa. "Yi-igwanodon," watsho kuNksk. Motha. "Zitya izityalo yaye ke nephepha livela emaplangeni ukanti wona avela emthini yona ithi ivele izizityalo. Yiyo le nto ithanda iphepha."

Abantwana babukela idayinaso isitya iSahluko seSithandathu sencwadi engeelwandle. "Owu Nkosi yam," watsho uNksk. Motha, "ayilunganga ke le nto konke." Idayinaso yabona imfumba yeencwadi zamabali. Amaqweqwe angaphandle amibala-bala ayeqinile yaye ekhazimla. "Krwam-krwam!" yahamba idayinaso. "Krwam-krwam!" Yaba iphela emehlweni incwadi yokuqala phakathi kwemihlathi yayo emikhulu.

Abantwana babemangalisiwe kwaye wonke umntu wazama ukucinga ngendlela yokuyitshabalalisa idayinaso.







Amagama amatsha




Akukho mntu ufuna idayinaso itye ithala leencwadi zakhe. Ngoko ke yintoni enokwenziwa ngabantwana ukuze bagxothe idayinaso imke kwithala leencwadi? Xoxani ke ngoku nize nenze umdlalo ngezimvo zenu nibonise eklasini.







Wakube uzibonile iindima ezahlukeneyo yenza isigqibo malunga neyona igqwesileyo uze ubhale eso sisombululo. Ngoku unesiphelo sebali elithi Irhamncwa elikwithala leencwadi.



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 105 2019/10/23 11:51:33

# 115 Iiveki yeeNcwadi




Masibhale Jonga kwakhona kweli bali. Phendula le mibuzo.




| Zeziphi iziganeko ebezilungiselelwe iVeki yeeNcwadi? |
| --- |
| |



Masenze Ifana nantoni i-igwanadon? Funda le nkcazo ikweli bali uze uyizobe.






Masibhale Bhala isishwankathelo njengenqaku ledayari uxele oko kwenzekileyo kwithala leencwadi namhlanje. Bhala ube ngumntu wokuqala usebenzise u "Mna" kwaye ubhale kwixesha elidlulileyo.



Dayari endiyithandayo
Namhlanje irhamncwa lize kwithala leencwadi
laza laqalisa ukutya iincwadi.



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 106 2019/10/23 11:51:37




Thetha nomhlobo wakho ngale mizekelo, uze usebenzise yona ikuncede uziqhelise ukwenza izivakalisi **ezikwimo elandulayo eshunqulelweyo.**



| |
|---|
| Andizohamba namhlanje. |
| Akazobuya kule veki izayo. |
| Abazobhala ngomso. |
| Asizohlala singxamile. |
| Sukuhlala phantsi xa ndithetha. |
| Sukuhamba ndiyeza ngoku. |
| Sukuhleka uya kubethwa ngutata. |
| Sanukuzityela nedwa yiphani abanye. |





Ngoku bhala imo emfutshane yala mabinzana alandulayo nakrwelwe umgca ngaphantsi:

| |
|---|
| Musa ukuyenza into engalunganga. |
| |
| Akasoze ahambe ndingatshongo. |
| |
| Andizi kubuya. |
| |
| Musa ukuvala. |
| |
| Akazi kuyikhwela. |
| |
| Musa ukungxola kuyathandazwa. |
| |

**Jonga izishunqulelo**
Senza izishunqulelo ngokudibanisa amagama amabini nangokufakela isimeli-nobumba (iaphositrofi) ukubonisa oonobumba abashiyiweyo.





Ngoku sebenzisa le mizekelo neminye onokuyicinga ubhale izivakalisi kwimo elandulayo usebenzise isishunqulelo. Sele sikwenzele eyokuqala.

| |
|---|
| *Akawuthandi umdlalo wombhoxo.* |
| |
| |
| |
| |
| |



# Bhala ibali lakho





Masibhale

Yenza isicwangciso sokubhala ibali okanye intsomi. Okokuqala fakela izimvo zakho kwesi sazobe sokucinga. Wakugqiba sebenzisa isazobe sokucinga ubhale ibali lakho kwiphepha elilandelayo.



- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ucwangcise ibali lakho
- Bhala ilinge lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Lihlaziye kwakhona ibali lakho uze wenze izilungiso eziyimfuneko
- Wakugqiba libhale kakuhle ngobunono encwadini yakho.

Ngoobani abalinganiswa?

Sithini isakhiwo sebali?



**Sithini isihloko sebali lakho?**

Sithini isimo sentlalo?

Kwenzeka ntoni kuqala?

Kwenzeka ntoni emva koko?

Liphela njani?




XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 108 2019/10/23 11:52:08

# Abantwana bathatha uhambo






- Yintoni umahluko omkhulu phakathi kwezilwanyana ezincancisayo nezo zirhubuluzayo?
- Zingaphi izirhubuluzi onokuzikhankanya?
- Xelela iklasi ngesiganeko sokudibana kwakho nesirhubuluzi.






UVusi usemva komhlobo wakhe uMike, ovula uziphu wentente. UVusi utsiba ngokothuka ngeli xa umhlobo wakhe etsho ngesikhalo esibi, aze agileke kuBongi, osemva kwakhe ngqo.

"I...ny...oka!" Uyakhwaza uMike, ebuya umva egileka kuVusi.

Uyise kaVusi, uMnu Mosoma, uza engxamile esuka emlilweni. "Uqiniseke njani ukuba yinyoka ngokwenene?" Uyabuza, encumele ecaleni ngeli xa ejonge kubantwana abathathu abangcangcazelayo.

"Ulwimi lwayo luthe gqi ngaphandle emlonyeni, Tata, yaye ingathi licilikishe elikhulu!" ukhefuze watsho uVusi.

"Ncedani lindani apha, nonke, lo gama ndilanda ithotshi kwijiphu. Mhlawumbi asiyonyoka."

UBongi ubamba igxalaba likaMike. "Kungenzeka njani ukuba ingabi yinyoka? Ingaba uyasazi esinye isilwanyana esikhupha ulwimi ngaphandle emlonyeni waso?" uyabuza.

UMike noVusi banikina iintloko zabo. Abanankcazo banokuyinika.

UMnu Mosoma ubuya nethotshi kwesinye isandla nesikophu kwesinye. Ubiza uVusi eze ngakuye.

"Vusi, ndibambele ithotshi ukuze ndibambe kakuhle isikophu," utshilo.

"Kutheni ukhetha mna nje, tata?" uyabuza uVusi ngelizwi elincinci.

"Ungakhathazeki; ndiza kungena kuqala ndikhangele icilikishe."

UMnu Mosoma uphakamisa ucango lwentente ngesandla esinye aze akhanyise ithotshi ententeni. Abantwana abathathu bayasondela kancinane, bawugade ngobulumko umgama ophakathi kwabo nentente.



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 110 2019/10/23 11:52:20

Umhla:

"Ewe, yile nto kanye ndiyicingayo," wadumzela uMnu Mosoma, ejonge ebantwaneni. "Icilikishe elikhulu ekuthiwa yiCape Monitor. Kodwa lingene njani apha? Bendicinga ukuba ndikuxelele nje ukuba uyiqinise intente emacaleni."



UVusi ujonga iiteki zakhe baze abanye ababini bajongane baphakamise amagxa. Babengxamile ngale ntsasa, njengesiqhelo. UVusi ugqiba ukuba ayintshintshe incoko. "Yintoni iCape Monitor, Tata? Ingaba iyaluma okanye iyatsicela?"

UBongi wathabatheka kukuvela kwecilikishe elikhulu. Iibloko ezimhlophe zicace gca kwipatheni ekhazimlayo kulusu lwayo olunamaxolo ngenxa yokukhanya kwethotshi. Lineenzipho ezinde ezimnyama kula mathupha alo mane ashwabeneyo. Nanko etsiba ngokoyika sakutsho ngomfuthokazi eso silwanyana.

"Lumkani bantwana, linoburhalarhume. Ukuba likulumile, kwakufuneka sibe nomgqala wentsimbi ukuze sikwazi ukuvula imihlathi yalo," utshilo uMnu Mosoma.

"Elingaka!" Wambombozela watsho uMike wabe ephuma ngomva kweso sangqa sokukhanya.




Funda ibali kwakhona uze ufumane izithethantonye zala magama alandelayo ebalini. (Khumbula: izithetha-ntonye ngamagama afana nala: induku – intonga anentsingiselo efanayo.)

| | |
|---|---|
| uburhalarhume | |
| ukukhanya | |
| wathabatheka | |
| ulusu | |
| embombozela | |



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 111 2019/10/23 11:52:22

# Ukumisa intente endle






Funda ibali elingecilikishe iCape monitor kwakhona, uze uxoxe ngeempendulo kule mibuzo nomhlobo wakho. Emva koko fakela iimpendulo kwizithuba ezingezantsi.

| Bahamba njani abantwana ukubuyela ententeni? | | |
|---|---|---|
| Owokuqala | Owesibini | Owesithathu |
| | | |
| Ucinga ukuba uVusi wakha walibona icilikishe iCape monitor (iligwana) ngaphambili? Kutheni usitsho nje? | | |
| | | |
| Kutheni uVusi egileka kuBongi? | | |
| | | |
| Ingaba uMnu Mosoma uyazoyika izirhubuluzi? Kutheni usitsho nje? | | |
| | | |
| Sazi njani ukuba abantwana bayazoyika izirhubuluzi? | | |
| | | |
| Eli cilikishe langena njani ententeni? | | |
| | | |




Sikholisa ukuthetha ngesizathu nesiphumo sento ethile. Xa senza njalo sisebenzisa amagama athi **kuba** okanye **ngoko ke**. Tshatisa izivakalisi ezikwikholamu eluhlaza nezo zichaza isizathu okanye isiphumo zikwikholamu ezuba.

| | |
|---|---|
| Icilikishe langena ententeni. | Wayefuna ukulanda itotshi. |
| Icilikishe lazibona lixinwe ngabantwana. | Wagileka kuVusi. |
| UMnu. Musoma waya kwijiphu. | Ucinga ukuba ubona inyoka. |
| UMike waxhuma wabuya umva. | Abantwana abayiqinisanga intente. |
| UVusi akazange alibone iligwana ngaphambili. | Lalifutha likhuphe ulwimi ngaphandle komlomo. |

Ngoku sebenzisa **ukuba** okanye **ukuze** udibanise izivakalisi, uze ubhale izivakalisi ezitsha kwiphepha elilandelayo.



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 112 2019/10/23 11:52:23

# Ukungaboni akukhange kundinqande






Wakha waziva ngathi ufuna ukunikezela? Ngathi izinto zinzima kakhulu? Ingaba unengxaki ezibangela ukuba ingqondo yakho imke kumsebenzi wesikolo?




Masifunde ngomntwana ongazange anikezele.



NdinguObert Maguvhe igama lam. Ndazalwa ngo-1967 kwilali ekumaphandle akwaVenda, kwiphondo laseLimpopo. Ndathi xa ndineminyaka emithandathu ndaba nemasisi, isifo sabantwana esixhaphakileyo. Ndaba nelishwa, kwavela ingxaki, ndatyhaphaka andabona. Ndaziva ndingenathemba, ndingenamandla yaye ndingathi ndilahlekile. Ndandiza kuqhubeka njani nobomi?

Ndafunda kwisikolo sabangaboniyo iBosele School for the Blind ngo-1973, apho ndafunda khona ukufunda ngeBreyile. Ndaba nethuba elihle lokufumana imfundo esemgangathweni. Ndandisazi ukuba kufuneka ndifumane imatriki esemgangathweni. Abantwana besikolo ngamanye amaxesha abaqondi ukuba kubaluleke kangakanani na ukuzimisela esikolweni, baze bazisole kamva ebomini babo.

Emva kokuphuma esikolweni ngo-1987 ndaya kufunda kwiYunivesithi yaseMantla eLimpopo ndaza ngo-1991, ndaqalisa izifundo zesidanga sesibini esikwinqanaba elingaphezulu kwiYunivesithi yaseWitwatersrand e-Rhawutini. Ndandifuna ukufundela ukuba ligqwetha. Ndandisazi amagqwetha amaninzi angaboniyo. Kodwa umakhulu wam wathi mandibe ngutitshala. Wayenyanisile – kulapho intliziyo yam ikhoyo kanye.

Ngo-1997, ndafumana ibhasari iFullbright Fellowship. Oku kwathetha ukuba ndinako ukuya eMelika ukuya kufunda isidanga seMaster's eBoston College. Ndandimangalisiwe. Mna, Obert Maguvhe, ndiza kubhabha ndiye kwindawo ekude nekhaya lam elikumaphandle kwilali yakwaVenda! Isitophu esilandelayo yiMelika! Ndandingakwazi nokuzakhela umfanekiso-ngqondweni. Kodwa ndangena kwinqwelomoya, ndathatha uhambo. Ndahlala ndedwa eMelika ndenza izifundo zeminyaka emibini ngeenyanga ezilishumi elinambini kuphela. Ooprofesa bam babecinga ukuba ndingumfundi oyinkcuba-buchopho, ndaze ndabuyela ekhaya kwithuba lonyaka phambi kwexesha ebelilindelekile.

Kwiminyaka esixhenxe ndibuyile eMelika, ndagqiba ubugqirha bam kwiYunivesithi yasePretoria. Nantoni na inako ukwenzeka ukuba uyakholelwa kwisiqu sakho yaye usebenza ngokuzimisela. Uya kunqandwa ziinkqwenkwezi! Into eyandenza ukuba ndikholelwe kum ndisemncinane yayikukuba utata wam wayelindele ukuba ndenze zonke izinto ezenziwa ngabantwana abangakhubazekanga, ezifana nokwalusa iinkomo neebhokhwe nokuhlakula emasimini. Into engaqhelekanga yayikukuba umhlobo wam omkhulu elalini yayiyinkwenkwe engevayo. Nangona sasingasebenzisi ulwimi lwezandla xa sithetha, sasiqondana yaye sasidlala kunye njengabanye abantwana.

Sasibumba izilwanyana neentaka ngodongwe, siqubha, sisenga iibhokhwe sikhwela nasemithini. Ngoko ke nangona ndandingaboni, nomhlobo wam engeva, andizange ndiyicinge into yokuba ezi zinto zisenze saba ngabantu abangaphelelanga ncam.

Ngo-2008 ndaya kusebenzela iSebe leMfundo esisiSeko ngenjongo yokulawula iphulo lokufunda eliyi**Kha Ri Gude *literacy campaign***. Eli phulo linenjongo yokufundisa abantu abadala baseMzantsi Afrika abakwizigidi ezi-3.5 bakwazi ukufunda nokubhala, yaye icandelo lam endiliphetheyo lelo lokufundisa abantu abadala abangaboniyo ukufunda ngeBreyile. Asikwazi ukufunda ngamehlo ethu, ngoko ke sisebenzisa iminwe yethu!

Ndaba nochulumacho olungaphaya ngo-2013 xa ndandiqeshwa njenge-Associate Professor kwiYunivesithi yaseMzantsi Afrika. Kwisikhundla sam esitsha kufuneka ndiqeqeshe ootitshala ukufundisa abantwana abakhubazekileyo. Kuyinto emnandi gqitha ukukwazi ukunceda abanye abantu.

Umyalezo wam kubantu abatsha kukuba bafunde kanobom lo gama besesikolweni. Kufuneka ungavumeli amaxesha obunzima okanye unxunguphalo lukwenze udodobale. Sonke sikufanele ukuba namaphupha ethu, kwaye kufuneka sisebenze ngokuzimisela ukuze abe yimpumelelo!



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 114 2019/10/23 11:52:29




Fakela konke okwenzeke kubomi bukaGqirha Obert Maguvhe kule minyaka. Buyela umva uze ufunde inkcazo ngobomi bakhe kwakhona ukuba akusakhumbuli. Unokubala iminyaka ukuba akuyinikwanga kwimbali.

| Unyaka | Okwenzekayo |
|---|---|
| 1973 | |
| 1987 | |
| 1991 | |
| 1997 | |
| 2004 | |
| 2008 | |
| 2013 | |
| Uthini umyalezo obalulekileyo kaObert kulutsha? | |
| | |
| | |


Iothobhayografi libali umntu alibhala ngobomi bakhe. Ibhayografi ibhalwa ngomnye umntu. Le othobhayografi yabhalelwa wena ngu-Obert.






Yintoni iBreyile?
IBreyile yinkqubo esetyenziswa ngabantu abaziimfama yokufunda nokubhala, besebenzisa iminwe yabo. Unobumba ngamnye umelwe yipatheni yamaqhuqhutya abathi bayive bayazi ngeentupha zabo. Le theyibhile ingezantsi ibonisa ukuba injani na ialfabethi yeBreyile.






Bhala igama lakho ngeBreyile. Dibanisa oonobumba begama lakho apha kumqolo ongezantsi uze ukhuphele amachokoza kunobumba ngamnye kumqolo ongasentla.

| | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | |



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 115 2019/10/23 11:52:37

## Izenzi



**Masibhale**

Tshatisa izenzi nemifanekiso echanekileyo. Bhala inani lomfanekiso ecaleni kwesenzi esichanekileyo. Sebenzisa isenzi ngasinye kube kanye.

- ☐ pheka
- ☐ yenza
- ☐ sela
- ☐ qhuba
- ☐ tya
- ☐ hamba
- ☐ phunga
- ☐ thanda
- ☐ mamela
- ☐ hlala
- ☐ dlala
- ☐ funda
- ☐ thetha
- ☐ bhaka
- ☐ bukela
- ☐ nxiba
- ☐ khwela
- ☐ cima






XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 116 2019/10/23 11:53:03

Umhla:

## Amabinzana ezenzi

Maxa wambi isenzi siba nentsiza-senzi umz. **ya, sa, se, nga, be, nge**

Krwela umgca kwizenzi ezikwizivakalisi uze ubiyele amagama ancedisa izenzi.

| |
|---|
| Ndiyabhala ngomso. |
| Ibhasi yesikolo isahamba. |
| Ibhayisekile yam isabolekwe nguZakhe. |
| UTiyana uza kulitya iapile. |
| Ngendihamba koko andinamali. |
| Sebefikile abantu baseJamani. |
| Bendibhala iimviwo namhlanje. |

## Amabinzana ezibizo

**Ibinzana lesibizo** liqela lamagama kwisivakalisi elinokusetyenziswa njengesibizo.
UMajeke waya edolophini. (**UMajeke** sisibizo.)
**Ubhuti wam omdala waya** edolophini.
(Ubhuti wam omdala libinzana lesibizo.)

Krwela umgca kumabinzana esibizo kwezi zivakalisi.

| |
|---|
| Udade wethu omncinci uneminyaka emithandathu. |
| Umnakwethu ebenetheko. |
| Indlu enkulu ibisitsha. |
| Inenekazi elidala lacoca indlu. |
| Iintyatyambo ezintle zawiswa lilanga. |
| Ibhayisekile yam endala yabiwa. |
| Iintaba eziphakamileyo bezigqunywe ngamafu. |




## Isichasaniso


Isichasaniso sisafobe apho kusetyenziswa amagama okanye iintetho ezichaseneyo kungenjalo ezibuchasana ngenjongo yokugxininisa inyaniso ethile.



Ulwantwentwe ngesisu, ungcathu ngemikhono.



Isisu somhambi asingakanani ngaphambili, emva ngumhlonzo.



AKUKHO NKWALI IPHANDELA ENYE, EYENJENJALO YENETHOLE.

Ithemba alibulali, kubulala ubungxamo



Unonkala uthombile, amasele ayangqungqa.

Ing' iyayokhotha kanti iyayixathula.

Ungazikhumbula ezi zafobe?

## Isikweko

Isikweko sisafobe apho into ethile ibekwa endaweni yenye, okanye kuthiwa yenye into. Asifanisi, ngoko ke asisebenzisi amagama athi okwe-, ngathi okanye njenge-.



*Umzekelo: Kudala ndibona ukuba uVuso lo yinyoka.*

## Ukufana kwezikhamiso

Amagama anezikhamiso ezifanayo asetyenziselwa ukugxininisa okanye ukulinganisa okanye ukunika umfanekiso ngqondweni wento ekubhalwa ngayo.



*Umzekelo: Yiva ukucula kukanomlanjana.*
*Nank' esithi vityi-vityi-vityi-vityi!*




XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 117 2019/10/23 11:53:16

# 121 Ikati yakowethu



Masifunde

Funda umbongo Ikati yakowethu. Lingisa lo mbongo ubonise izinto ezimangalisayo ezenziwa yile kati.

- Biyela amagama anemvanosiphelo kulo mbongo.
- Jonga amagama abhalwe ngqindilili apha kulo mbongo. Bhala iintsingiselo zawo kwibhokisi esecaleni kombongo.



## Ikati yakowethu

Ikati yakuthi, ngumhlobo nezingwe.
Irhamncw' ingonyama elimgqumo mkhulu,
**Kumkani wezilo**, ngumhlobo kwakuyo.
Ukanti nakuthi le kati ngumhlobo.

Khawukhangele nantso iphum' izingela.
**Ayenzi yeyeye** lamgqumo nangxolo.
Khawujonge nje kodwa la **mehlo atsolo-**
Nantso ilindele, ijonge **ixhoba**.

Kulawula Nto inye phakath' engqondweni
Izam' ukubamba izuze yanele
Khangela! Yatsiba, **xhakamfu** kwaphela!
Yamkela, yanele. Ubomi ngumzamo

*J J R Jolobe*



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 118 2019/10/23 11:53:21

# Ukucinga ngekati emangalisayo






Funda umbongo ukhwaze uze uthethe ngenkcazo yale kati. Ngowuphi umfanekiso kule omele Ikati yakowethu?








Zeziphi izivakalisi kumbongo ezikuxelela ukuba ikhangeleka njani na ikati?

Yintoni kwinkcazo yale kati esixelela ukuba ihlakaniphile?

Abhekisele entweni amagama athi 'Kumkani wezilo? Kutheni imbongi isebenzise la magama nje?

Nika elinye igama elithetha ukubamba elisetyenziswe kulo mbongo.

Imbongi isebenzise esiphi isafobe xa isithi 'ubomi ngumzamo'? Nika intsingiselo yesi safobe.



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 120 2019/10/23 11:53:36

Umhla:




Ngoku bhala owakho umbongo ngesilwanyana esihlakaniphileyo. Chaza iimpawu zesi silwanyana. Senza ntoni ukubonisa ukuba sihlakaniphile? Xoxa ngesilwanyana neqela lakho. Bhala amagama achaza esi silwanyana. Wakugqiba bhala amagama anemvano-siphelo osele unawo. Sebenzisa la magama akuncede xa ubhala umbongo wakho. Sebenzisa amagama anemvano-siphelo ekupheleni kwesibini ngasinye semigca. Bhala ilinge lakho kwiphepha ongalisebenzisiyo phambi kokuba ubhale umbongo wakho kwincwadi yakho.



**Bonisa umbongo wakho ngemifanekiso.**



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 121 2019/10/23 11:53:41

# UQhiyan' ebomvu neNgcuka



Masifunde

Sonke siyalazi ibali likaQhiyan' ebomvu neNgcuka.

Ivesi liqela lemigca ekumbongo. Eminye imibongo inevesi enye eminye ezininzi. Zingaphi iivesi kulo mbongo?

Fundani lo mbongo niliqela. Uya kuqaphela ukuba uyafana nentsomi, ngaphandle kokuba imbongi igqwethe ibali ukubonisa ukuba intombazana iyazikhusela kwingcuka.



Kwangoko uNgcuka waqalisa ukuziva
Ukuba ufuna isidlo **esiphucukileyo**.
Waya kunkqonkqoza kucango lukaMakhulu.
Wathi akuvula uMakhulu, wabona
Amazinyo abukhali amhlophe, nokusineka **okoyikekayo**.
Waza wathi uNgcuka, "Ndingangena"
Usizana olunguMakhulu wayesoyika,
"Uza kunditya andigqibe!" wakhala.
Kunjalonje wayenyanisile kanye.
Wamthi nqwam nqwam wamgqiba nje ngomthamo omnye.
Kodwa umakhulu wayemncinci yaye omelele.
Waza uNgcukana walila, "Andonelanga!
Andikaziva ngathi Ndifumene isidlo esiphucukileyo"
Wabaleka wajikeleza ikhitshi ekhwaza,
"Kufuneka ndifumane **isidlo sesibini**!"
Waphinda wathi, ejonge **ngokugxeleshileyo**,
"Ndiza kulinda apha
Ade uQhiyan' ebomvu. Agoduke ngendlela ehamba ehlathini"
Kwangena intombazana encinci enxibe bomvu. Yema. Yathi ntsho. Yaza yathi,
"Azisenkulu iindlebe zakho Makhulu!"
"Zilunge kanye ukuze ndikuve kakuhle," yaphendula yatsho iNgcuka.
Yahlala imgadile yaze yancuma.
Wacinga, ndiza kumtya lo mntwana.
Xa ethelekiswa noMakhulu wakhe,
uza kuba nencasa oku kwamaqanda



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 122 2019/10/23 11:53:46

entlanzi.
UQhiyan' ebomvu wathi,
"Kodwa Makhulu, ayisentle ngako le dyasi yakho inoboya uyinxibileyo."
"Ayilunganga loo nto!" Wakhwaza watsho uNgcuka.
"Ulibele ukundixelela
Ukuba ndinamazinyo amakhulu ngokwenene?
Yho hayi andikhathali nokuba uthini,
Ndiza kukutya kakade"
Yancuma intombazana encinci. Yawa ibhanti yayo emnyama.
Wamvisa kanobom ngekarati yakhe.
Walahla kwintloko yesi silwanyana,
Waphinda walahla ikarati yakhe, wambona sele ebhubhile.
Kwiiveki ezimbalwa emva koko, ehlathini,
Ndadibana noNkszn. Qhiyan' ebomvu.
Kodwa wayetshintshile! Enganxibanga dyasi ibomvu,
Kungekho naqhiya entlokweni yakhe.
Wathi, "Molo, uze uqaphele idyasi yam entle yofele lwengcuka"





Masibhale

Zeziphi iindawo zalo mbongo ezifana nentsomi kaQhiyan' ebomvu?

Sahluke njani isiphelo sombongo kweso sentsomi? (Izikhusela njani intombazana?)

Sazi njani ukuba imbongi yadibana noQhiyan' ebomvu? (Jonga kwivesi yokugqibela yombongo.)



Umdlalo-mdima

Yenza umdlalo weqonga ngombongo. Uya kufuna aba balinganiswa balandelayo: UQhiyan' ebomvu, umakhulu, ingcuka nembongi.



Masifunde

Funda ibali uze uphendule imibuzo.



Golokoxo-goxo-goxo! wa-a! wa-a!
Yindulumban' iingxangxasi zeTsita;
Ziyaqukuqel' ukuhlis' umlambo.
Nanzo zigebhuza ziphukuzela.
Ziyangxola zenz' ubuxokoxoko.

"Ntakana ntyilo ntyilo
Uphetheni ngomlomo?"
"Ndipheth' amas' omntwana"
"Uwasa phi engekavuthwa?"
"Ndiwasa kuZicakule."





Ndithanda intak'eyipikoko;
Intak' ebukwa ngamaphiko
Intak'ethandwa okwenyibiba yasendle
Intaka' ebalasele ngobo buhle
Kodwa itsho ngelona lizwi lakhe lalibi.



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 124 2019/10/23 11:54:08

Umhla:

Masibhale Mingaphi imigca enayo le limerikhi?

Yeyiphi imigca ehambelana nemvano-siphelo?

Mangaphi amalungu kumgca ngamnye?

| Umgca 1 | Umgca 2 | Umgca 3 | Umgca 4 | Umgca 5 |
|---|---|---|---|---|
| | | | | |

Masibhale Ngoku bhala eyakho ilimerikhi uqale ngolu hlobo:

Ngoku yenza uludwe lwamagama anemvano-siphelo negama lokugqibela kumgca wokuqala – kulo mzekelo, Tozana.

Ntombazana ithile enguTozana



Masibhale Zama ukusebenzisa amagama anemvano-siphelo nomntu: Ungasebenzisa abantu, isintu, ubuntu, ngumntu, uluntu.



Kwakukho indoda eyayithandwa ngabantu



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 125 2019/10/23 11:54:13

# Ukonwabela imibongo



Masithethe

Masifunde

Wakha wambona uxam?

Uvakala njani xa umbamba?

Unjani?



Phofu mna ndihamba
Noxam wam

Bakunyuka ubushushu
Ngaphaya kwamashumi asibhozo
anesihlanu,
uxam wam uba
ngathi kungona esulungeka.

Kwakuba njalo sisuka siye
elwandle,
mna noxam wam,
ethe ngcu emagxeni am
njengoko sizula-zula elwandle ...

Kodwa ukuba kukho osibonayo
Isingumbono omangalisayo,
mna noxam wam
kwimithambo yemihla ngemihla,

ade omnye atsal'umnxeba
ebiza awalapho amapolisa
ebik'ingwenya endinayo
ye-aligeyitha
ebotshelelwe ngomnxeba.

Ngamathambo akhe omqolo
amenza ngathi ujamile
kodwa ukuthanda kakhulu
ukuphululwa
phantsi kwesilevu ebukwa.

Kanti ndiyazi owam uxam
selelungele umandlalo
xa selevath'ezokulala
intlok'eyozelayo eyibeka phantsi.

Phofu mna ndihamba
Neigwana yam

Noxam wam…
Nepirana yam
intlanzi eqwengayo
neTshiwawa yam engutoki
netshintshila yam eyimpukwana
negorila yam eyona mfen'inkulu
ikhathaphila yam…

Phofu mna ndihamba noxam
wam…

Brian Moses

Umhla:




Tshatisa la magama nengcaciso echanekileyo. Xela amagama ezilwanyana uze umamele izandi.

| | |
|---|---|
| pirana | impukwana |
| tshintshila | inja encinci |
| tshiwawa | intlanzi enamazinyo abukhali |
| gorila | ohlobo lwenkawu enkulu |
| khathaphila | ifana noxam kodwa inempumlo ende |
| uxam | umzimba othambileyo, imilenze emininzi |

I-UN yongeza ii-igwana ezithile kuluhlu lwayo lwezilwanyana ezisemngciphekweni

22 Matshi 2010 – INkqubo yobuMe obusiNgqongileyo beNkqubo yeZizwe eziManyeneyo (The United Nations Environment Programme - UNEP) ifakela izirhubuluzi eziliqela kuludwe lorhwebo lwezidalwa ezisemngciphekweni wokuphela. Injongo yoludwe kukunqanda abantu kwihlathi liphela ekurhwebeni ngezilwanyana ezisemngciphekweni wokuphela. Kufakelwe iintlobo ezine zooxam be-igwana kolu ludwe. Ooxam bee-igwana abakhuselweyo bayabanjwa baze bathengiselwe abantu, ngakumbi eYurophu naseMelika, ababafuna njengezilo-qabane ezingaqhelekanga, nezingafumanekiyo kuloo mazwe. Ukufaka ezi zidalwa kolu ludwe kuthetha ukuba oorhulumente banako ukulawula urhwebo ngazo.




Funda umbongo ngenyameko uze uphendule le mibuzo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| Ucinga ukuba ngenene umbhali ebehamba noxam wakhe okanye ingaba ngumbongo ongaqhelekanga lo? Kutheni usitsho nje? | | | |
| | | | |
| | | | |
| Umbhali uthetha ngobushushu bama-85°F. Bungakanani obo bushushu ngee-Celsius? | | | |
| | | | |
| Ucinga ukuba kutheni abantu becinga ukuba lo xam yialigeiyitha? | | | |
| | | | |
| Wena ungamangaliswa kukubona indoda ihamba noxam we-igwana osisilo-qabane sayo? Ngoba? | | | |
| | | | |
| | | | |
| Ubunokutsalela amapolisa umnxeba xa unokudibana naloo mbono? Ngoba? | | | |
| | | | |
| Ngawaphi amanye amagama anemvano-siphelo kulo mbongo? Xela izibini ezine zamagama anemvano-siphelo. | | | |
| | | | |
| | | | |



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 127 2019/10/23 11:54:35




Funda umbongo.

## Halala! Halala! Nyaka omTsha



Halala! Halala! Lusuku loNyaka omTsha!
Usuku loqalo olutsha.
Isigqibo sam ngalo nyaka kukuba yikhangaru.

Okanye ndingasuka ndifunde ukubhabha,
Okanye ukugqobhozela ngaphaya
kweendonga,

Okanye ukujika ndingabonakali,
nditshibilize phezu kweengxangxasi.


Ndakuzenza ilasitiki ndize
ndizifundise ukushwabana.

Ndakujika ndibengamanzi ndize
ndizigalele esinkini.

Ndakutyelela ezinye iiplanethi
ndidibane nabaninzi
abangaqhelekanga.

Ndakuhamba ndiye kwilizwe lakudala
ndikhwele idayinaso.
Ndinezicwangciso ezininzi ezimangalisayo.
Ndiyaqala ke ngoku.
Ewe, lo iya kuba ngunyaka owodwa.
Halala! Nyaka oMtsha

*nguKenn Nesbitt*



**Isibaxo**

**Isibaxo okanye ubabazo lugabadelo lwentetho olunjongo ikukugxininisa kwinto ethethwayo.**

Umzekelo: Ndifile yindlala.



XHO HL Gr6 B2 TH8.indd 128 2019/10/23 11:54:44

| Ndiyakwazi | 🙂 | ☹ |
|---|---|---|
| Ukufunda ibali | | |
| Ukuxoxa ngemibuzo esekelwe ebalini | | |
| Ukuxoxa ngesiphelo esifanelekileyo sebali | | |
| Ukulingisa isiphelo sebali ndibonise iklasi | | |
| Ukubhala iziphelo ezizezinye zebali | | |
| Ukubhala idayari ndisebenzisa umntu wokuqala | | |
| Ukusebenzisa imo elandulayo nezishunqulelo | | |
| Ukubhala ibali okanye intsomi ndigxininisa kubalinganiswa, kwisakhiwo sebali, Isimo - sentlalo neziganeko | | |
| Ukutshatisa isizathu nesiphumo sesivakalisi | | |
| Ukusebenzisa izihlanganisi | | |
| Ukubhala umhlathi ochazayo | | |
| Ukufunda ibhayografi | | |
| Ukuchaza izenzi, izihlomelo nezalathandawo | | |
| Ukuxoxa ngeentsingiselo zesichasaniso | | |
| Ukufunda umbongo | | |
| Ukulinganisa umbongo | | |
| Ukuchaza amagama anemfano-zandi kumbongo | | |
| Ukufunda umbongo ngokuvakalayo | | |
| Ukuxoxa ngenkcazo yomlinganiswa | | |
| Ukuphendula imibuzo esekelwe kumbongo | | |
| Ukubhala umbongo | | |
| Ukwenza umdlalo weqonga ngombongo | | |
| Ukufunda iilimerikhi | | |
| Ukuphendula imibuzo esekelwe kwilimerikhi | | |
| Ukubhala ilimerikhi | | |
| Ukunika imizekelo yezifaniso | | |
| Ukunika imizekelo yezangotshe zemibongo ezahlukileyo (umz isikweko) | | |
| Ukubhala ileta emiselweyo | | |

# Ukhethekile.

# Umzimba wakho wonke ungokhethekileyo.

## Nguwe kuphela onelungelo emzimbeni wakho!



**AKUKHO namnye umntu onelungelo lokuphatha amalungu akho angasese.**

**Kufuneka uxelele umntu ukuba kuye kwakho umntu okubamba amalungu akho angasese.**

**Kufuneka uxelele umntu ukuba kukho nabani na okwenzisa izinto ongathandiyo ukuzenza.**

**Tsalela kule minxeba xa ufuna uncedo:**

**Umnxeba olungiselelwe ukunceda abantwana: 0800 05 55 55**

**Umnxeba wokulwa nolwaphulo mthetho wamapolisa aseMzantsi Afrika: 086 00 10111**

**Umnxeba wongxamiseko wamapolisa aseMzantsi Afrika: 10111**

**Umnxeba woncedo: 0861 322 322**

**Iqela elikhusela abantwana: 012 393 2359/2362/2363**

